

UNksk. Angie Motshekga, uMphathiswa wemfundo esisiSeko



UMnu. Enver Surty uSekela Mphathiswa wemfundo esisiSeko

Ezi ncwadi zilungiselelwe abantwana baseMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundo esisiSeko uNksk. Angie Motshekga kunye noSekela Mphathiswa weMfundo esisiSeko uMnu. Enver Surty.

Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundo esisiSeko ajolise ekuphuculeni umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhomba-ndlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenkxaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba iSebe likwazi ukuvelisa ezi ncwadi, zifumaneke ngazo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.

Sinethemba lokuba ootitshala baya kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundo yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharityhulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyenzana, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundi.

Sinethemba lokwenene lokuba abantwana baya kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.

Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.

ISBN 978-1-920458-73-7





Rainbow WORKBOOKS

ISIXHOSA HOME LANGUAGE
GRADE 6 – BOOK 1
TERMS 1 & 2
ISBN 978-1-920458-73-7
THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.

ISIXHOSA ULWIMI LWEENKOBE – Ibanga lesi-6 Incwadi yoku-1

ISBN 978-1-920458-73-7

Ihlaziywe yaze yalungelelaniswa neCAPS



Ibanga lesi-6

Igama:

Iklasi:

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ISIXHOSA ULWIMI LWEENKOBE

Incwadi yoku-1
Ikota 1 & 2

Inkqubo yokubhala



Isicwangciso

Yenza isigqibo ngesihloko sakho.
Thetha neqela lakho ukuze ufumane izimvo.
Sebenzisa isazobe sokucinga ukuze ucacise izimvo zakho malunga nesakhiwo sebali, abalinganiswa kwakunye nemontlalo.

Ilinge lokuqala

Bhala ilinge lakho lokuqala.
Cinga ngabafundi bebali, ubume balo kunye nemihlathi yalo.

Lihlaziye

Funda ilinge lakho lokuqala ukhangele iziphoso uze ufune iingcebiso koogxa bakho nakutitshala wakho.

Lihlele

Hlela isincoko okanye ibali lakho ukhangele iimpazamo zopelo neziphumlisi.
Yenza izilungiso kwilinge lakho.

Lipapashe

Bhala ilinge lakho lokugqibela elihleliweyo ngobunono.

Inkqubo yokufunda

Phambi kokufunda





- **Cinga ngokwaziyo malunga nesihloko**
- **Cinga ngombhali kwakunye nomhla wopapasho.**
- **Funda imihlathi yokuqala neyokugqibela yecandelo.**
- **Qikelela ukuba liza kuba ngantoni ibali.**


Ukufunda





- **Xa ufunda, khawukhe ume ukhangele ukuba uyaqonda na.**
- **Thelekisa uqikelelo lwakho nokufundayo.**
- **Ukuba akuyifumani intsingiselo yamagama ongawaziyo, wakhangele kwisichazi-magama sakho.**
- **Ukuba kukho icandelo ongaliqondiyo, phinda ulifunde ngokucothayo. Khwaza xa ulifunda.**

Emva kokufunda





- **Zama ukukhumbula ulwazi olufumeneyo.**
- **Yenza isazobe sokucinga ubhale izimvo eziphambili.**
- **Bhala isishwankathelo ukuze ukhumbule izimvo eziphambili.**
- **Sebenzisa ulwazi olufumene kokufundileyo xa ubhala.**

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
Sixth edition 2016

ISBN 978-1-920458-73-7

This book may not be sold.

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

Ibanga lesi- 6

Rainbow WORKBOOKS

ulwimi lweenkobe

NGESIXHOSA





Le ncwadi yeka-:

ISIXHOSA

Incwadi yoku-

1

IZIKHOKELO ZOKUSEBENZISA LE NCWADI YOKUSEBENZELA

Le ncwadi yisebenzise kunye namanye amancedo/nabanye oovimba. Funda uxwebhu lwe-CAPS lwesigaba sabaphakathi lolwimi lweenkobe.

Siyanamkela kule Ncwadi yokusebenzela yoLwimi Lweenkobe yesigaba sabaphakathi. Umgangatho woLwimi Lweenkobe wesigaba sabaphakathi ujolise ekuphuhliseni izakhono zolwimi zabafundi ukuze bakwazi ukunxibelelana kwiimeko zentlalo, kananjalo nasekuphuhliseni izakhono zengqiqo zokufunda ezingundoqo ekufundeni kwikharityhulam yonke. Sinethemba lokuba uyakuyifumana iluncedo le ncwadi ekuncedeni abafundi baphucule izakhono zabo.

Le Ncwadi yokusebenzela ilungelelaniswe nemijikelo yeeveki ezimbini zika-CAPS. Isishwankathelo sokuya kufundiswa kumjikelo ngamnye weeveki ezimbini ufumaneka kumaphepha 1, 35, 69 nakwele-103 kule ncwadi yokusebenzela. Umjikelo ngamnye weeveki ezi-2 uqulethe izakhono ezine zolwimi:



1 Ukumamela nokuthetha (Ezomlomo) – Iiyure ezimbini kumjikelo weeveki ezi-2

Kufuneka abafundi bafumane rhoqo amathuba okuphuhlisa izakhono zabo zokumamela nokuthetha ukuze bakwazi ukuqokelela ulwazi, ukusombulula iingxaki nokuvakalisa izimvo zabo. Ezi ncwadi zinemisebenzi eliqela yokuthetha nokumamela onokuyongeza ukuze uqinisekise ukuba banamathuba okuziqhelisa ukuthetha.



2 Ukufunda nokubona – iiyure ezi-5 kumjikelo weeveki ezi-2

I-CAPS igunyazisa ukuba abafundi bafunde kwaye babone izicatshulwa nokunye okubhaliweyo kumjikelo ngamnye weeveki ezi-2. Oku kuquka ukufunda: amabali amafutshane, iintsomi, amabali angamava abantu, iileta, ii-imeyile, ukubhala kwiidayari, amanqaku eemagazini, udliwano-ndlebe lukanomathotholo/lwerediyo, imibongo, izicatshulwa ezithundezayo, izibhengezo/iintengiso, imiyalelo, iinkqubo neendlela zokwenza. Ukongeza, i-CAPS ikwafuna ukuba abafundi bafunde izicatshulwa zolwazi ezinemifanekiso: iimephu, iitshathi, iitheyibhile, imizobo, izazobe zokucinga, iitshathi zemozulu, iipowusta, izaziso, imifanekiso kunye neegrafu. Uyakuzifumana iqela lezi ntlobo zezicatshulwa kule ncwadi yokusebenzela. I-CAPS ikwachaza nenkqubo yokufunda ebandakanya amanqanaba okufunda kwangaphambili, ukufunda kwanokufunda kamva. Uya kufumana inkcazelo yemifanekiso eluncedo yenkqubo yokufunda kuqweqwe lwangaphakathi lwale ncwadi.




3 Ukubhala nokubonisa – Iiyure ezi-4 kumjikelo weeveki ezi-2

I-CAPS ifuna abafundi banikwe rhoqo amathuba okuziqhelisa ukubhala kwiimeko ezahlukeneyo. Ezi Ncwadi zokusebenzela zinika izakhelo eziliqela zokubhala eziza kuba luncedo kubafundi ekucwangciseni nasekuboniseni izicatshulwa zabo ezibhalwayo, ezibonwayo nezinye iindlela zosasazo. Uya kufumana inkcazelo yegrafu yenkqubo yokubhala kuqweqwe lwangaphakathi olungasemva lwale ncwadi.



4 Izakhiwo zolwimi ezi-4 – Iyure e-1 kumjikelo weeveki ezi-2

I-CAPS inika uluhlu lwezakhiwo zolwimi nemisebenzi ekufanelwe ukuba yenziwe kwibanga ngalinye. Le Ncwadi iquka imisebenzi ethile kumjikelo ngamnye weeveki ezi-2. Le misebenzi idla ngokuba nenqaku elichaza umsebenzi wolwimi.



Ukuze ufumane isikhokelo ngokubanzi, funda incwadana yoqeqesho yale Ncwadi yokusebenzela.

Umhla:

Izi qulatho

Umxholo 1: Inyaniso neentsomi



Iingxelo zeendaba
Ikota yoku-1: liveki 1 - 2

1 Zithini iindaba? 2
Umfundi ufunda aze athelekise amanqaku amane ephephandaba.
Uqwalasela iingongoma, umgca wegama lombhali, umhlathi osisikhokelo nezihloko.

2 Ukufunda iindaba 4
Uphawula iingongoma, umgca wegama lombhali, umhla, umhlathi oyintshayelelo nokusetyenziswa kwemifanekiso nezihloko.
Uphendula imibuzo kumanqaku ephephandaba aze aphawule iimpawu eziqhelekileyo.
Uvavanyo lokuqonda olusekelwe kumanqaku aphawula iingongoma, umgca wegama lombhali nokuphendula imibuzo emalunga nokuba ngubani, owenzeni, phi, nini, kutheni kanjani.
Umsetyenzana ongesigama kumagama neentsingiselo osekelwe kumanqaku ephephandaba.
Iingxoxo ngeengongoma njengoko zitsala umdla kumntu ozifundayo.
Intshayelelo yezijekulo kusetyenziswa imifanekiso, izihloko neefoto.

3 Ukubhala inqaku lephephandaba 6
Ucwangcisa aze ayile inqaku lephephandaba esebenzisa imibuzo emalunga nokuba ngubani, owenzeni, phi, nini, kutheni okanye kanjani.
Uxoxa jikelele ngezimvo kunye neqela. Usebenzisa iinkqubo zokubhala: ukuxoxa jikelele, ukucwangcisa, ukuyila, ukuhlela nokunika ingxelo.
Ubhala inqaku lephephandaba esebenzisa ingongoma, umgca wegama lombhali kunye nezinye iimpawu.
Wenza amalungiselelo aze enze intetho esekelwe kwinqaku lephephandaba.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

4 Ukubhala kakuhle 8
Intshayelelo yohlobo lokubuza
Imisetyenzana esekelwe kuhlobo lokubuza.
Intshayelelo yesivumelanisi sentloko.
Imisetyenzana esekelwe kwisivumelwano phakathi kwentloko nesenzi.
Intshayelelo yezimelabizo zoqobo nezochazo (izimnini).
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

5 Intombazana yesikolo isindisa ubomi benkwenkwe 10
Umfundi ufunda inqaku lephephandaba.
Uqwalasela iingongoma, umgca wegama lombhali, umhlathi osisikhokelo, umhla nezihloko.
Ubalisa ngokutsha ibali ngokulandelelana kwalo.
Intshayelelo yezibizo ezingamagama.
Umsebenzi wokwahlula izibizo ezingamagama nezibizo eziqhelekileyo.

6 Imiba yolwimi 12
Usebenzisa iimpawu zocaphulo.
Ubhala izivakalisi zibe kwingxelo-ntetho.
Ubhala isivakalisi esisisihloko aze aquke nolwazi olufanelekileyo lokuphuhlisa umhlathi. Ucima izivakalisi ezingahambelaniyo nesihloko.

7 Ukukhathalela iziqu zethu 14
Ufunda amanqaku amabini ephephandaba.
Uqwalasela iimpawu: ingongoma, umhlathi osisikhokelo, ukusetyenziswa kwezinto ezibonakalayo nesihloko esiphambili.
Uvavanyo lokuqonda olusekelwe kwinqaku lephephandaba, kuthelekiswa amanqaku amabini eendaba.
Utolika ikhathuni enxulumene nesihloko.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

8 Ukuthetha malunga ngeendaba 16
Wenza amalungiselelo aze enze intetho.
Uyila ipowusta ehambelana nentetho.
Wenza amalungiselelo aze enze intetho.
Uyila ipowusta ehambelana nentetho.
Ulwahlulo lwamagama nokubala amalungu egameni.
Umsebenzi weziphumlisi ongekoma, isingxi, uphawu lwesikhuzo, njl-njl.

Iintsomi
Ikota yoku-1: liveki 3 - 4

9 Indlela uMvundla owaqhatha ngayo uNdlovu noMnenga 18
Intshayelelo yeentsomi.
Wenza imisebenzi yaphambi kokufunda aze aqikelele esebenzisa itayitile nemifanekiso.
Ufunda intsomi eqwalasele abalinganiswa, isimo sentlalo nesakhiwo sebali.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe

10 Ukucinga ngoMvundla, uMnenga neNdlovu 20
Uqwalasela iingcinga ezondeleyo, isifundo esinentsingiselo efanelekileyo, ukumntwiswa kwezilwanyana.
Uvavanyo lokuqonda olusekelwe kumxholo nakwiintelekelelo.
Ukhetha izichazi (iziphawuli nezibaluli) ezichaza umvundla.
Usebenzisa izichazi ukuze azobe isimo somlinganiswa ongumvundla.
Ubhala inkcazo yesimo somntu othile.

11 INdlela uMvundla owaqhatha ngayo iNgonyama neNgwenya 22
Ukuqikelelwa kwebali elisekelwe kwimifanekiso.
Ubhala ibali esebenzisa isikhokelo esinamagama aphambili nemifanekiso. Onke amanqanaba okubhala kokuqala ayalandelwa: ukuxoxa jikelele, ukucwangcisa, ukuyila, ukuhlela nokubalisa ibali eklasini. Ukufundela iklasi okanye iqela ibali.

12 Iindidi ezahlukeneyo zezibizo 24
Ukwazisa izibizo eziqhelekileyo nezibizo ezingaphathekiyo.
Umsetyenzana kwizibizo eziqhelekileyo nezingaphathekiyo.
Ubethelela izibizo ezingamagama.
Uhlela izibizo ngokwezibizo eziqhelekileyo, ezingaphathekiyo nezibizo ezingamagama.
Uxoxa ngamaqhalo nezaci.
Ubhala iinkcazelo zawo futhi uyawazoba.

13 Indoda eyathenga umthunzi 26
Ukuqikelelwa kwebali okusekelwe kwimifanekiso nezihloko.
Uxoxa ngebali: abalinganiswa, isimo sentlalo nesakhiwo sebali.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

14 Emthunzini womthi 28
Wenza umdlalo osekelwe kwibali ukubonisa abalinganiswa nesakhiwo sebali. Unxulumanisa izibizo neziphawuli.
Umsebenzi kwizichasi.
Intshayelelo yezikweko.
Ubonisa esinye sazo.
Ixesha langoku, elidlulileyo nelizayo.

15 Okunye malunga nolwimi 30
Umsebenzi wexesha langoku nelidlulileyo kusetyenziswa isivumelanisi sentloko.
Utshatisa amaqhalo kunye neentsingiselo zawo.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

16 Umdlalo wexesha 32
Ukuhlaziya ixesha elidlulileyo, elangoku nelizayo njengebhodi yomhlalo.
Umfundi uyazihlola.
Ukuzihlola ngokweziphumo zamaphepha emisebenzi ali-16 angaphambili.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo Kwisichazi-magama sakhe.





Zithini iindaba?



Jonga iingongoma nemifanekiso yamanqaku amane ephephandaba uze uxelele umhlobo wakho ukuba ucinga ukuba inqaku ngalinye limalunga nantoni na. Funda umhlathi osisikhokelo kwinqaku ngalinye uze ubone ukuba ungakwazi ukuthelekelela ukuba inqaku lilonke limalunga nantoni na.

Phambi kokuba ufunde
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

Ngeli xesha ufundayo
- Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo
- Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ukhwaze.



Isikolo esitsha e-New Town

UJan Roux uNondaba wezeMfundo

Umhlathi okrobisayo

Ohloniphekileyo uMphathiswa wezeMfundo ubambe itheko lokuvula isikolo samabanga aphantsi e-New Town ngoMvulo.

UMphathiswa wazise abazimasileyo ukuba kwakhiwe isikolo esitsha kwiphondo ngenjongo yokuhlangabezana nenani elikhulayo labantwana. Uthe

"**inani labemi** kulo mmandla likhule **kakhulu** oko kwavulwa imayini e-New Town zaze iintsapho **zafudukela** kulo mmandla zifuna umsebenzi." Ngenxa yokuba abantu befudukele kulo mmandla bephuma kwiinkalo zonke zelizwe, isikolo siya kufundisa ngesiNgesi.

Iinzame ezizodwa ziya kuthi zenziwe ukuqinisekisa ukuba abafundi bayaqhubeka nokufunda ukuthetha, ukufunda nokubhala ngeelwimi zabo zeenkobe (Sepedi, isiXhosa, isiZulu nesiBhulu).

Abahlali baluvuyele kakhulu olu phuhliso lwesikolo baze abazali bazibandakanya nomphathiswa kwitheko lokutyala imithi. Banezicwangciso zokuphuhlisa ithala leencwadi neegadi zesikolo. Obencume kakhulu noneminyaka eli-12 uThandi Khosa uthe, "Ndivuya kakhulu ngokuqala iBanga lesi-6 kwisikolo esitsha. Ndiza kuzimisela ngakumbi emsebenzini wam."



Ukuthaphuka komsi



UJabu Dube uNondaba

Umhlathi okrobisayo

Ibhasi yesiXeko ibisisisi nje emva kokutsha okubangelwe kukuphazamiseka kweentambo zombane.

Kwiintsuku ezine ezidlulileyo, abahambi ebebekhwele kwibhasi yase-Sunhill kufuneke ukuba **baphume** kuyo ngomnyango ongasemva nangokophula ifesitile yexesha likaxakeka engasemva ebhasini.

"Sibenethamsanqa lokufumana iibhegi zethu zeencwadi zesikolo ebhasini," utshilo u-Sbu Ndidi exolile. Abakhweli bashiyeke **besengxakini** njengoko inkampani yebhasi yayingakwazi ukuthumela ibhasi **engenye**. Inkampani yesixeko yebhasi iza kuhlola zonke iibhasi zayo ukuqinisekisa ukuba le ngxaki **ayiphindi yenzeke**.

Ukubethwa kangaka!

Ingongoma



Ann MacDonald

UNondaba wezeMidlalo

Umgca wegama lombhali

Kweli xesha lidlulileyo lebhola ekhatywayo iqela leWestern Warriors lalipheth' imbengwane iqela lesoka iSuper Girls..


NgoLwesibini uMary Sithole weqela leSuper Girls wafaka amanqaku amabini ngeli xa uAnna Smith noLouise Parker bongeza inqaku elinye emnye, nto leyo eyenza ukuba iqela leSuper Girls lilitywatyushe kanobom iqela leWestern Warriors ngamanqaku amane kwimband' esikhova (4-0) e-New Town Stadium.

"Bekubalulekile kakhulu oku kuthi," utshilo umqeqeshi. "Kule minyaka mibini idlulileyo sidlala neli qela belisoloko, lisitya, ngoko ke bekumnandi kakhulu ukufumana le mpumelelo ekugqibeleni." Ke ngoku kwenzeka kanjani ukuba iqela ebelisoyiswa lutshaba oludala lisuke litsho **ukubabhulel**" **amasaka** ngama-4 kwimband" esikhova? Ngokomqeqeshi we-Super Girls, kufuneka uqine apha kubakhuseli – ngabo abenze udonga lwaluqilima zaze iiWarriers zaneebhola ezintathu kuphela ezizikhabele ngasezipalini. "Nangona ukapteyini wethu waye wonzakala, sidlalise abalaleli ebebesezitulweni kunjalonje benza umsebenzi oncomeka kakhulu", utshilo umqeqeshi. "Le mpumelelo **isikhuthaze** ngenene!" utshilo uMary Sithole. "Nanini na xa sidlala kakuhle sonke, kuvakala ngathi singabetha naliphi na iqela."

Inkwenkwe isindise umntwana omncinane osabhadazayo

Intombazanana eminyaka mithathu ikhutshwe emlanjeni yinkwenkwe yesikolo, uDumisani Mkize, weSikolo samaBanga aPhantsi i-New Town KwaZulu-Natal.

Kwiintsuku ezimbini ezidlulileyo, lo mntwana omncinane osahamba nzima ebegcinwe ngudade wabo oneminyaka esibhozo nothe waphazamiseka ngexa umntwana eye wabhadulela ngasemlanjeni. UNksk. Dlamini weSebe loPhuhliso lweNtlalo uthe abantwana kufuneka bahlale bephantsi kweliso lomntu omdala.



Inkcazelo

UDumisani Mkize ominyaka ilishumi elinesibini usindise umntwana omncinane osabhadazayo.

Ukufunda iindaba





Masibhale

Jonga kwinqaku ngalinye kwakhona.
Faka iimpendulo kwimibuzo ekuluhlu.

Hayi	Yintoni ingongoma?	Yintoni umgca wegama lombhali?	Senzeke nini isiganeko? Fumana umhla.
1			
2			
3			
4			



Masibhale

Krwela umgca ukuze utshatise amagama angasekhohlo neentsingiselo zawo ekunene.

inani labemi	ukususwa kwenye indawo usiwe kwenye
ukukhuthaza	inani lilonke labantu abahlala kummandla
ufudukile	ukuphulukana nengqwalaselo
ukubhadaza	ukuphembelela
imband' esikhova	ukushiya indawo
ukuphazamiseka	iqanda okanye unothi
ukukhutshwa	ukuhamba nzima



Masithethe

Jonga ezi ngongoma uze utsho ukuba ucinga ukuba amanqaku amalunga nantoni na. Ingaba iingongoma ziwutsala njani umdla wethu?








Umhla: _____



Khetha amanqaku amabini ephephandaba uze uthethe ngawo kwiindaba zikamabonakude.



Kwenzeke ntoni?	Ngubani obekhona?





Amaphephandaba ikakhulu asebenzisa iifoto. Funda izijekulo zaba bantu uze utshatise isihloko nomfanekiso. Fakela inombolo echanekileyo.

1. Laduma! Singa-baphumeleleyo!

2. Andifuni kuya esikolweni!

3. Kutheni kufuneka ndenze umsebenzi wasekhaya rhoqo?

4. Udinga ukutya iziqhamo nemifuno ehlaziyekileyo uze unciphise okunamafutha.

5. Kubalulekile ukuba abantwana bafunde yonke imihla.

6. Ndiyavuya!













Ukubhala inqaku lephephandaba



Masenze

Cwangcisa inqaku elilelakho lephephandaba. Xoxa ngemibuzo ekwisazobe sokucinga nomhlobo wakho.





1 Kwenzeke ntoni?

2 Senzeke nini isiganeko?

3 Ngubani othathe inxaxheba?

4 Senzeke phi?

5 Kutheni?



● Sebenzisa isazobe sokucinga ukukunceda ekucwangciseni ukubhala kwakho ● Bhala kuqala ngokuntlakantlaka ● Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana sintlakantlaka ● Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo ● Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.

BHALA INQAKU LEENDABA

- Yila ingongoma edala umdla.
- Umhlathi wokuqala: Kwisivakalisi sakho sokuqala okanye sesibini, kufuneka uxelele umfundi ofunda inqaku lakho ukuba ngubani, yintoni, nini, phi kwaye kutheni. Zama ukutsala umdla wabafundi ngokuqala ngengxelo ehlekisayo, ekrelekrele okanye ingxelo eyothusayo.
- Imihlathi ephakathi: Nika umfundi iinkcukacha eziphelelelyo. Caphula neentetho zabantu obabuze imibuzo. Sebenzisa iimpawu zocaphulo ubonise ukuba batheni na.
- Umhlathi wokugqibela: Gqibezela ngesicatshulwa okanye ngebinzana elidala umdla.





Masibhale

Bhala inqaku lephephandaba elilelakho. Lithiye igama iphephandaba lakho. Yila isihloko esidala umdla uze ubhale iindaba zakho usebenzise amanqaku owenze kwisazobe sokucinga. Xa sele ukwenzile oku, tshintshiselana nabanye eklasini uze uchaze ukuba ngubani na onezona ndaba zinika umdla.

Umhla:

Igama lephephandaba nomhla

Ingongoma

Umgca wegama lombhali

Intshayelelo

Zoba umfanekiso uze ubhale isihloko sawo.

Sesiphi esi isiganeko kwaye senzeka phi?

Ngubani obekhona kwaye sathini isiphumo?



Ukubhala kakuhle

Amagama abuzayo ayimibuzo. Khumbula ukufaka uphawu lombuzo ekupheleni kwesivakalisi.



Masibhale

Tshintsha ezi zivakalisi zibe yimibuzo. Sikuqalele ezinye.

Izolo ebegula.
Ebegula
Baya eThekwini ngeyoMnga.
Ingaba ba-
Ufunde amaphephandaba izolo ebusuku.
Ingaba u-
Babaleke kumdyarho izolo.
Ingaba ba-
Baphumelele umdlalo wabo izolo.
Uthenge ilokhwe entsha.
Bebedlala ibhola ekhatywayo ngexesha iqala ukuna.
Ebenentloko.
Kunile izolo.
Inja ikhonkothe ikati.



Iintloko nezenzi ziyasebenzisana. Kwisivakalisi esichanekileyo, intloko nesenzi zisoloko zivumelana. Oku kuthetha ukuba ukuba unentloko ekwisinye isenzi siya kuba nesivumelanisi sentloko esikwisinye, ngokunjalo ukuba intloko ikwisininzi isenzi siya kuba nesivumelanisi sentloko esikwisininzi. Jonga le mizekelo.

1. Inkwenkwe yomba umngxuma. (Inkwenkwe enye)
2. Amakhwenkwe omba umngxuma.(amakhwenkwe amaninzi)



Masibhale

Yenza intloko nganye ivumelane nesenzi. Krwela umgca phantsi kwentloko uze ukhethe isenzi esihambelana nentloko.

1. UJabu **bahlala/uhlala** ePolokwane.
2. Intombazana **badlala/idlala** ibhola kwiqela lokuqala.
3. Amakhwenkwe amabini **aqhuba/iqhuba** iimoto zawo zokudlala.
4. **Uya/baya** kwiSikolo i-New Town.
5. **Sidlala/udlala** kwiqela lebhola ekhatywayo labangaphantsi kweminyaka eli-12.
6. Iqela **lidlale/badlale** ngcono kakhulu izolo.

Umhla:

Izimelabizo zoqobo


Ezi zizimelabizo zoqobo:
Mna yena lona
yona thina wena bona

Ngoku siza kujonga izimelabizo.

Krwelela isimelabizo soqobo kwisivakalisi ngasinye kwezi.

Mna ndisesikolweni	Thina singabantwana
Yena uyintombazana.	Wena ungumhlobo wam wenene.
Lona luyatsha.	Bona badlala isoka.
Yona yinyibiba.	Thina sitya isidlo sethu sasemini.





Masibhale

Ngoku jonga kolu ludwe lude lwezimelabizo zoqobo uze uzikrwelele kwizivakalisi ezingezantsi.

IZIMELABIZO ZOQOBO					
mna	yena	wena	yona	lona	kona
thina	bona	nina	zona	wona	

Yena uthatha incwadi.	Yena ufaka incwadi yakhe ebhegini.
Mna ndiyinike yena incwadi.	Bona bahamba ngebhasi emthubi.
Thina sifuna ukubukela ibhola ekhatywayo.	Ndizinike bona iilekese.

Siyazi ukuba zeziphi izimelabizo zoqobo. Kukho nezinye iindidi zezimelabizo, **ezinjengezimelabizo zochazo** ezakhiwa **kwizimnini**. Jonga kuluhlu olungezantsi ubone ukuba zeziphi na.

IZIMELABIZO ZOQOBO		IZIMELABIZO ZOCHAZO (IZIMNINI)
mna	thina	Yam
wena	nina	yakho
yena	bona	yakhe
wona	yona	yawo, yayo
yona	zona	zazo
lona	wona	lazo
sona	zona	sazo

Izimelabizo zochazo (izimnini) zakhiwa ngokudibanisa iceba lesibizo nesakhi simnini kunye nesimelabizo soqobo. umz. inja yam:
i + a + mna = yam,
i + a + bona = yabo.
U-na wesimelabizo soqobo uyalahlwa.

Jonga ezi zivakalisi zilandelayo uze ukrwelele izimelabizo zoqobo kunye nezimelabizo zochazo.

Wena kufuneka ufunde iincwadi zakho.	Yena uthanda ukunxiba ijezi yakhe ebomvu xa ehamba.
Itakane lona lifuna unina walo.	Nceda thina usibonise izitulo zethu.
Yona ayisindwa ngumboko wayo.	

- Phambi kokuba uqale ukufunda eli nqaku lephephandaba, jonga ingongoma kunye nomfanekiso. Zama ukucinga ukuba limalunga nantoni eli nqaku.



Masifunde

E Smith UNondaba

NgoMvulo 27 EyomDumba 2015

Indadi eselula iyahlangula

UBongi Shabalala, ongumfundi oneminyaka eli-12 weBanga lesi-5 kwiSikolo samaBanga aPhantsi iFundani, uhlangule inkwenkwe yesikolo ebirhaxwa edamini. UMichael Naidoo oneminyaka esibhozo ebedada eRough Dam kufutshane nesikolo emva kwemini ngoLwesihlanu. Iingxelo zithi inkwenkwe yeBanga lesi-3 yayizama ukuntywila ukusuka emthini kodwa yabetheka ngentloko esebeni lomthi phambi kokuwela emanzini.

UBongi, obesendleleni egodukayo evela esikolweni ubone inkwenkwe idada ngaphezulu edamini. Ukhawuleze wantywila ukuze ayihlangule. Ungukapteyini wezokudada esikolweni sakhe kwaye unaso nesatifikethi soNcedo lokuQala.



UBongi uyizise elunxwemeni inkwenkwe waza wayivusa. Ebekwazi ukunika uncedo lokuqala lokuvuthela umoya emlonyeni ukuncedisa ukuphefumla. I-Red Cross ithi iindlela zobuchule bokusindisa ezifana nezi azinzimanga kodwa xa umntu eyeka ukuphefumla kufuneka akhawulezelwe ngoncedo. Ukuba omnye umntu uyeke ukuphefumla, kufuneka uthathe inyathelo ngokukhawuleza.

Ngethamsanqa, umhlobo kaBongi uAnn Brown uthe xa egqitha kwindawo yesehlo sengozi yakhonkotha inja yakhe. Uqaphele ukuba kukho ingozi eyenzekileyo waza wakhawuleza ukuya apho uBongi ebeyinceda khona le nkwenkwana. Wazise inqununu yesikolo nethe yabiza iinkonzo zohlangulo.

UBongi uza kufumana ibhaso ngokukhalipha kwakhe kokusindisa ubomi bukaMichael Naidoo.

Inqununu, uNksk Makhanya, uyale bonke abantwana ukuba baziphathe kakuhle, bangayi bodwa edamini.

Inqununu icele bonke abantwana ukuba benze izifundo zoNcedo lokuQala nezokudada.



Masithethe

Xelela umhlobo wakho, ngokulandelelana okuchanekileyo, okuxelwe kwinqaku lephephandaba.



Umhla:



Masibhale

Funda inqaku lephephandaba uze uphendule le mibuzo ilandelayo.

Zithini iingongoma zephephandaba?



Kubhalwe ntoni kumgca wegama lombhali?

Le ngozi yenzeke ngowuphi umhla? (Icebiso: jonga kumhla wephephandaba)

Kwenzeka ntoni kuMichael Naidoo? Bhala izivakalisi ezithathu uchaze okwenzeke kuye. Qala izivakalisi zakho ngolu hlobo kuboniswe ngalo ngezantsi.

1) Okokuqala u	2) Waze wa	3) Ekugqibeleni u

Zeziphi izakhono ezibini awayenazo uBongi nezasindisa ubomi buka-Michael?

Jonga kwakhona kwinqaku lephephandaba. Krwelela izibizo **ezingamagama abantu naweendawo** ngomgca obomvu nezibizo **eziqhelekileyo** (amagama ezinto) ngozuba. Ngoku faka izibizo phantsi kwezihloko ezifanelekileyo.

Xa sithetha ngezibizo ezingamagama sithetha ngamagama abantu okanye amagama eendawo. Ezi zibizo siziqala ngoonobumba abakhulu xa sizibhala.

UMNTU		INDAWO		INTO	
Bongi		Isikolo iFundani		umthi	

Imiba yolwimi

Ingxelo-ntetho



Sisebenzisa iisethi ezimbini zeempawu zocaphulo ukuba igama lesithethi lixelwe embindini woko kuthethwayo, njengolu hlobo:

- "Ndikucele kabini," utshilo umama, "ukuba uhlambe ipleyiti yakho."
- "Nceda uchole inkunkuma," utshilo utitshala. "Ibala lezemidlalo limdaka kakhulu."



Masibhale Fakela iimpawu zocaphulo kwezi zivakalisi.

Xa sibhala ngefilimu, idividi, ividiyo okanye incwadi, sifaka igama layo kwiimpawu zocaphulo, njengolu hlobo:

- Ndiwubonile umboniso bhanyabhanya othi *"Mad Buddies"*.
- Ndiyifundile incwadi ethi "Harry Potter and the *Goblet of Fire*".

1. Ungaya edolophini ngebhayisekile? ubuzile uBongi.
2. Uza kube uphi umdlalo webhola ekhatywayo ngoMgqibelo? ubuzile u-Ann.
3. Ukhe wayibukela ibhanyabhanya ethi Shrek?
4. Uza kuyifunda incwadi ethi Indlela umvundla owayiqhatha ngayo ingonyama nengwenya?
5. Kufuneka ndifunde incwadi ethi Umdlalo weqonga waBantwana.
6. Gqiba umsebenzi wakho wasekhaya, umemezile umama, okanye awuzukumbukela umabonakude.
7. Usengxakini! ukhwaze njalo uThami. Umama wakho ukubonile usenza loo nto.
8. Ndidiniwe, utshilo uMandu. Ndiza kulala ngeyesi-7 ngokuhlwanje.
9. La keyiki inuka kamnandi, utshilo uMakhulu kuMandu xa eyikhupha e-ontini.
10. Akwaba bendazile, utshilo uThandile ukuba utitshala wam uyahamba kulo nyaka.

Bhala ngokutsha ezi zivakalisi kwixesha langoku, ngokungathi zonke izinto zenzeka ngoku.

UBongi usindise inkwenkwe yesikolo ebirhaxwa edamini.

Inkwenkwe ibizama ukuntywila isuka kwisebe lomthi.

UBongi untywilele edamini wabuya nayo inkwenkwe elunxwemeni.

Umhla:



Masibhale

Jonga izivakalisi ezingezantsi uze ususe ezo ezingabhekisi kwisihloko. Uze ubhale umhlathi kwisithuba esingezantsi. Kuya kufuneka ukuba izivakalisi uzimise ngokulandelelana kwazo.

Umhlathi olungileyo kufuneka ube noluvo olunye oluphambili okanye isivakalisi. Eyona ndawo ilungileyo yokukhankanya isihloko kukwisivakalisi sokuqala. Xa uthetha ngesihloko esahlukileyo kufuneka uqale umhlathi omtsha.

UBongi usindise inkwenkwe. (isivakalisi esiyintloko)

Inkwenkwe iintywilile ukungena edamini.

UBongi ubone inkwenkwe emanzini.

Amagqabi aluhlaza.

Ubetheke ngentloko kwisebe lomthi waze wawela emanzini.

Idama lihle.

Ngethamsanqa uBongi wagqitha ngasedamini.





Masibhale

Krwela umgca phantsi koluvo olungundoqo okanye kwesihloko kwisivakalisi ngasinye.

Umhlobo wam ushiywa yibhasi phantse zonke iintsasa.

Iselula yam iwile yaze yacima.

Ndiya kuziqhelisa nekwayala rhoqo ngosuku lwesibini.

Ndiyilahlile incwadi kuba ibimanzi.

Ukukhathalela iziqu zethu





Masifunde

- Kukho amanqaku amabini eendaba kweli phepha.
- Jonga iingongoma uze ujonge imifanekiso.
- Ucinga ukuba amanqaku amalunga nantoni na?
- Ingaba ucinga ukuba zinayo into efanayo?

Iindaba zethu 13 EyoKwindla 2015

Imithetho emitsha yokutshaya ikhusela abantwana

Bangaphezu kwesiqingatha abantwana kweli hlabathi abaphefumla umoya onongcoliseko lomsi wecuba, kanti malunga nesi-5 seepesenti yayo yonke imililo eyenzeka eMzantsi Afrika ibangelwa ziisigarethi.

Imithetho emitsha echasene nokutshaya inika ukhuselo lwabantwana olongezelelweyo. UMbutho wezeMpilo weHlabathi uyasilumkisa ngokutshaya ungatshayi (ukuphefumla umsi womnye umntu otshaya isigarethi) nokuyingozi empilweni yethu, ngakumbi ebantwaneni. Imithetho emitsha engokutshaya yaseMzantsi Afrika ijoliswe ekunqandeni abantu ekutshayeni kufutshane nabantwana. Oku kuya kubakhusela emsini abawuphefumlayo obangela umbefu, ukutswina kwesifuba, ukukrala kwemibhojana yemiphunga okanye kwizifo zemiphunga. Imithetho emitsha yenza kube lulwaphulo-mthetho ukutshaya emotweni xa kuhanjwa nabantwana abangaphantsi kweminyaka eli-12 ubudala, kanti ongaphantsi kweminyaka eli-18 akavumelekanga kwiindawo zabantu abatshayayo.



Ngaphezu koko, amaqumrhu eesigarethi ngoku kufuneka abeke imifanekiso kwiipakethi zeesigarethi ukubonisa abatshayayo indlela eliyingozi ngayo icuba empilweni yabo, kwaye abanakuwasebenzisa amagama afana nala "intshongo incinci", "iphantsi kakhulu" okanye "ayikho kangako" kwiisigarethi zabo. Amanye amaqumrhu eesigarethi azishicilela ezi zilumkiso kwiipakethi zabo kuba zenza abantu bacinge ukuba "intshongo encinci" ayinabungozi kakhulu kuneesigarethi zesiqhelo. Kodwa oku kuyakhohlisa. Iisigarethi ezinentshongo encinci aziwunciphisi umngcipheko wesifo. IBhunga leSizwe eliChase ukuTshaya liphawula lenjenje: "Umthetho omtsha uza kuba neempembelelo ezinefuthe kwimpilo kawonke-wonke. Ama-22% abantu baseMzantsi Afrika ayatshaya kanti ama-78% awathandi ukuphefumla umoya oxutywe ngumsi womntu otshayayo. Ukutshaya ngunobangela ophambili wokufa kwaphambi kwexesha, okuthintelekayo. Icuba libulala abantu abangama-44 000 baseMzantsi Afrika ngonyaka ngamnye, kanti elo nani liphinda-phindwe kathathu ngaphezulu kwenani labantu ababulawa ziingozi zeemoto."

I-National Geographic Kids EyeThupha 2015

Phezulu emsini

Umgcini-bantwana uMaria Howard uve uWillie isikhwenene esithi "Mama, uSana!" waqonda ukuba ikhona into eyonakeleyo. Wabaleka waya kubona okwenzekileyo wafumanisa ukuba uHanna Desai oneminyaka emibini utsarhwa kukutya sekujike nebala lobuso laba zuba kuba imiphunga yakhe ibingakwazi kufumana umoya. UMaria wakwazi ukukhupha ukutya obekumvalile (esebenzisa indlela yobuchule awayeyifunde kwizifundo zoNcedo lokuQala) waza wasinda uHanna. UWillie isikhwenene sabona ukuba uHanna usengxakini kwaye wayefuna ukuba uMaria amncede. Ingcaphephe yezikhwenene e-National Geographic ithi izikhwenene ziintaka ezikrelekrele kakhulu. "Ziyakwazi ukuziva iimeko ezothusayo. Zakha imvisiswano eyomeleleyo nabantu kwaye ziyayibona ingozi." Namhlanje uHanna usempilweni entle kwaye wonwabile kunjalonje uWillie, isikhwenene akafuni kungamboni phambi kwakhe. Umlandela nokuba uyaphi aze akhale athi, "Ndiyakuthanda."

(Ithathwe yaza yalungiswa kwi-National Geographic Kids yeyeThupha 2010)



Umhla:



Masibhale

Funda amanqaku omabini eendaba uze uphendule le mibuzo.



Afana ngantoni la maqaku eendaba mabini?

Ingaba imithetho echasene nokutshaya iya kubakhusela njani abantwana?

Kutheni kukhohlisa ukuthi “intshongo encinci” kwipakethi yesigarethi?

Zeziphi iingcaphephe ezicatshulwe kwinqaku elichasene nokutshaya?

Yeyiphi ingcaphephe ecatshulwe kwinqaku lezikhwenene?

Kuthetha ukuthini ukutshaya ungatshayi?
(Icebiso: Jonga kwinkcazelo phakathi kwezibiyeli kwinqaku lephephandaba.)

Ingaba le khathuni icebisa ntoni malunga nokutshaya?



Ukuthetha malunga neendaba



Masithethe

Yenza amalungiselelo entetho uxelela abafundi beBanga lesi-6 malunga neengozi "zokutshaya ungatshayi" nokuba kutheni kungenampilo. Bhala phantsi amanqaku amane abalulekileyo oya kuwaquka kwintetho yakho.



Yenza ipowusta ebonisa ukuba ukutshaya kufutshane nabantwana akubalungelanga. Wakugqiba ukwenza ipowusta yakho yihlole usebenzise izikhokelo zovavanyo ezikwelinye iphepha.

Umhla: _____

IGAMA

Ulwahlulo lwamagama

Yahlula la magama abe ngamalungu uze uchaze inani lamalungu owafumeneyo. Khetha amagama asi-8 uwasebenzise ekwenzeni isivakalisi kwincwadi yakho yomsebenzi.

khapha		ngengozi		ukutshaya	
ufunyenwe		ilungu		uphindile	
kwenzeka		abahambi		ukunika	
i/si/ca/tshu/lwa	5	umbuzo		uyilo	

Masibhale Ingaba oku yimibuzo, ziingxelo okanye yimiyalelo?

Fakela ? okanye ! okanye . .



Ihamba ngabani ixesha ibhasi ☐

Akufunekanga uwele xa irobhothi ibomvu ☐

Uza kudlala itshesi ngomso ☐

Xuba ibhotolo neswekile ☐

Kushushu namhlanje ☐

Ucinga ukuba kuza kuna ngomso ☐

Masibhale Sebenzisa olu luhlu lokukhangela ukuze uhlole ingxelo yakho nepowusta.

Uluhlu lokukhangela ipowusta

	😃	😟	😐
Ingaba isihloko sitsala umdla?			
Ingaba ipowusta inomfanekiso oxhasa umyalezo?			
Ingaba ucinga ukuba umyalezo uya kukhuthaza abantu bangatshayi?			
Ingaba ulwazi kwipowusta luchanekile?			
Ingaphuculwa njani ipowusta?			

Uluhlu lokukhangela ingxelo

	😃	😟	😐
Ingaba intetho yam ibilandelelana ngokufanelekileyo?			
Ingaba ndinikezele ulwazi olwaneleyo malunga nesihloko?			
Ingaba ndisebenzise ulwimi olufanelekileyo kubantu bam abazimasileyo?			
Ingaba ndibaqwalasele abantu bam abazimasileyo ngexesha ndigqithisa ingxelo?			



Indlela uMvundla owaqhatha ngayo uNdlovu noMnenga



Masithethe

- Jonga kwimifanekiso uze uchaze ukuba ucinga ukuba eli bali limalunga nantoni.
- Jonga abalinganiswa abahlukeneyo nendawo apho ibali lenzeka khona.
- Funda umhlathi wokuqala nowokugqibela wesicatshulwa. Qikelela ukuba kuza kwenzeka ntoni na. Emva koko thelekisa okufundileyo kunye negqikelelo yakho.

- Onke amaqela anamabali awo awathandayo abaliswa ngabantu bawaphinda-phinde.
- La mabali aziwa njengeentsomi.
- Eli bali yintsomi emalunga nomvundla onamaqhinga kakhulu.



Masifunde

Ngenye imini uMvundla wawuhamba elunxwemeni lwaselwandle waza wabona iNdlovu noMnenga bethetha. Wawufuna ukuva ukuba bathini, wacambalala esantini wamamelisisa.



UMnenga wawusithi: "Ndlovu, usesona silwanyana sinamandla eMhlabeni mna ndisesona silwanyana sinamandla elwandle. Xa sinokusebenzisana sinokwenza zonke ezinye izilwanyana zenze esikufanayo."

"Ewe," watsho uNdlovu, "unyanisile! Licebo elilungileyo elo. Masisebenzisane."

Kodwa uMvundla wathetha yedwa wathi, "Andisayi kukuvumela oko. Abazi kundiphatha. Ndiza kubaqhatha." Nanko uhamba, thwaba, thwaba wehla ngonxweme wangena ehlathini. Apho ufumene intambo ende, eyomeleleyo. Wabuyela elunxwemeni esiya kuthetha noMnenga. "Mnenga" wambiza, "usisilwanyana esinamandla kakhulu. Ndingakucela ukuba undincede?" "Ewe, kulungile" watsho uMnenga, uvuya xa ucelwa ukuba uncede kuba wawunamandla. "Ndingakunceda ngantoni?"

"Mh--," wathi uMvundla, "Inkomo yam ixinge eludakeni, phakathi ehlathini. Ungandinceda ngokuyikhupha?"

"Ewe," waphendula uMnenga. "Ndingakuvuyela ukukunceda."

UMvundla ke wabhijela intambo eyomeleleyo emsileni woMnenga. Wathi "Ndiza kuhamba ndiye kubophelela elinye icala layo enkomeni yam. Linda ndide ndibethe igubu uze uqalise ukutsala" Wahamba uMvundla washiya uMnenga elunxwemeni waya kufuna uNdlovu. "Ndlovu," watsho, "usisilwanyana esinamandla kakhulu. Ndingakucela ukuba undincede?"

Phambi kokuba ufunde

- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

Ngeli xesha ufundayo

- Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo
- Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ukhwaze.



"Ewe, kulungile," watsho uNdlovu, evuya xa ecelwa ukuba ancede kuba wayenamandla. "Ndingakunceda ngantoni?"

"Mh--," watsho uMvundla, "Inkomo yam ixinge eludakeni, phakathi ehlathini. Ungandinceda ngokuyikhupha?"

"Ewe" watsho uNdlovu, "Ndingavuya xa ndinokukunceda. Ndinamandla kangangokuba ndingakhupha iinkomo ezingamashumi amabini!"

"Ndiyabulela," watsho uMvundla, waza wabhijela elinye icala lentambo eyomeleleyo esiqwini sikaNdlovu. "Ndiza kuhamba ndiye kubophelela elinye icala enkomeni yam. Linda ndide ndibethe igubu lam ehlathini uze uqalise ukutsala," watsho, wabe sowubaleka.

Phakathi ehlathini, uMvundla wahlala phantsi wabetha igubu elikhulu.


UMnenga waqalisa ukutsala yaza intambo yatwezeka yaqina kakhulu.

UNdlovu wabhijelisa intambo ngokuyiphinda-phinda embokweni wayo waza uMnenga wazibona utsaleka usiya ngaselunxwemeni. Oku kwawucaphukisa kakhulu, waza wantywilela nzulu emanzini. Hayi ilinge elingako lokutsala!

Oko kwenza ukuba uNdlovu atyibilike ukuya ezantsi elunxwemeni lolwandle.

UNdlovu waba nomsindo kakhulu, watsala kangangoko anako. Yathi xa ixhuzula intambo, waphumela ngaphandle kwamanzi uMnenga.

"Ngubani lo unditsalayo?" watsho utshiza uMnenga. "Ngubani lo unditsalayo?" wahlokoma uNdlovu. Baqala babona ukuba ingulowo kubo unecala lentambo. "Undiqhathile!" wagquma uNdlovu. "Ndiza kukufundisa isifundo sokuba ungaze udlale ngam kwakhona!" watsho uMnenga.



Baqalisa ukutsalatsalana ngentambo. Kodwa ngoku intambo yaqhawuka, waza uMnenga noNdlovu bawa ngemiqolo bobabini. Oku kwabacaphukisa kangangokuba zange baphinde bathethe bobabini kwakhona. Ngoko ke bobabini zange babe nako ukuphatha zonke izilwanyana emhlabeni kunye nazo zonke izilwanyana elwandle. UMvundla wayebukele ehlathini, engasayihleki ngako intsini!

Ukucinga ngoMvundla, uMnenga neNdlovu



Masithethe

Ukucinga malunga nebali.

- Sithini isakhiwo seli bali?
- Kutheni uNdlovu noMnenga becinga ukuba bangasebenzisana kunye nje?
- Kutheni ucinga ukuba uMvundla wawufuna ukukuthintela oko?
- Ucinga ukuba uNdlovu noMnenga bayathethisana kule mihla yangoku?
- Kutheni ucinga ukuba uMvundla wafumanisa oku kuhlekisa?
- Balisela umhlobo wakho ibali ngendlela echanekileyo elandelelanayo.



Masibhale

Intsomi edumileyo libali elimalunga nezidalwa ezingumlingo, izilwanyana, izityalo neendawo. Libalisa ibali ngomyalezo olungileyo. Uninzi lweentsomi ezidumileyo zinezilwanyana ezithethayo, uninzi luneembila, imivundla neempungutye nezaziwa ngamaqhinga okanye eziqhatha ezinye izilwanyana. Yeyiphi ingcinga eyondeleyo malunga nezi zilwanyana?

Xa uMvundla wawufuna ukumamela okuthethwa nguMnenga neNdlovu, wenza ntoni?


UMvundla wacela ukuba uMnenga noNdlovu bamncede ngantoni?

UMvundla wayisongela entweni intambo?

Kwenzeka ntoni kuMnenga noNdlovu?

Kwakutheni uMvundla uze ubalekele ehlathini?

Ungathanda ukuba nomhlobo onjengoMvundla? Kutheni?



Umhla:




Fakela iziphawuli okanye izibaluli ezi-6 ezichaza umvundla.

Masibhale



Siyazi ukuba abalinganiswa ebalini banjani na ngokwazi abakuthethayo okanye abakwenzayo.





Sebenzisa izichazi ubhale umhlathi ochaza umvundla.



Chaza iimpawu zomhlobo wakho wenene. Chaza ukuba kutheni engumhlobo wakho osenyongweni kwakunye nokuthandayo ngaye.

INdlela uMvundla owaqhatha ngayo iNgonyama neNgwenya



Masenze

Jonga ngononophelo kule mifanekiso esibhozo ukuze ubone ukuba ibali limalunga nantoni. Sebenza nomhlobo.

- Chaza okwenzeka kumfanekiso ngamnye. Eli bali liphantse lafana nelokuqala.
- Ngoku balisa ibali ngamagama ezilwanyana. Oku kuthetha ukuba ibali liya kuquka izinto ezithethwa zizilwanyana.

Bhala ilinge lakho ephepheni uze ucele umhlobo wakho ukuba alijonge.




- Sebenzisa isazobe sokucinga ukukunceda ekucwangciseni ukubhala kwakho
- Bhala kuqala ngokuntlakantlaka
- Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana sintlakantlaka
- Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.

Sebenzisa la magama akuncede.

kushushu
izandla esinqeni
enemigca
izandla esinqeni
ubilile
jonga
isikhova emthini
watsala watsala
ndomelele
ixhama
Ukulala
Ibhatyi engenamikhono
wahleka
uyahleka
intaka
inkawu
etyebileyo
intambo eyomeleleyo
impuku
unomsindo





Masibhale

Bhala ibali lakho kakuhle ecaleni kwemifanekiso echanekileyo.








Umhla:

4



5



6



7



8



lindidi ezahlukeneyo zezibizo

Sele usazi ngezibizo eziqhelekileyo nezibizo ezingamagama. Masicinge malunga nezibizo zoquko nezibizo ezingaphathekiyo.

Izibizo eziqhelekileyo

La ngamagama ezinto ozibonayo nonokuziphatha.









Ngoku bhala izibizo eziqhelekileyo ezizezakho.

_____

_____


_____

Izibizo ezingamagama



La ngamagama abantu, eendawo, iincwadi, iifilim njl. njl. Olu hlobo lwezibizo lusoloko luqala ngonobumba omkhulu






Fakela amagama abantu naweendawo kuluhlu olungezantsi.

Abantu	Iindawo

Izibizo zoquko



La ngamagama amaqela abantu okanye izinto.



umhlambi

Bhala phantsi izibizo ezimbalwa zoquko.

_____

_____

_____

Izibizo ezingaphathekiyo



La ngamagama ezinto esingakwaziyo ukuzibona, ukuziphatha, ukuzinukisa, ukuziva okanye ukuzibona.

Bhala phantsi izibizo ezimbalwa ezingaphathekiyo.

_____

_____



Masibhale

Hlela ezi zibizo uzifake kwiikholamu ezichanekileyo.

Sebenzisa oonobumba abakhulu kuzo zonke izibizo ezingamagama.

ikhalenda	uvuyo	isitulo	uthando	anna	ibhaso	ibubu
ingubo	jacob	ithemba	umsindo	ulwazi	izinyo	umhlambi
smith	ukholo	umnqwazi	iqhayiya	ikhompiyutha	incwadi	isipha
zuma	inyaniso	inzolo	isibindi	polokwane	julayi	iqela

IZIBIZO EZIQHELEKILEYO	IZIBIZO EZINGAMAGAMA	IZIBIZO EZINGAPHATHEKIYO	IZIBIZO ZOQUKO

Umhla:

Izaci



Masibhale

Thetha neqela lakho malunga nentsingiselo yenene yezi zaci ziphawuliweyo. Bhala phantsi ocinga ukuba yintsingiselo yezaci.

Utata wam unesandla esihle. litumato azilimileyo zichumile.

Ungaze ubadibanise. Kaloku UVuvu noSibu bayinyoka nesele.

Laa mfo unenzondo yemfene.

Ndandinamanwele ndaza ndakhwaza ubhuti.

Siqwalasela izaci

Zonke iilwimi zineentetho ezinentsingiselo efihlakeleyo, engeyiyo le ithethwa yiyo. Umz. xa sisithi "Uyibekile inqawa" sithetha ukuba uswelekile okanye ubhubhile.



Zoba imifanekiso ebonisa izaci ezibini kwezi.

Izichasi ngamagama anentsingiselo echaseneyo.

Tshatisa la magama nezichasi zawo. Xa sele ugqibile, yahlula igama ngalinye ngokwamalungu alo.

thomalalisa	incinci	lisibekele	ilula	isichasi
li/cwe/ngi/le	yoyikisa	isithethantonye	inkulu	inzima

Indoda eyathenga umthunzi

Phambi kokuba ufunde
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

Ngeli xesha ufundayo
- Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo
- Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ukhwaze.



Masithethe


- Ucinga ntoni ngetayitile yeli phepha lokusebenzela?
- Ucinga ukuba eli bali liya kuba malunga nento ethile eyakhe yenzeka?

Ngoku jonga emifanekisweni uze ucinge ngokuba ivela kweliphi ilizwe le ntsomi.











Masifunde



Kudala-dala kwakukho indoda eyayisisityebi esikhulu. Ngelishwa, yayingenabuntu, iyindoda enolunya. Yayingenabuntu inolunya kangangokuba bonke abantu elalini babeyoyika. Akukho mntu wayesondela ngasendlwini yayo kungekho nomntu owayenokuzama ukuthetha nayo. Ngenye imini yelanga elalishushu likhuph' iintlanzi emanzini yabiwa bubuthongo emthunzini phantsi komthi ngaphandle kwendlu yayo. Ekuvukeni kwayo yabona umfana owayezonwabele emthunzini ecaleni kwayo.



Isityebi: Ufuna ntoni apha? Suka apha, ngumthunzi wam lo!

Umfana: Asingowakho lo mthunzi. Lo mthi ngowale lali.

Isityebi: Tyhini! Lo mthi nalo mthunzi ngowam!

Umfana: Nceda ke Mnumzana, ndicela ukuthenga umthunzi womthi wakho.

Isityebi: Ungawuthenga lo mthunzi wam ngamaqhekeza amahlanu egolide.



Umfana: Nanga, mnumzana, thatha igolide yakho. Ndiyabulela, Mnumzana. Ngoku ndim umnini mntunzi.



Indoda engenabuntu iyifake epokothweni yayo igolide, yangena endlwini yayo ikrukrutheka yintsini.

Ethubeni, latshona ilanga saza isithunzi somthi saya ngokuba side sada sagquma indlu yendoda engenabuntu.
Umfana wangena endlwini ngokuzithemba.

Isityebi: Ufuna ntoni endlwini yam kwedini? Phuma apha, sidengendini.

Umfana: Mnumzana, umthunzi womthi uphezu kwale ndlu, khumbula ukuba ngowam lo mthunzi. Ngoko ke nale ndlu yeyam.



Ngomsindo, indoda engenabuntu yayishiya loo ndlu unaphakade baza bonke abantu beza kubona indlu yayo enkulu bonwabela nomthunzi womthi.
Bamncoma umfana ngokubanceda.

Intsomi yaseJapan



Masithethe

Ucinga ukuba eli bali liyinyani?
Kutheni ucinga njalo nje?

Lisifundisa ntoni ibali elifana neli?

Ucinga ukuba kutheni le nto abantu bamazwe ngamazwe bekuthanda ukubalisela abantwana babo amabali afana nala



Masibhale

Funda ibali uze uphendule imibuzo.



Ngoobani abalinganiswa kweli bali?

Yintoni eyayisenza ukuba indoda “ikrukrutheke” yintsini xa ifaka igolide epokothweni yayo?

Emthunzini womthi



Masenze

Kumaqela enu, yenzani umdlalo ngeli bali. Niya kufumanisa ukuba kuba lula ukulenza umdlalo kuba libhalwe njengomdlalo. Nangona kunjalo, nikani isiphelo esitsha sebali. Yenzani umdlalo wenu eklasini. Thathani isigqibo ngokuba leliphi iqela elinesiphelo esigqwesileyo.





Masibhale

Biyela ngesangqa izichazi kwisivakalisi ngasinye. Krwela umgca phantsi kwezibizo ezizichazayo.

Indoda esisityebi yayihlala endlwini enkulu.
Umthi oluhlaza wawunomthunzi omde.
Umfana wenzela abantu belali itheko elikhulu.
Umfana okrelekrele wahlala emthunzini opholileyo.
Indoda enolunya esisityebi yayingafuni ukuba umfana ahlale phantsi komthi.

Siyazi ukuba isibizo ligama lomntu, lendawo okanye lento. ***Isichazi*** *sisixelela banzi ngesibizo. Nanku umzekelo osebalini: lyindoda* ***enolunya****.*

Krwelela isichazi kwisivakalisi ngasinye kwezi zilandelayo. Bhala isichasi okanye igama elichasene nesichazi kwisithuba esingasekunene. Sesikwenzele esokuqala.

	wawuzolile
Umculo wawungxola kunomathotholo	
Abantu belali bavuya xa indoda enolunya ibalekela kude.	
Abantu abonwabileyo elalini babedanisa.	
U-Ishmael ukhe ama-apile omthi ongowona mde.	
Umfana omncinci wathenga iphepha-ndaba.	
UNadia usele ubisi olufudumeleyo ngeglasi.	
Le yimini eshushu.	
lincwadi zazikwishelufa ephezulu.	
UMnumzana uShabalala uqhuba imoto entsha.	
UMbali yeyona ndadi ikhawulezayo kwiqela lethu.	




Umhla:



Masibhale

Bhala ngokutsha izivakalisi **ezikwixesha langoku** zibe kwixesha **elizayo** nakwixesha **elidlulileyo**.

Kushushu.	Ngomso kuza kuba
	Izolo beku
Imvula ina kakhulu!	Ngomso
	Izolo
Ndicoca umgangatho.	Ngomso
	Izolo
Sitya intlanzi neetshiphusi.	Ngomso
	Izolo



Yintoni isikweko?

"Unentliziyo engumkhenkce" nokuthi "Ubuso bakhe bebuyincwadi" zizikweko. Into enye (intliziyo) ichazwe ngokuthi yenye into (umkhenkce). Awusebenzisi "njenge" okanye "njengo" kwisikweko. izikweko zisetyenziswa kakhulu kwimibongo nakuncwadi.



Masithethe

Chaza intsingiselo yesikweko ngasinye. Zoba umfanekiso obonisa oko.

Unentliziyo yegolide.

Uyinkwenkwezi eqaqambileyo yesikolo sethu

Unentliziyo yengonyama.

Andimthandi kuba yinyoka.

Okunye malunga nolwimi



Masibhale

Khumbula ukuba isimaphambili sesibizo siyasixelela ukuba isibizo sikwimo yesinye okanye yesininzi; kwaye oku sikubona kwisenzi.

Krwelela intloko kwisivakalisi ngasinye kwezi. Yenza ukuba intloko ivumelane nesenzi.

1.	Le nja i/zi khohlakele	Le nja ikhohlakele.
2.	Ezi tumato i/zivuthiwe.	
3.	UJabu noPeter u/badlala isoka.	
4.	Iklasi yeBanga lesi-2 i/bangxola kakhulu.	
5.	Ezi keyiki i/zimnandi	
6.	Abantwana u/bafike kade esikolweni.	
7.	Izinyo lam li/abuhlungu.	
8.	Umama wam u/basevenkileni.	
9.	Iqela lesoka li/balungile.	
10.	Inqanawa i/zihamba emazeni.	



Zama oku usebenzisa ixesha elidlulileyo. Khetha isivumelanisi esichanekileyo kwezi uzinikiweyo.

1.	Amakhwenkwe ifike/afike kade esikolweni	Amakhwenkwe afike kade esikolweni.
2.	Iqela lesoka ebe/belisebhasini.	
3.	Umongikazi ebe/bebenceda isigulane.	
4.	Iikeyiki ibi/zazimnandi.	
5.	Umfama ebe/babetyala egadini kule mvula.	
6.	Ihashe li/asesitalini sitalini.	
7.	Iinyawo zam zazi/lu buhlungu.	
8.	Abazali bam u/ba secaweni.	
9.	Ikati i/zi lele eziko.	
10.	Umhlambi weegusha use/isemasimini.	

Umhla:

Siqwalasela **amaqhalo**
Amaqhalo ziintetho ezinemfundiso.

Tshatisa la maqhalo neentsingiselo zawo. Bhala inombolo ecaleni kwempendulo echanekileyo.

Ubambise ithole lempundulu	3
Amaxoxo akasoze avume unonkala adude	
Intaka yakha ngoboya benyee.	
Uphakathi komhlana nembeleko	
Unyawo lwambeth' indlela	
Akahlalwa mpukane	
Gcina iintakumba zakho	
Uzicandel' umgalagala	
Izulu limathumb'antaka	



Kumhla amahashe aphuma iimpondo.



Ukubabeleka abasicatyana



Abohlukani abo kangangokuba sekusithiwa ngamathe nolwimi.



Intaka evuka mva ikholwa zizagweba.

Izulu lisibekele	1
Yeka izinto zabanye abantu jonga ezakho.	2
Ube nethamsanqa	3
Ngumntu ococekileyo, ihomba, inono	4
Uziqalele inkathazo	5
Uthanda ukuhamba, soloko esendleleni	6
Kusisiphithiphithi into engenasidima	7
Kutshiwo kumntu owonwabileyo, ongenazingxaki ofumileyo.	8
Kuyancedwana	9

Umdlalo wexesha

Umdlalo wexesha – ngubani oza kuphumelela?



- Phosa idayisi lakho.
- Qhuba imakha.
- Sebenzisa intetho yexesha uze wenze isivakalisi.
- Ofike kuqala esiphelweni ngophumeleleyo.





Izimelabizo zokwalatha (izikhombisi)
Isimelabizo sokwalatha sisetyenziswa xa sisalatha isibizo, maxa wambi siyakwazi ukumela isibizo esiyintloko okanye injongosenzi. Umzekelo: Ndifuna le gusha.
Aba bafuna le.

Sineendidi zintathu zezikhombisi
Sisebenzisa udidi lokuqala xa sikhomba into ekufuphi nalo uthethayo, umz. Le gusha ibhityile. Udidi lwesibini silusebenzisa xa sisalatha into ekufuphi nalo kuthethwa naye, umz. Yiza naloo gusha. Olwesithathu silusebenzisa xa loo nto kuthethwa ngayo ikude kumntu wonke, umz. Ndiya kulaa mzi unetheko.



Khetha isikhombisi esichanekileyo uze ugqibezele ezi zivakalisi.
Sikwenzele esokuqala. Le, ezi, aba, leyo, abaya, loo, eziya.



Alwa kakubi **loo** mini **loo** madoda.

Andizifuni ____ tapile kuba zibolile.

Nceda ubize ____ bantu bayalahleka.

____ ngabam, baphi abakho?



Khawundiphe ____ izitya andizifuni ____.

Ndiyaqala ukuyibona ke ____.

Sifuna ____ kanye.



Masihlole		
Ndiyazazi izibizo eziqhelekileyo, ezingamagama abantu naweendawo, ezoquko kwakunye nezingaphathekiyo.		
Ndiyakwazi ukufunda intsomi.		
Ndiyakwazi ukubhala intsomi.		
Ndiyakwazi ukutshatisa intloko nesenzi.		
Ndiyakwazi ukufunda inqaku lephephandaba.		
Ndiyakwazi ukuphawula ingongoma nomgca ekubhalwa kuwo igama lombhali.		
Ndiyazazi izaci ezithile.		
Ndiyakwazi ukusebenzisa izichasi zamagama.		
Ndiyakwazi ukutshintsha izivakalisi ezikwixesha langoku zibe kwixesha elidlulileyo nakwixesha elizayo.		
Ndiyakwazi ukusebenzisa iimpawu zocaphulo.		
Ndiyakwazi ukuphendula imibuzo yesicatshulwa esekelwe kwinto endiyifundileyo.		
Ndiyakwazi ukuyila ipowusta.		
Ndiyakwazi ukusebenzisa izichazi.		
Ndiyakwazi ukubhala ndichaze isimo somlinganiswa.		



Umhla:

Izi qulathoo

Umxholo 2 Uthundezo nesihobe



Isicatshulwa esicengayo
Ikota yoku-1: liveki 5 - 6

17 Ukufunda izaziso 36
Ugqalisela kwisicatshulwa semvakalelo, kwimizobo, nakwizixhobo ezifana nezithembiso neendlela zokuvuselela impendulo ebonisa iimvakalelo.
Uchonga abaphulaphuli ekujoliswe kubo neendlela zothundezo.
Unxulumanisa iqela ekujoliswe kulo nesimbo nendlela yokuthetha.
Uphendula imibuzo ngesaziso aze achonge imiqondiso nezixhobo.

18 Ukuyila isaziso sam 38
Ingxoxo ngezixhobo zokwenza izaziso.
Ingxoxo ngamacebiso okwenza isaziso.
Ugqibezela itshathi yolandelelwano ukuyila isaziso. Ingxoxo ngeendlela zokuthundeza abafundi.
Wenza isaziso ngokulandela onke amabakala aphambi kokubhala: ingxoxo, esenza izicwangciso, elinga uyilo, ehlela ngokunjalo acacise isaziso.

19 Yila incwadana yesaziso ngohambo 40
Wenza izicwangciso nemizamo yoyilo lwencwadana yesaziso ngokhenketho oluya eMzantsi Afrika.
Uyaxoxa neqela.
Usebenzisa inkqubo yokubhala: ingxoxo eqeleni, esenza izicwangciso, amalinge oyilo, ehlela kwaye esenza imiboniso-ngcaciso.
Usebenzisa isikhokelo asinikiweyo esimncedisa ngokulandelelanisa kakuhle.
Uyila incwadana yesaziso enika iinkcukacha ezifunekayo zoqhagamshelwano kunye neendleko.
Wenza amalungiselelo aze enze incwadana yesaziso ayisike ayikhupha ngobunono.
Ugcina amagama amatsha neentsingiselo kwisichazi-magama sakhe.

20 Isicwangciso sencwadana yesaziso 43
Umfundi uyila eyakhe incwadana

21 Ulwimi oluhlanganisayo 44
Intshayelelo yezivakalisi ezifutshane nezixandileyo.
Intshayelelo yezihlanganisi.
Isibizo esiyintloko nesenzi.
Uchonga isibizo esiyintloko nesenzi kwizivakalisi ezifutshane nezixandileyo.
Wenza izivakalisi ezixandileyo ngokusebenzisa izihlanganisi (kwaye, kodwa, kuba/ngokuba, ngenxa yoko/ngoko ke, nangona).

22 Ukucenga
Ingxoxo ngamaxa athile xa kusetyenziswa iingxoxo ezicengayo.
Ufunda iingxoxo zokuthundeza ngokugqalisela kwiqela ekujoliswe kulo, umboniso-ngcaciso nokuyila iingxoxo.

23 Ukubhala ingxoxo ecengayo 48
Wenza isicwangciso sengcaciso ngokusebenzisa isazobe sokucinga.
Ulandela inkqubo yokubhala: ingxoxo eqeleni, enze isicwangciso, uyilo, ahlele aze anike ingcaciso.
Uvavanya iingxoxo ngokusebenzisa ingxoxo-mpikiswano okanye intetho.
Ubhala ingxoxo ngononophelo ngokusebenzisa isikhokelo.

24 Izagnelo zesihobe nezinye 50
Intshayelelo kwizixhobo zesihobe kuqukwa isikweko, izifaniso, izichasi, izifanadumo, uphinda-phindo lwamaqabane, uphinda-phindo lwezikhamiso, ubaxo.
Zonke ziqukwa apha kungabi kwiveki ye-9 okanye ye-10 ngenxa yokunyineka kwezithuba. Ootitshala bangabuyelela kweli phepha lokusebenza xa bekwiveki ye-9 neye-10.

Iincoko ezithethayo
Ikota yoku-1: Iveki 7 - 8

25 Incoko yababini ezinzulwini zobusuku 52
Imisebenzi eyintshayelelo kuqukwa ingqikelelo, ukusetyenziswa kwemifanekiso ukucingela isicatshulwa.
Ukugqalisela kulwimi lwezijekulo lwezithethi, isiqulatho solwimi nohlobo lolwimi.
Uxoxa ngolungiselelo lwesicatshulwa.
Unxulumanisa isicatshulwa nezithethi.

26 Owu hayi Mnumzana Ngonyama! 54
Ufunda ibali. Ugqalisela kwizithethi nakwinto eziyithethayo.
Ugqibezela umsebenzi wovavanyo lokuqonda osekelwe kwintsingiselo yesicatshulwa.
Ulinganisa ibali ngokulidlala kubekho umbalisi nezithethi ezahluka-hlukileyo.

27 Ukwenza isicwangciso somdlalo 56
Usebenzisa isicwangciso sokuyila umdlalo. Uchonga isihloko, abalinganiswa, umboniso okanye isimo sentlalo, ukubaliswa kwebali nomyalezo.
Ubhala umdlalo ngokusebenzisa isikhokelo sokwaziswa kwabalinganiswa.
Wenza ingcaciso ngokudlalwa kwebali enxulumanisa iindima nabafundi abahluka-hlukileyo eqeleni.
Uhlola umgangatho wemidlalo.

28 Ukwenza ingxelo ngabakuthethayo 58
Usebenzisa iimpawu zocaphulo kwingxelo-ntetho.
Wakha izivakalisi ezixandileyo.
Usebenzisa izichasi nezifanokuthi.

Amaphepha esihobe
Ikota yoku-1: liveki 9 - 10

29 Ulonwabo lwesihobe 60
Ufunda umbongo othi, "Ukuthimla okungayekiyo", ngokukhwaza.
Uva isingqisho, aze aqhwabe ngokwexesha.
Ugqalisela emagameni emvano-siphelo.
Ubhala umbongo onemvano-siphelo.
Ulandela inkqubo yokubhala: uyaxoxa eqeleni, isicwangciso, uyilo, ukuhlela nokunika ingcaciso.
Umsebenzi obonwayo ngezakhi-zihlomelo
Umsebenzi obonwayo ongezifaniso.

30 Isibongo ngoMzantsi Afrika 62
Uthetha ngeengoma zokubonga njengohlobo loncwadi. Unxulumanisa isibongo nobomi bemihla ngemihla.
Ugqibezela imephu yengqondo ngoMzantsi Afrika.
Ubhala isibongo ngoMzantsi Afrika.
Umbongo wokuzonwabisa ngenyanga onokusetyenziswa ngootitshala xa benqwenela ngolo hlobo.

31 Imibongo ngelanga 64
Umsebenzi waphambi kokufunda ukuze kunxulunyaniswe umbongo; Ufunda umbongo oxhobisa ngolwazi; Uvavanyo lokuqonda olusekelwe kumxholo wombongo – ubhalwe kwitshathi yendawo; Intshayelelo ngesimntwiso.

32 Bhala umbongo 66
Ubhala umbongo elandela inkqubo yokubhala: ingxoxo eqeleni, ukwenza isicwangciso, uyilo, ukuhlela nengcaciso.
Utolika izikweko, uyazichaza azizobe.
Ootitshala bangabuyela kwiphepha lokusebenzela lama-24 ngenkcazo epheleleyo yezagwelo zesihobe.





Ukufunda izaziso

Abantwana abahlakaniphileyo bathenga kwaThandabantu

UYAKUFUNA UKUTHANDWA NGABANTU?

Bayathandeka, Bayanqweneleka, Bayamkeleka?

Thandeka! Hlakanipha!



Wonke umntu omtsha ufuna uku-khangeleka kakuhle esikolweni.

Uvile?

Hamba yiya evenkileni yakwaThandabantu ukuze uthenge isinxibo sabahlakaniphileyo sakwaThandabantu.

Amaxabiso alungiselelwe abantwana beBanga lesi-6. Thenga sibesinye ufumane esinye simahla!

Ziya kufumaneka kude kuphele ezikhoyo.



Jonga isaziso ngokuqaphela.
Xoxa ngeempendulo zemibuzo elandelayo nabahlobo bakho. Emva koko bhala iimpendulo zemibuzo efanelekileyo.

Esi saziso sijoliswe kubantwana abangakanani ngobudala?

abaneminyaka emi-5 – 7	abaneminyaka eli-11 – 13	abaneminyaka eli-14 – 16	abaneminyaka engama-21 – 25

Kutheni usitsho nje?

Kutheni isihloko sesaziso sinomtsalane nje?

Umhla:

Uphinda-phindo lwezandi zokuqala zamagama sithi "yimvano-siqalo". Nanku umzekelo: Khula Kholeka ungakhokhobi elukhukweni.


Jonga ezi zivakalisi zibini zesaziso.
Krwela umgca kwizandi eziphinda-phindiweyo.

Wonke umntu osemtsha ufuna ukukhangeleka emhle esikolweni.

Uvile? Yiya kwaThandabantu ufumane impahla eqhakazileyo uqhakaze.

Bangaphi oo'hl' ku"Hlala uhlakaniphile nabahlobo bakho kweli hlobo"? ☐

Bangaphi oo 'Ba' ku " Bayabukeka, Bayanqweneleka, Bayamkeleka"? ☐



Ucinga ukuba kungoba kutheni isaziso sinentetho ethi **"Thandeka! Hlakanipha"!**?

Sibathundeza njani abafundi?

Zithembiso zini ezinikwa sisaziso xa unokuthenga impahla yakwaThandabantu?

Umbhalo omncinci ezantsi kwesazisi ukuxelela ntoni?

Isaziso sicenga abafundi ukuba benze ntoni?


Ukuyila isaziso sam



Masithethe Linganisa isaziso semveliso okanye senkonzo ethile esikumabonakude.



Masibhale Yenza isicwangciso sesaziso sakho ngokufakela iimpendulo ngombuzo ngamnye kwesi sazobe sokucinga. Xa usigqibile isicwangciso sakho, bhala uze uzobe isaziso ngobunono kwelinye iphepha.



lingcebiso ngokubhalwa kwesicatshulwa esicengayo:

- Bazi abaphulaphuli bakho ojolise kubo.
- Sebenzisa iintetho namabinzana avus'umxhelo ukutsala umdla – umz. "Ziphumze – yitya iKIT KAT."
- Sebenzisa imifanekiso ukuze wenze isaziso sibe nomtsalane elisweni kwaye sikhumbuleke.
- Sebenzisa ulwimi lwezafobe olufana nemvano-siqalo, uphinda-phindo lwezandi nemvano-siphelo. (Jonga iphepha lokusebenzela lama-24 xa ufuna olunye uncedo ngazo.)
- Bonisa umsebenzi wakho ococekileyo nofundeka lula.

Isaziso sam

1. Leliphi iqela ojolise kulo?
2. Yintoni imveliso yakho?
3. Uza kusebenzisa esiphi isilogeni?
4. Sesiphi isixhobo oza kusisebenzisela ukutsala umdla wovakalelo lweqela ojolise kulo?
5. Ungawutsala njani umdla womfundi?
6. Isaziso sithembisa ngantoni?
7. Ingaba isaziso sibonisa inyaniso?
8. Ingaba kukho izagwelo zolwimi ozisebenzisileyo ezifana nemvano-siqalo? Jonga iphepha lokusebenzela lama-24 ngoncedo oluthe vetshe.)

Umhla:

amaqama amatsha



Masibhale Yila isaziso sakho kwisithuba osinikiweyo.

Yila incwadana yezaziso ngohambo

Umhla:



Masithethe

Jonga imifanekiso uxele iindawo eziphawulekayo zaseMzantsi Afrika okhe wazibona okanye weva ngazo?

Zeziphi ezinye iindawo ezibalulekileyo ozaziyo?

Ngaba zikhona ezinye iindawo apho uhlala khona ezibalulekileyo nezitsala umdla, ezifana nekhaya lakudala lomntu obalulekileyo, isitediyam, ipaka yezilwanyana okanye indawo entle ngendalo?

Phambi kokuba ufunde

- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

Ngeli xesha ufundayo

- Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo
- Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ukhwaze.





Masenze

Krazula ukhuphe iphepha elikufuphi kwelo obhala kulo ulisonge wenze incwadana yezaziso yekhadi elimile oku kuza-Z. Yila incwadana yokwazisa ngesiza esinomdla saseMzantsi Afrika abanokunqwenela ukusibona abakhenkethi. Sinokuba sisiza selifa lenkcubeko, esifana nekhaya langaphambili lomntu obalulekileyo, isitediyam, isakhiwo esidala okanye esinomdla, miyuziyamu, umzi wezilwanyana wesizwe okanye isitiya, ihlathi elishinyeneyo okanye iNtaba yeTafile.



Kuza kufuneka usebenzise ulwimi lokuthundeza ukuze ukhuthaze abantu ukuba batyelele esi siza.

Iphepha eliphambili lakho malibe nemephu yaseMzantsi Afrika namazwi okanye intetho enomtsalane, umzekelo, “Isiza sodumo nemincili!”


Kwiphepha ngalinye emaphepheni alandelayo zoba umfanekiso uze ubhale inkcazo ngento abaza kuyibona.

Khumbula ukuquka


- iidilesi zesiza ngasinye,
- imali yokungena, kwakunye
- namaxesha okuvula.



Yenza isicwangciso sencwadana yesaziso kwiphepha lama-43




5



IPHEPHA ELISEMVA: leleenkcukacha ngokubanzi ezifana nenombolo yakho yomnxeba, idilesi yakho nedilesi ye-imeyili

6



IPHEPHA ELINGAPHAMBILI: ligobele phambili

1

2

3

4

Isicwangciso sencwadana yesaziso

Umhla:



Masibhale

Yenza icwecwe lakho. Zalisa isazobe sokucinga. Inombolo yebloko nganye ibhekiselele kwinombolo yephepha lencwadana. Wakugqiba ukwenza uyilo lokuqala lwencwadana yakho abahlobo bakho mabalifunde.



- Sebenzisa isazobe sokucinga ukukunceda ekucwangciseni ukubhala kwakho
- Bhala kuqala ngokuntlakantlaka
- Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana sintlakantlaka
- Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.

1

Yila uqweqwe lwangaphambili.

2

Bhala iinkcukacha ezisemxholweni.

3

Bhala iinkcukacha ezisemxholweni.

4

Bhala iinkcukacha ezisemxholweni.

5

Bhala iinkcukacha ezisemxholweni.

6

Nika iinkcukacha zakho zoqhagamshelwano nedilesi.

Ulwimi oluhlanganisayo

Izivakalisi ezilula nezixandileyo

Isivakalisi sineenxenye ezimbini.

1. Umntu okanye into esinxulumene naso isivakalisi zibizwa ngokuba yintloko.
2. Okuthethwa ngaloo mntu okanye ngaloo nto kuthiwa sisivisa. Izivisa zisoloko ziquka isenzi sesivakalisi.



UJim	ukhwele ibhayisekili yakhe.
Intloko	**Isivisa sinesenzi ukhwele**



Masibhale

Kwizivakalisi ezingezantsi, phawula iintloko nezivisa. Bhala **intloko** phantsi kwenxenye yesivakalisi esixelela ukuba simalunga nabani okanye ngantoni isivakalisi. Emva koko krwela umgca ngaphantsi kwesibizo esiyintloko. Bhala **isivisa** phantsi kwenxenye yesivakalisi uze ukrwele umgca ngaphantsi kwesenzi.

Isivakalisi esinentloko enye nesenzi esinye sisivakalisi esilula.

Umpheki	ubhaka ikeyiki.

Inqwelomoya	ibhabhe phezu kwentaba.

Umpheki otyebileyo, owonwabileyo	wenze ikeyiki enkulu yamaqunube.

Inqwelomoya enkulu, ekhazimlayo	ibhabhe phezu kwentaba enamawa.

Ukuhlanganisa izivakalisi

Siye esikolweni saze emva koko sadlala ibhola yomnyazi.



Ukuhlanganisa izivakalisi

Ukuba sinokusebenzisa izivakalisi ezilula zodwa xa sibhala naxa sithetha, intetho yethu nesikubhalayo kungabonakala kungavuthwanga. Kanti xa sihlanganisa izivakalisi zethu ngezihlanganisi ukuze senze izivakalisi ezimbaxa, intetho yethu iya kuvakala phucukileyo.

Umhla:



Masibhale

Sebenzisa esinye sezi zihlanganisi uhlanganise ezi zivakalisi. Emva koko krwela umgca phantsi kwezenzi.

ngoko ke | kwaye | nangona | kodwa | kuba

Amagama esiwasebenzisela ukuhlanganisa amabinzana, amagatya nezivakalisi abizwa ngokuba zizihlanganisi. Abalulekile kuba ahlanganisa izivakalisi.



1. U-Ann ufunda ngokuzimisela		ufumana amanqaku aphantsi ngamanye amaxesha.
2. U-Ann ufumana amanqaku aphantsi ngamanye amaxesha		ufunda ngokuzimisela.
3. Walahleka		wayenemephu.
4. Babeswele		babenokutya okwaneleyo.
5. UNomsa uthanda ama-apile		uthanda amapere.
6. UNomsa uthanda ama-apile		akawathandi amapere.
7. Ushiye incwadi yakhe ekhaya		unokubonisana nomhlobo wakhe.
8. Utitshala wayelungile		wayengumluleki wenene.
9. Imifuno ikhule kakuhle		incinane imvula enileyo.
10. Ibimbi imozulu		senze isigqibo sokuhamba.
11. Ebenomsindo		ndifike emva kwexesha.
12. Uye evenkileni		Uthenge iitshokolethi.
13. USam udlala ibhola yeqakamba		udlala ibhola ekhatywayo.
14. Bekushushu		senze isigqibo sokuqubha.
15. Akaboni xa kumnyama		akaqhubi ebusuku.
16. Senze isigqibo sokungahambi		uvuke emva kwexesha.

Ukucenga

Kukhe kufuneke ukuba uthundeze abanye ukuba bavumelane noluvo lwakho ukuze wenze okanye ufumane okuthile? Ukuba kunjalo, kufuneka ufunde ukusebenzisa ulwimi oluthundezayo. Sonke siyazisebenzisa iingxoxo ezithundezayo, ngakumbi xa sizama ukujika uluvo lwabazali okanye ootitshala bethu ngento ethile.



Mama, ndicela ukutyelela kuloSam ngempelaveki. Abazali bakhe baza kuba bekhona….



Titshala, unganceda ungasiniki umsebenzi wasekhaya namhlanje? Sisebenza nzima eklasini….



Tata, ndicela ukuba noxam njengesiloqabane, nceda torho. Ndiyathembisa ukuba ndiya kumelusa….

Masifunde Jonga imizekelo elandelayo yokubhala ngothundezo.

Isihloko **Wonke umntu esikolweni makalondoloze umbane**

Injongo Ukuthundeza wonke ubani esikolweni ukuba alondoloze umbane

Abaphulaphuli ekujoliswe kubo Inqununu yesikolo nootitshala

Isizathu sokuqala Okokuqala, izixhobo ezisebenza ngombane zisebenzisa amandla amaninzi. Ngoko ke izikrini zeekhompiyutha, iiprojektha ezibonisa okubhaliweyo edongeni neerediyo mazicinywe xa zingasetyenziswa. Kwiveki ephelileyo, zonke izixhobo zombane zishiywe zitsala umbane ngamathuba okuphumla nasemva kokuphuma kwesikolo.

Isizathu sesibini Okwesibini, ezinye izixhobo ezifana nezibane nezifudumezi nazo zisebenzisa umbane omninzi. Wonke umntu makacime izibane xa elishiya igumbi. Izifudumezi neefeni mazisetyenziswe kuphela xa imozulu imbi kakhulu. Kwiveki ephelileyo, izifudumezi zishiywe zingacinywanga ubusuku bonke.

Shwankathela ingxoxo. Nika icebiso lokushwankathela. Elokugqibela, ukuba sonke sinokucinga ngokulondoloza umbane sinokukuphungula ukusetyenziswa kwamandla. Kufuneka siqale ngoku ukunciphisa ukusetyenziswa kwamandla.

Kulo mzekelo, umbhali unika izizathu kwaye emva koko uyazichaza ukuze axhase ingxoxo.



Masithethe Xoxa ngeempendulo zale mibuzo nomhlobo wakho. Mangaphi amanqaku okanye izimvo ezinikwa ngumbhali ibobuphi ubungqina axhasa ngabo ingxoxo yakhe?

Umhla:

Kulo mzekelo umbhali uxhasa aphinde achase ingxoxo. Umbhali uthi" kweli cala …" aphinde athi "kwelinye icala …"

Ngaba umabonakude akabalungelanga abantwana?

Isihloko

Ukuqinisekisa abantu ukuba umabonakude ubalungele abantwana, kwaye, nangona enako ukukhuthaza imikhwa emibi, ukwabonelela ngezifundo zesikolo nangemizekelo emihle yokuziphatha kakuhle

Injongo

Abazali nootitshala

Abaphula-phuli

Kwelinye icala, izaziso zikamabonakude zikhuthaza abantwana babe ngabasebenzisi bezinto abanyolukileyo. Xa besebenzisa izinto. Ngaphaya koko, akubancedi abantwana ukuhlala babukele imidlalo kumabonakude. Kufuneka babe nenxaxheba kwezemidlalo.

Kweli icala

Kanti ke kwelinye icala, umabonakude unika abantwana ulwazi abalufunayo. Iinkqubo ezininzi, ezifana noMjelo weziFundo, zifundisa ababukeli imixholo ebalulekileyo. Ngaphezu koko, umabonakude ukwabonisa imikhwa elungileyo nesimbo sobomi bempilo entle.

Kwelinye icala

Elokuqoshelisa, nangona ukubukela umabonakude kunokukhokelela kwimikhwa emibi, kunako ukufundisa nokukhuthaza ukugcinwa kwempilo entle.

Shwankathela impikiswano. Nika icebiso lokuqoshelisa.



Masithethe

Mangaphi amanqaku empikiswano anikwa ngumbhali?
Athini amanqaku amabini awanika kwicala lokukhuthaza umabonakude?
Athini amanqaku amabini awanika kwicala lokugxeka umabonakude?
Ngawaphi amanqaku malunga nomabonakude alungele ootitshala?
Ngawaphi amanqaku agxeka umabonakude alungele abazali?

amaqama amatsha

Ukubhala ingxoxo ecengayo



Masenze

Xoxa ngezihloko ezilandelayo nomhlobo uze ukhethe sibe sinye ubhale ngaso. Emva koko sebenzisa iphepha lokusebenzela elilandelayo ukuze wenze isicwangciso sengxoxo yakho.



Iiholide zesikolo mazibe nde ngakumbi.



Mawuncitshiswe umsebenzi wasekhaya onikwa abantwana.





- Sebenzisa isazobe sokucinga ukukunceda ekucwangciseni ukubhala kwakho
- Bhala kuqala ngokuntlakantlaka
- Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana sintlakantlaka
- Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.

1 Injongo

2 Iqela ekujoliswe kulo

3 Inqaku lokuqala lengxoxo

4 Inqaku lesibini lengxoxo

Bhala isihloko sakho apha

5 Inqaku lesithathu lengxoxo

6 Iingcebiso

7 Elokuqoshelisa



Masithethe

Vavanya ingxoxo yakho njengengxoxo-mpikiswano phambi kokuyibhala kwiphepha elilandela elo.



Umhla:

amaqama amatsha

Masibhale

Sebenzisa isazobe sokucinga ukuze uyile ingxoxo evakalayo.

Isihloko	
Injongo	
Iqela ekujoliswe kulo	
Ingxoxo yokuqala yokuxhasa isihloko sakho 	
Ingxoxo yesibini yokuxhasa isihloko sakho 	
Shwankathela ingxoxo yakho. Nika icebiso lokuqoshelisa. 	



INTSAYINO: Gama Umhla

Izagwelo zesihobe nezinye



Isifaniso

Isifaniso sithelekisa izinto ezimbini ukuze sityhile uphawu ezifana ngalo. Sisebenzisa maxa wambi u-ifana ne- okanye ngathi.

Mkhulu ngathi yibhasi.

Ikhona eminye imizekelo onokuyicinga?



Isikweko

Isikweko sisafobe apho ukufana kwento nenye kuxelwa ngokucacileyo. Into ethile ibekwa endaweni yenye okanye kuthiwa yenye into. Amagama okufanisa afana no- ngathi, okwe, njenge, awasetyenziswa.

Ubuso bakhe babungumfanekiso.

Ungakwazi ukucinga eminye imizekelo?



Imfano-zandi

Amagama anezandi ezifanayo asetyenziswa ngokulandelelana ukuze atsale umdla.

Khanikhangele izikhakhamela zakwaNokholeji!

Ikhona eminye imizekelo onokuyicinga?



Imfano-sikhamiso

Amagama anezikhamiso ezifanayo asetyenziselwa ukulinganisa isandi esiqaqanjiswayo ukubonisa umoya okanye uvakalelo lwembongi.

Amanzi engxangxasi abanda ngathi yiqabaka.

Ikhona eminye imizekelo onokuyicinga?

Umhla:

Izifanokuthi

La ngamagama aneentsingiselo ezifanayo. Izifanokuthi sizisebenzisa xa sifuna ukunonga ulwimi ukuze kubonakale ukutyeba kwalo.

Ubusi bumnandi/buluncuthu/busisimuncumuncu.


Ikhona eminye imizekelo onokuyicinga?



Izichasi

La ngamagama aneentsingiselo ezichaseneyo. Siwasebenzisela ukubalula iyantlukwano.


Ikhona eminye imizekelo onokuyicinga?



Izifanekisozwi

La ngamagama akhiwe ngokulinganisa isandi.

Ikhona eminye imizekelo onokuyicinga?



Imfano-zandi

Olu luphinda-phindo lwesandi esinye kabini nangaphezulu kulandelelwano olufutshanisayo.

UBheki ubhengeze isibhadlalala sombhiyozo.

Ikhona eminye imizekelo onokuyicinga? Jonga indlela aphinda-phindwe ngayo u-bh.



Ubaxo

Ubaxo lugabadelo lwentetho olunjongo ikukugxininisa into ethethwayo sisithethi. (Ukubaxa kuchaza into encinane ngokungathi inkulu.)

Ndifile yindlala.

Ikhona eminye imizekelo onokuyicinga?



Incoko yababini ezinzulwini zobusuku



Masibhale

Ezinye izivakalisi eziphakathi zichaza umlinganiswa ongasekunene, ukuze ezinye zichaze umlinganiswa ongasekhohlo. Krwela umgca osuka kwisivakalisi ngasinye esiya kumlinganiswa ochanekileyo.



Imoto yakhe inesibane esizuba esidanyazayo.

Unxibe iyunifomu ebukekayo ezuba.

Iinwele zakhe azibukeki kuba zimi nkqo.

Ukhangeleka ngathi ufanele ukuhlamba.

Unelizwi elikhulu.

Ukhangeleka esoyika kwaye enesazela.

Ukhangeleka ejamile.

NguZakes

Oneminyaka eli-11.





Masibhale

Ngoku bhala phantsi okuthethwa ngabalinganiswa ababini omnye komnye. Oku kubizwa ngokuba yincoko yababini. Incoko yababini ikuxelela okuthethwa ngabantu. Imidlalo yeqonga ibhalwa ngolu hlobo. Wakuba ugqibile ukubhala incoko yakho yibonise njengomdlalo eklasini.

Ipolisa: *Wenza ntoni esitalatweni ebusuku kangaka?*

UZakes: _____

Ipolisa: _____

UZakes: _____

Ipolisa: _____

UZakes: _____

Ipolisa: _____

Umhla:

amaqama amatsha



Masithethe

Zingaphi izithethi ezikukule ncoko?
Ngoobani?
Yahluke njani intetho yepolisa kweyenkwenkwe esileyo?



Masibhale

Bhala umhlathi uchaze omnye wabalinganiswa.

Bhala ke ngoku incoko eyenzeka phakathi kwakho notitshala wakho.
Bhala igama lakho emigceni ebomvu.

Utitshala: Kokwesithathu kule veki ungawenzanga umsebenzi wakho wasekhaya.

(Wena):

Utitshala:

(Wena):

Utitshala:

(Wena):

Utitshala:

Owu hayi Mnumzana Ngonyama!

Ngoobani abalinganiswa kweli bali? Lichazwa njani? Ngaba unako ukuchaza iimpawu zencoko yababini? Ngoobani izithethi?



Masithethe



Masifunde

Funda lo mdlalo ngokukhwaza nabahlobo bakho abasi-7, ukuze ingulowo kuni afunde indawo yesilwanyana aze omnye wenu abe ngunobalisa ofunda iintwana eziphakathi.

Phambi kokuba ufunde

- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.



Ngeli xesha ufundayo

- Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo
- Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ukhwaze.

Kudala-dala, zonke izilwanyana zeLali yakwaNongoma zazihleli kunye ngokonwaba. Ubomi babumnandi, imivundla emincinane, amaqwarha anemigca, iimvubu ezonwabileyo, ingwenya esisilumko, iindlovu ezinkulu neenkawu ezidlobayo zazihlala zonke kunye ngolonwabo…kwada kwafika ingonyama engenalusini eyayifuna ukubatya bonke!

Ukususela ngaloo mini, izilwanyana zasuka zahlala zisoyika kakhulu ngalo lonke ixesha. Kodwa ngenye imini, zenza isigqibo sobukroti: zaziza kuthetha nengonyama ukuze zifumane isisombululo sengxaki. Ingonyama ithe xa ibona zonke izilwanyana zisiza kuyo, yavuya kakhulu, njengoko yayicinga ukuba akukho mfuneko yakuzingela ngaloo mini – isidlo sasizizela. Kodwa yathi isavuza izincwe icinga ngesidlo esimnandi kangaka, inkawu ekhaliphileyo yathetha nayo.



Inkawu: Bhota, Mnumzana Ngonyama…. gxebe … besicela ukuthetha nawe ngomcimbi obalulekileyo. Xa usitya sonke, akusayi kukwazi ukuba ngukumkani.

Emva koko zonke izilwanyana zaqala zathetha ngaxeshanye.

Iqwarha: Ewe, akukho mntu oza kumphatha.

Ingwenya: Uya kuba wedwa ebukumkanini bakho.

Imvubu: Kwaye uya kulamba ungasenaye nabani onokumtya!!

Indlovu: Uya kulamba ude ufe!

Umvundla: Ngoko ke sifuna ukukucebisa: Ukuba uyayeka ukusibulala, sikuthembisa ngokukuthumela onokumtya yonke imihla.
Akusayi kubakho mfuneko yakuzingela. Uza kuhlala ubukele umabonakude yonke imihla.
Ingonyama yabamamela bethetha.

Ingonyama: Niza kundiphathela ukutya? Sisisombululo esihle eso! Kodwa mandinilumkise: Ukuba niphose nokuba lusuku olunye, ndiya kunitya nonke kwisidlo esinye!

Kwavunyelwana ke. Ukusukela ngoko kwathunyelwa isilwanyana esinye ngexesha emngxunyeni wengonyama yonke imihla. Ingonyama yakuvuyela kakhulu oku. Ngenye imini yayilithuba lomvundla lokunikela ngobomi bakhe njengokutya kwengonyama. Umvundla wawungafuni kufa, waza wacinga icebo.

Wathi chu umvundla ukuya emhadini wengonyama. Akufika kuwo, wabona ingonyama isihla inyuka. Yayilambe kakhulu. Yacaphuka kakhulu kukubona umvundla omncinane.


Ingonyama: Ucinga ukuba umvundla omncinane njengawe ungandinika inyama eyaneleyo yosuku? Ndilambe kangaka, ndingahluthiswa yinto encinane engangawe!

Umvundla: Mnumzana Ngonyama, izilwanyana bezikuthumele imivundla emithandathu, kodwa emihlanu ibulewe yatyiwa yenye ingonyama.

Ingonyama: Uthetha ngeyiphi ingonyama ngoku? Ndim ikumkani yale ndawo.

Umvundla: Ibi ... si ... ikhona e... enye enkulu kakhulu. Enye ingonyama ithe ingoyena kumkani wenene kweli khaya lezilwanyana.

Ingonyama: Hamba nam siye kuloo ngonyama, ukuze ndiyifundise isifundo– bubukumkani BAM obu!



Umvundla omncinane wakhokelela ingonyama emlanjeni onzulu kakhulu. Waxelela ingonyama ukuba enye ingonyama isemlanjeni. Ingonyama yakroba emlanjeni yaza yabona umfuziselo wayo. Yacinga ukuba yenye ingonyama. Yagquma ngamandlakazi yatsibela kwangoko emanzini ukuze ihlasele isithunzi sayo eyayicinga ukuba yenye ingonyama. Ingonyama yabetheka ngentloko emaweni yarhaxwa. Umvundla omncinane, ngokuchwayita okukhulu wabuyela kwezinye izilwanyana wazixelela iindaba ezilungileyo. Zonke izilwanyana zaphinda zahlala ngokonwaba kwilali yakwaNongoma.



Masibhale

Funda imibuzo elandelayo uze uyiphendule kwizithuba ozinikiweyo.

Kwakutheni ukuze ezinye izilwanyana ziyoyike kangaka ingonyama?

Lalisithini icebo lomvundlana?

Sithini isihloko esilungele eli bali?

Yintoni eyayisenza ukuba ezinye izilwanyana zithintithe njengokuthi (…. ibi ... si... ikhona...) xa zithetha nengonyama?

Ukwenza isicwangciso somdlalo



Masithethe

Kumaphepha okusebenzela amabini angaphambili ufunde iincoko ezimbini. Ngoku yenza isicwangciso sokubhala incoko eyiyeyakho. Sebenza nomhlobo wakho nigqibezele isazobe sokucinga.



- Sebenzisa isazobe sokucinga ukukunceda ekucwangciseni ukubhala kwakho
- Bhala kuqala ngokuntlakantlaka
- Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana sintlakantlaka
- Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.

Isihloko somdlalo

1 Ngoobani abalinganiswa?

2 Sithini isakhiwo sebali?

3 Sinjani isimo sentlalo?

4 Uza kuthini umbalisi?

5 Myalezo mni endizama ukuwuthumela?

Unako ukubumba abalinganiswa ngokusebenzisa abakuthethayo. Bhala awona magama athethwa ngabalinganiswa bakho. Bhala amagama abalinganiswa bakho kuluhlu olusekunene uze ubhale abakuthethayo kwixesha langoku.



Masibhale


Sebenzisa isazobe sokucinga ubhale ilinge lokuqala uze, emva kokuluhlela, ubhale umdlalo wakho ngobunono kwisithuba esinikiweyo.

Chaza isimo sentlalo

Amagama abalinganiswa	Abakuthethayo kwixesha langoku

Umhla:







Masithethe

Abafundi beqela lakho mabafunde umdlalo owubhalileyo. Basiqondile isakhiwo sebali. Babachongile abalinganiswa bebali lakho?

Ukwenza ingxelo ngabakuthethayo

Ukusebenzisa iimpawu zocaphulo: Kufuneka usoloko uqalisa okanye ugqibelisa ngesenzi sokunika ingxelo, esifana no-buza, xela, chaza. “Nceda ndinike ithuba,” ucengile uBongi, okanye uBongi wacenga “Ndinike ithuba.” “Ndingahamba nawe?” ubuzile uPeter, okanye uPeter ubuzile “Ndingahamba nawe?”



Masibhale

Fakela iimpawu zocaphulo ekuqaleni nasekupheleni kokuthethwa sisithethi ngasinye.

Inkawu ibuzile Mnumzana Ngonyama, ndingathetha nawe.

Umvundla wathi ukuba uyasitya uya kuba wedwa ebukumkanini bakho.

Ingonyama yabuza niza kukuzisa kum ukutya kwam?

Ukwenzele ntoni oku? wabuza uBongi

UAnna uthe akukho nto sinokuyenza ngaloo nto.

Ngoku bhala abakuthethayo njengengxelo-ntetho.

UAnna



Ucinga ukuba iza kuna imvula ngoMgqibelo?

UBongi

Itshathi yemozulu ibonisa imvula yasebusuku kuphela.



UJabu



Kuhle oko kuba ayadlala amaKhosi!

Umhla:

amaqama amatsha

Hlanganisa izivakalisi ezilula zenze izivakalisi ezimbaxa.
Sebenzisa u-kwaye, kunye, yaze, waze okanye kuba.

Ikati itye impuku. Ikati itye isonka samasi.
Sive ingxolo engaqhelekanga. Besisoyika.
Inja iye yakhonkotha. Bekukho umntu esangweni.
Sibalekele ekhusini. Imvula ibisina.
Uthenge ilokhwe. Uthenge izihlangu.



Masibhale

Funa izifanokuthi (amagama anentsingiselo efanayo) zamagama akwitheyibhile. Sebenzisa la magama ukuze akuncede.

ingcolile | ilahlekile | incinane | indala | udiniwe | unesibindi | icocekile | krele-krele | ibanzi | khazimla | hlaziyeka | oyika | onakala

Izifanokuthi ngamagama anentsingiselo efanayo. Umzekelo, uk-**onwaba** sisifanokuthi sika-**vuya**.

othuka		gabalala	
menyezela		idukile	
uhlakaniphile		gugile	
khalipha		mdaka	

Ngoku cinga ngezichasi zamagama akrwelwe umgca ngaphantsi. Wabhale ebhokisini esekupheleni kwesivakalisi.

Yayitshisa kakulu loo mini.	
Ndiyiqondile ukuba ayiphilanga inja yam, amehlo ayo ebengacacanga.	
Ndipase uvavanyo lwam lwemethametika kodwa ndaqhuba kakubi esiNgesini.	
Le ncwadi iyadika.	
Le mazi ayityebanga nje inkulu.	
Indlela ibimxinwa kwaye inezigingqi.	

Ulonwabo lwesihobe




Masifunde

IIMBONGI

Nkedama ezaziwa ngokubonga,
Mithombo ehlupha ngokubhanga.
Nzala yamagqirha ngokunuka,
Luhlobo lwamanxila ngokuthuka.
Ziphoxo zenkundla ukubhoxa,
Xholovane benkundla ukuxoxa.
Zazi zeembalo ukuprofithesha,
Makholwa endalo ukubhedesha.
Manyange anyanga izizwe,
Bavuseli abatyala ubuzwe.
Zingxangxasi iingcamango zenu,
Yingxubevange ukugxagxaza kwenu.
Ndiphuma nani ngokutola,
Ndivuma nani ngokuhlola.

Ngu Z. S. Qangule







Masithethe

- Zama ukuva isingqisho okanye ukubetha kombongo.
- Wufunde ngokukhwaza uqhwabe izandla zakho ngokwesingqisho.
- Thetha nomhlobo wakho ngomxholo wombongo.



Masibhale

Bhala owakho umbongo. Zama ukuqoshelisa umgca ngamnye okanye owesibini ngegama elinemvano-siphelo. Bhala uyilo lombongo wakho. Fundela umhlobo wakho ukhwaze uze uwubhale kwisithuba esingezantsi.

Umhla: _____

Izalathandawo ngamagama asixelela ukuba into ethile indawoni na. Zakhiwa ngokufakela isakhi salathandawo u-e kunye nesimamva u-ni. Umzekelo ibala - ebaleni, imoto - emotweni. Uyakuqaphela ukuba kubakho utshintsho lwezandi ezithile olubangelwa lifuthe lesikhamiso sesimamva. Ezinye izalathandawo zakhiwa kwizimnini nakwizimelabizo. Umzekelo entla komzi, ngaphaya kwetafile.


Masibhale

Vala izikhewu ngokufakela isalathandawo esichanekileyo. Khetha kula magama angezantsi.

phantsi | ngaphaya | phakathi | ecaleni | emva | phezu



UJim ukhwele _____ kwesitulo.

Ungene wonke _____ ebhafini.





Utsibe _____ kocingo.



Uhamba _____ komthi.

UBongi uzimele _____ kwendlu.





Ugqithe _____ kwebhokisi yeposi.

Masibhale



Khumbula ukuba maxa wambi into siyichaza ngokuyifanisa nenye into. Umzekelo, xa umntu ekhuthele sithi "ukhuthele njengembovane." Oku kubizwa ngokuba sisifaniso. Sikholisa ukusebenzisa izilwanyana kwizifaniso.

Fakela igama lesilwanyana ugqibezele izifaniso.

1	Unamandla okwe	ndlovu
2	Ukhaliphe njenge…	
3	unenkani ngathi…	
4	Ucotha oko…	
5	Uqhwayela emva okwe…	
6	Ululame njenge…	
7	Utyebe ngathi yi…	
8	Unenzondo oku kwe…	
















Isibongo ngoMzantsi Afrika



Masifunde

Masibambaneni ngezandla
Mzantsi Afrika
Sinebhongo ngesizwe sethu.
Sonke sicula ingoma yethu,
Nkosi Sikelel' iAfrika.

Nathi bantwan' abancinane
Masincedise ngokwakha ilizwe lethu.
Masiwenze uphucuke uMzantsi Afrika.
Nkosi Sikelel' iAfrika.

Masakhane, masakhane.
Siziinkokheli zangomso,
Iinkokheli zelizwe lethu lelanga.
Nkosi Sikelel' iAfrika





Masithethe

- Ungantoni lo mbongo?
- Kutheni lo ungentla sisithi sisibongo?
- Ngaba esi sibongo sinaso isingqisho?
- Ingaba abantu babonga xa kutheni?




Masibhale

Nicinga ukuba nina, njengabafundi, ningenza ntoni ukuphucula ilizwe lethu? Fakelani izimvo zenu kwesi sazobe sokucinga.



- Sebenzisa isazobe sokucinga ukukunceda ekucwangciseni ukubhala kwakho
- Bhala kuqala ngokuntlakantlaka
- Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana sintlakantlaka
- Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.



Umhla:

amaqama amatsha



Masibhale

Bhala ke ngoku umhlathi uchaze indlela onokwenza ngayo uMzantsi Afrika ube yindawo ephucukileyo yokuhlala.

Sebenzisa izimvo ezikwisazobe sakho sokucinga. Sikunike isivakalisi esiyingxam yesihloko ukuze uqalise umhlathi wakho.

UMzantsi Afrika lilizwe elihle kwaye sonke sinokuncedisana ngokuwenza indawo ephucukileyo yokuhlala.

Bhala owakho umbongo ngobomi baseMzantsi Afrika.



Ulonwabo

Owu khawujonge inyanga,
Ikhazimla emajukujukwini;
Owu! Mama ifana
Nesibane emoyeni.
Kwiveki ephelileyo ibiliceba
Imile okwenqanawa;
Kodwa ngoku ikhule yankulu
Yangqukuva njengesangqa u-O.

nguE Follen






Imibongo ngelanga



Masithethe

- Uyawazi amagama ezijikelezi-langa (iiplanethi)?
- Uyazibuza mhlawumbi ukuba zinjani iiplanethi?
- Ngaba ziyafana neyethu iplanethi, uMhlaba?
- Zikhona kuzo okhe wazibona ebusuku, esibhakabhakeni?
- Ngaba uyazi ukuba sikude kangakanani elangeni?



Kulo mbongo, iPluto isabizwa ngokuba yiplanethi. Ngowama-2006, iingcali zenzululwazi zavumelana ngenkcazo entsha yento eyiyo iiplanethi zafikelela ekubeni, enyanisweni, iPluto asiyiyo iplanethi.

Zilithoba iiplanethi ezingqonge ilanga,
Mamela xa ndizibiza ngamagama azo.

Metyhuri? Ndilapha! Yeyokuqala. Isondele kakhulu elangeni.

Vinasi? Ndilapha! Yeyesibini,

Ikhazimla kangako, ngathi kusemini.

Mhlaba? Ndilapha! Yeyesithathu

UMhlaba wona likhaya lethu.

Mazi? Ndilapha! Yeyesine

Ilungele uphando, kwaye ibomvu krwe.

Jupita? Ndilapha! Yeyesihlanu
Yeyona inkulu, ayilosuntswana.

Satheni? Ndilapha! Yeyesithandathu
Izazinge zothuli nomkhence zihlangene.

Yuranas? Ndilapha! Yeyesixhenxe
Ijinga ezulwini ngathi ikekele.

Neptuni? Ndilapha! Yeyesibhozo
Inechokozakazi ngathi lelomya ukhozo.

Pluto? Ndilapha! Yeyethoba
Eyona incinane neyokugqibela!

M. Goldish (Ilungisiwe)

amaqama amatsha



Masithethe

- Uthetha ngantoni lo mbongo?
- Ucinga ukuba imbongi iwubhalele ntoni lo mbongo?
- Ukuxelela ntoni lo mbongo ngeendawo ezikuzo iiplanethi?
- Iplanethi yethu, uMhlaba ikufutshane kangakanani elangeni?
- Funda lo mbongo ngokukhwaza ungqishe nangonyawo ukuze wenze isingqisho.



Masibhale


Khangela izibini ezithandathu zamagama embongweni ezinemvano-siphelo uzibhale kwitheyibhile.

yeyesibini					
kusemini					



Masenze

Ngoku jonga umbongo nakumzobo ongezantsi. Khangela ukuba unganako na ukubhala phantsi amagama eeplanethi kunye neendawo ezikuzo ngokunxulumene nelanga. Umbongo ukuxelela indawo ekuyo iplanethi nganye. Kulo mbongo, imbongi ibiza iiplanethi ize iyileyo isabele. Ithetha neplanethi nganye ngokungathi ngumntu. Oku sikubiza ngokuba sisimntwiso.



Bhala umbongo



Masibhale

Yenza isicwangciso sokubhala umbongo. Bhala izivakalisi ezibini ezinemvano-siphelo kwibhokisi nganye. Sebenza nomhlobo. Xoxani kuqala uze ubhale izimvo zakho njengevesi yombongo wakho ezibhokisini. Ngoku bhala izivakalisi ezibini ezinemvano-siphelo kwibhokisi nganye.



- Sebenzisa isazobe sokucinga ukukunceda ekucwangciseni ukubhala kwakho
- Bhala kuqala ngokuntlakantlaka
- Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana sintlakantlaka
- Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.





Isihloko sombongo





Umhla:

amaqama amatsha


Yintoni isikweko?

Sisebenzisa izikweko kakhulu kwisihobe. Isikweko sisafobe apho kungekho kufanisa into nenye. Into ethile ibekwa endaweni yenye, okanye kuthiwa yenye into. Imizekelo: Indoda yingonyama. Ubuso bakhe buyincwadi. Xa usebenzisa isikweko, wenza uthelekiso, kodwa akusebenzisi u"njenge" okanye u"okwe".



Masibhale

Bhala umbongo wakho ngobunono uze uwufundele iqela lakho.





Masithethe


Xela ukuba isikweko ngasinye sithetha ntoni. Yenza umfanekiso obonisa omnye wazo.

Utitshala wethu ebengekho isikolo sasuka sangumdudo wamasele.

Waba ngumkhenkce luloyiko.

Lo mfo ulilitye, akakazifumani nangoku iimpepha zokuqhuba!

Umhla:



ZIHLOLE

Ndiyakwazi		
ukufunda intsomi		
ukufunda isicatshulwa esicengayo		
ukuhlalutya isicatshulwa esicengayo		
ukufunda inqaku lephephandaba		
ukuchonga isihloko, umgca wegama lombhali, intshayelelo		
ukufunda incoko		
ukwenza isicwangciso nokubhala ibali		
ukwenza isicwangciso nokubhala inqaku lephephandaba		
ukwenza isicwangciso nokubhala incoko		
ukuqikelela isiphelo sebali		
ukulinganisa ibali njengomdlalo		
ukuchaza abalinganiswa, isakhiwo sebali, isimo sentlalo nabalinganiswa		
ukusebenzisa izimaphambili nezimamva		
ukunika izichasi nezifanokuthi		
ukuchonga isibizo esiyintloko nesiyinjongosenzi		
ukuchaza nokusebenzisa iintlobo ezahluka-hlukileyo zezibizo		
ukuhlalutya isaziso		
ukuchonga iqela ekujoliswe kulo nabaphulaphuli		
ukuchonga izixhobo ezisetyenziswe kwisaziso		
ukubhala isaziso ngokusebenzisa izafobe		
ukuyila incwadana yesaziso		
ukuchaza isivakalisi esilula nesimbaxa		
ukuchonga intloko nesenzi kwisivakalisi		
ukusebenzisa izimaphambili nezimamva		
ukuchonga iingxoxo nokuzixhasa ngolwimi olucengayo		
uyakwazi ukwenza isicwangciso aze abhale ingxoxo ecengayo		
ukuchonga izagwelo zokubonga ezifana nezikweko nezifaniso		
ukusebenzisa ulwimi olucengayo		
ukuchonga iingxelo, imibuzo nemiyalelo		
ukuqinisekisa ukuvumelana kwentloko nesenzi		
ukusebenzisa izaci namaqhalo		
ukusebenzisa iziphawuli nezibaluli		
ukusebenzisa amaxesha ezenzi		

Umxholo 3: Yenziwa njani?

Isicatshulwa semiyalelo
Ikota yesi-2: liveki 1 - 2

33 Sibhaka amaqebengwana 70
Xela iimpawu zesicatshulwa semiyalelo
Sika imiyalelo uyilandelelanise kakuhle.
Cinga ngezixhobo zokusebenza ezifunekayo.
Phendula imibuzo esekelwe kwiresiphi.
Bhala phantsi amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakho.

34 Bhala iresiphi 72
Bhala iresiphi yesidlo osithandayo.
Bhala imiyalelo yokwenza iti ngokulandelelana kwayo.
Zalisa/Gqibezela itshathi yemisebenzi yemihla ngemihla.

35 Iziqalo ezitsha neziphelo ezitsha 74
Intshayelelo yezimaphambili, izimamva neengcambu.
Iintsingiselo zezimaphambili nezimamva.
Bhala phantsi amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakho.

36 Yenza unopopi odanisayo 76
Funda imiyalelo.
Gqibezela imiyalelo ngokwemifanekiso.
Gqibezela itshathi usebenzise izihlanganisi.

37 Ndiyichitha njani imini yam 77
Uzoba amaxesha ahlukeneyo eziwotshini aze abonise nemisebenzi.

38 Bhala ileta echaza indlela 78
Zoba imephu ekhapha izalathisi zendlela.
Bhala izalathisi zendlela.

39 Iintloko, isenzi nenjongosenzi 80
Xela intloko, isenzi nenjongosenzi kwizivakalisi.
Xela isenzi esingathathi njongosenzi.
Bhala izivakalisi ezinentloko, isenzi nenjongosenzi.
Bhala phantsi amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakho.

40 Sisixelela ntoni isichazi-magama? 82
Xela izinto ezifumaneka kwisichazi-magama.
Amagama azizikhokelo, amagama achazwayo, iinkcazelo zamagama ezahlukeneyo kunye nezigaba zentetho.



Balisa ibali
Ikota yesi-2: liveki 1 - 2

41 Ubusuku obungakholelekiyo 84
Uvavanyo lokuqonda olusekelwe kwisicatshulwa.

42 Okunye ngeengwenya 86
Uvavanyo lokuqonda olucacisiweyo lohlobo lweemviwo olusebenzisa imibuzo eneempendulo ezikhethisayo nezicingisayo.
Intshayelelo yezenzi zohlobo lokuqondisa.
Bhala phantsi amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakho.

43 Ngemini elandelayo 88
Linganisa ibali.
Gxila kwiimpawu zabantu.
Khetha izichazi ezichaza umlinganiswa oyintloko.
Sebenzisa izichazi uchaze umlinganiswa oyintloko.
Isicwangciso sesincoko.

44 Ndibhala ibali lam 90
Phezolo ndiphuphe ...
Bhala phantsi amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakho.

45 Uphengululo lwencwadi 92
Bhala uphengululo lwencwadi usebenzise ibali njengesiseko.
Ibali eliyinyani nelingeyonyani. Ingxoxo ngeziqulatho.
Umsebenzi wezenzi ezinenjongosenzi nezingenayo.

46 UNelson Mandela omncinci 94
Intshayelelo yencwandi engembali yobomi bakho, iothobhayografi.
Bhala phantsi amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakho.

47 Uphengululo lwencwadi 96
Bhala uphengululo lwencwadi ushwankathele isakhiwo sebali, imontlalo, abalinganiswa kunye nomxholo.
Bhala phantsi amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakho.

48 Isaqhubeka 98
Uhlalutyo lweendidi zezicatshulwa neempawu zazo.
Uhlaziyo lwamaxesha ezenzi: elangoku eladlulayo nelizayo. Imisebenzi esekelwe kwixesha ngalinye.
Uhlaziyo lwamaxesha ezenzi: eladlulayo, elangoku nelizayo njengomdlalo webhodi.
Bhala phantsi amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakho.

Zihlole! 100
Zihlole ujonge iziphumo zezifundo kumaphepha emisebenzi eli-16 yangaphambili.





Sibhaka amaqebengwana



Masifunde





Iresiphi yamaqebengwana apinki



Izithako

Umxube wekeyiki

- 125 g imajarini ethambileyo
- 1 ikomityi yeswekile
- 3 amaqanda
- 1 itisipuni yevanila
- 1½ ikomityi yomgubo ozinyukelayo
- ¾ zekomityi yobisi


Umhombiso

- 50 g ibhotolo engenatyuwa
- 2 iikomityi zeswekile yokuhombisa ikeyiki
- 2 amacephe obisi
- Izinto zokufafaza ngaphezulu



Indlela yokwenza

Umpheki uyixubanisile imiyalelo yokwenza Amaqebengwana. Khawulinge ubone ukuba ungakwazi na ukwenza la maqebengwana. Sika imiyalelo ekwiphepha elilandelayo uze uyincamathelise ngokulandelelana kwayo kwesi sithuba usinikiweyo.



Umhla:

amaqama amatsha



Masibhale

Kufuneka ube nobisi olungakanani?

Kufuneka ube nomgubo ongakanani?

Kwenzeka ntoni wakube uwakhuphile amaqebengwana eontini?

Funda iresiphi ngononophelo uze ubhale izixhobo zokusebenza ezifunekayo xa usenza la maqebengwana.



Masenze

Sika imiyalelo uze uyincamathelise kwisithuba osinikiweyo.

Wakhuphe uze uwayeke aphole.

Dibanisa imajarini neswekile uze ugalele amaqanda nevanila uzamise ngamandla zide zidibane kakuhle.

Basa ionti ibe kwiqondo lobushushu elili-180°C. Faka amaphepha okubhaka amaqebengwana kwipani yokubhaka iimafini.

Galela umxube wentlama yekeyi emaphepheni okubhaka amaqebengwana.

Hluzela umgubo kumxube wemajarini uze ugalele ubisi.

Bhaka amaqebengwana kangangemizuzu engama-20 ukuya kuma-25.

Qhuqha ibhotolo ide ibesabumhlophe ingabinazigaqa uze udibanise neswekile yokuhombisa ikeyiki.

Qaba iswekile yokuhombisa kumaqebengwana

Sasaza izinto zokuhombisa ngaphezulu.



Bhala iresiphi

Masibhale

Bhala iresiphi yokutya okuthandayo. Qala ngokubhala ilinge lokuqala. Wakugqiba linike umhlobo wakho ajonge iimpazamo. Emva koko yibhale ngononophelo kwesi sithuba singezantsi.

Iresiphi ye- _____



Izithako

Indlela yokwenza





Umhla:

Masibhale

Le miyalelo ingasezantsi yeyokwenza ikomityi yeti. Ayilandelelani kakuhle. Yibhale kule tshathi ilandelelane kakuhle.



1.
2.
3.
4.
5.
6.
7.
8.
9.

Faka izingxobo zeti ezintathu eketileni yeti.

Zamisa iti esekomityini ngetisipuni.

Yiyeke itsale imizuzu emihlanu.

Galela ubisi olwaneleyo ekomityini.

Fudumeza ikomityi ngamanzi ashushu.

Galela amanzi abilayo kwizingxobo zeti.

Zalisa iketile ngamanzi amatsha.

Galela iti eseketileni yeti ekomityini.

Bilisa amanzi aseketileni.

Masibhale

Sebenzisa ezi bloko wenze umzobo obonisa ukuba uluchitha njani usuku lwakho.

Iziqalo ezitsha neziphelo ezitsha

Yintoni isimaphambili?

Isimaphambili asilogama elipheleleyo. Sisakhi esihlonyelwa phambi kwesiqu sesibizo. Isimaphambili senziwa liceba nesisekelo, Umz. abantu : a + ba. Isimaphambili sihamba nehlelo laso lesibizo.



Masenze

Jonga umzekelo. Qaphela izimaphambili zala mahlelo ezibizo:

Ihelo	+	isimaphambili
1		um(u)-
6		ama-
7		isi-
11		ulu-

Biyela isimaphambili uze ukrwele umgca phantsi kwengcambu. Bhala ke ngoku isimaphambili nehlelo lesibizo ngasinye.

Umgca · Isikolo · Isihlangu · Izindlu · Izitya · Abantu · Abelungu · Imithi · Umntu · Umvundla · uNogayoyo · Ilizwe · Inkwenkwe · Ubusi · Ulusu · Iinkomo



Hlahlela izimaphambili zibe ngamaceba nezisekelo

ismp.	iceba + iskl.	ismp.	iceba + iskl.
aba	a + ba	in	i +n (i)
ama	a + ma	ili	i + li
ulu	u + lu	um	u + m(u)



Masibhale

Krwela umgca phantsi kwesimaphambili kwisibizo ngasinye kwezi zivakalisi zilandelayo uze uxele iceba nesisekelo saso.

1. Iziphathamandla zazisivalela imini yonke.	**2.** Amajoni abetha abantwana besikolo.
3. Iqela lombhoxo liza kufika ngomso	**4.** Abafundi kufuneka bafunde bazimisele.
5. Isimaphambili sikwaxela ihlelo lesibizo.	**6.** Umsebenzi wakhe uyabukeka.
7. Ndizihlambe ndedwa izitya phezolo.	**8.** Amakhozikazi aliqenggile ilitye.
9. Ndiyabuthanda ubusi.	**10.** Iinkomo zasekhaya zaphusile.
11. Abelusi balusa iigusha endle.	**12.** Uzale waphula uluthi.

1 izi- (i+zi),2 ama (a+ma), aba (a+ba),3 i(ili) [i+(ili)], 4 aba (a+ba), 5 isi (i + si), 6.um (u+m(u)), 7 izi (i + zi), 8ama (a+ma), iii (i+ili), 9 ubu (u+bu), 10 iii(ii+n), 11 abe (a+be), 12 ulu (u+lu)

Bhala izivakalisi ezithathu uze ukrwele umgca phantsi kwesimaphambili sesibizo.

Umhla:

Yintoni isimamva

Isimva naso sisakhi kodwa sona sihlonyelwa emva kwesiqu, kwaye siyayitshintsha intsingiselo yegama. Umzekelo: isimamva u-ana sithetha ukuba into incinci, igama injana lithetha inja encinci.



Masenze Jonga le mizekelo. Ithini intsingiselo yegama elitsha xa ufakele isimamva?

Igama	+	Isimamva
Indoda		kazi



Simele ntoni isimamva? Biyela isimamva uze ukrwele umgca kwisiqu segama

indodakazi | ithokazi | ixhegokazi | iyaqondeka | intokazi | indlukazi | isilokazi | isityakazi | injana | Isilwana | Icetshana | Intwana | amanzana | Idolophana | Ibhekilana | umalumekazi | Ubawokazi | Umakazi | Uyisekazi | uhambile | utyile | isikhukukazi | uyafundisa

Zimele ntoni ezi zimamva

Isimamva	Intsingiselo
kazi	isikhomokazi
kazi	isikhomokazi
kazi	isandiso
kazi	ukuzalana

Isimamva	Intsingiselo
ana	isinciphiso
ile	ixesha elidlulileyo
isa	isixando sokwenzisa
eka	isixando sokwenzeka



Masibhale Fakela izimamva kumagama abiyelweyo ukuze utshintshe intsingiselo yesivakalisi.

1. Umama (ufika) izolo.	**2.** Amagqabi emithi (ayawa) kaloku kusebusika.
3. Ndifuna (into) nje wethu.	**4.** Ubawo uthenge (ithole) elehlisayo.
5. UZimi uhlala kwi(poma) lendlu ePirrie.	**6.** Kufike (indoda) yakhe izolo elinye.
7. Kutheni esuke wali(xhego) nje ntombi?	**8.** (Umalume) ufundisa ibanga lematriki.
9. Usisi (ubona) uMandoza iifoto.	**10.** Sifunde (ngolwandle) lwe-Indiya.
11. Ndimbone ephethe (inja) ebhityileyo.	**12.** Ndi(thenga) ama-apile nge-10c lilinye.

1 ufikile, 2 awile, 3 intwana, 4ithokazi, 5 pomakazi, 6 ndodakazi, 7xhegokazi, 8 malumekazi, 9 ubonisa, 10 lwandlekazi, 11 injana. 12 thengisa.

Bhala ezakho izivakalisi ezithathu usebenzise ezinye zezi zimamva uze uzikrewelele umgca ngaphantsi.

Yenza unopopi odanisayo




Masenze

Jonga imifanekiso ebonisa indlela yokwenza ezi zidalwa. Xoxa neqela lakho malunga nokuba kufuneka nenze ntoni ukuze nenze lo mdanisi. Bhala imiyalelo kwezi zikhewu zishiyiweyo.

Kufuneka ntoni

- ✓ Isinamathelisi seBostik
- ✓ izinto zokucoca imibhojana zibe- 3
- ✓ impompom zibe- 2 (idayamitha ye-4 cm)
- ✓ impompom encinci
- ✓ amehlo ama-2
- ✓ usiba lwentaka lokwenza umsila
- ✓ amaqhosha ama-2 okwenza iinyawo





Yenziwa njani impompom

1. Zoba izangqa ezibini ezikhulu, ezilinganayo kwikhadibhodi. Zisike.
2. Zoba izangqa ezincinci ngaphakathi kwezi zangqa zikhulu. Zisike ukuze izangqa zekhadibhodi ezikhulu zibe nomngxuma embindini.
3. Dibanisa izangqa uze uzisongele ngewulu emthubi emngxunyeni osembindini nangaphandle de izangqa zigqumeke. Ungasebenzisa imitya yewulu emibini okanye emithathu ukuze ugqume izangqa ngokukhawuleza.
4. Sebenzisa isikere esibukhali usike iwulu phakathi kwemiphetho yezangqa ezibini.
5. Faka umsontwana wewulu phakathi kwezi zangqa zibini uze ubophe uqinise. Emva koko zisuse izangqa.



Masibhale

Bhala ke ngoku uchaze ukuba uza kwenza ntoni ngezi zinto kunye neempompom.



Masenze Faka amaxesha kwezi wotshi uze uzobe umfanekiso obonisa ukuba wenza ntoni na.

Ndiqala ngoku



Ndize ndi



Emva koko ndi



Ndandule uku



Phambi kokuba ndi



Ndigqibela ngoku






Masibhale Tshintsha ke ngoku itshathi yakho ibe zizivakalisi ezichaza indlela oyichitha ngayo imini yakho.

Bhala ileta echaza indlela




Masibhale

Bhala ileta eya kumhlobo wakho okwenye idolophu ummemele kwikonisathi yesikolo sakho. Mchazele ukuba le konisathi yeyantoni, iza kuqala ngabani ixesha nokuba iza kuba ngowuphi umhla. Kuza kufuneka umchazele nokuba siphi na isikolo sakho uchaze nendlela eya kuso. Le nkcazo uza kuyibhala kwiphepha elilandelayo.



Bhala idilesi yakho apha


Bhala umhla apha




Bhala isibuliso apha

Qukumbela ileta yakho apha.

Bhala igama lakho apha.




- Sebenzisa isazobe sokucinga ukukunceda ekucwangciseni ukubhala kwakho
- Bhala kuqala ngokuntlakantlaka
- Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana sintlakantlaka
- Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.



Umhla:



Masenze Zoba imephu esuka kwindawo ethile (kokwenu, esitophini sebhasi, okanye evenkileni) iye esikolweni sakho.





Masibhale Bhala inkcazo yendlela eya apho.

INTSAYINO: Gama Umhla

Intloko, isenzi nenjongosenzi




Masibhale

Funda ezi zivakalisi kunye nomhlobo wakho.

Krwela umgca obomvu phantsi kwentloko. Intloko ngumntu okanye into eyenza isenzo esithile.


Krwela umgca ozuba phantsi kwesenzi. Isenzi ligama elenzayo.

Krwela umgca oluhlaza phantsi kwenjongosenzi. Injongosenzi isixelela ukuba loo nto yenziwayo yenziwa entwenini.



Iikati zileqa iimpuku.
UAnn uyamthanda uJabu.
Umpheki uyitshisile inyama.
Inkwenkwe yaphule ifesitile.
Intombazana ibhabhisa ikhayithi.
Thina sibhake ikeyiki izolo.







Funa izenzi kwezi zivakalisi uze uzikrwelele umgca ngaphantsi. Wakugqiba biyela ngesangqa injongosenzi.


Intombazana ihlamba izitya.	UBongi ugalela amanzi eglasini.
Inkwenkwe inkcenkceshela isitiya.	Ibhasi yesikolo ifike emva kwexesha.
Abantwana beBanga lesi-6 batyale umthi.	UAnn ubhale i-imeyile.

Khawujonge ezi zivakalisi. Krwela umgca phantsi kwentloko nesenzi. Ezi zivakalisi azinanjongosenzi.

Ezinye izenzi aziyithathi injongosenzi.



Umfundi uyafunda.	Inja iyalala.
Thina siyatya.	Bona bayasebenza.
Usana luyalila.	Amakhwenkwe ayabaleka.
Ikati iyangxola.	Inqanawa yazika.





Umhla:

Masibhale

Funda ezi zivakalisi zilandelayo. Krwela umgca obomvu phantsi kwentloko, ozuba phantsi kwesenzi noluhlaza phantsi kwenjongosenzi.



UAnna uphendule imibuzo emininzi namhlanje.

UMandu uboleke ipenisile yam.

UJabu ugibisele inqwelomoya yephepha yaphuma ngefesitile.




Udade wethu ufunda incwadi yaselayibrari.

Umama upheka isophu.



Mna ndimamele unomathotholo.

Hayi bo! UZozo ube iselula yam!



Isichotho siyibethe yaziingceba ifesitile.

Ndibhale uviwo izolo ndaluphumelela.

Nditye isonka esinetshizi namhlanje.

Masibhale

Bhala ke ngoku ezakho izivakalisi. Kwisivakalisi ngasinye krwela umgca obomvu phantsi kwentloko, ozuba phantsi kwesenzi noluhlaza phantsi kwenjongosenzi.



Sisixelela ntoni isichazi-magama?



Masifunde

Isichazi-magama sisichazela ngeentsingiselo zamagama nendlela esiwabiza ngayo. Amagama akwisichazi-magama abhalwe alandelelana ngokwealfabhethi.

Amagama azizikhokelo okanye aziintloko abhalwa phezulu ephepheni, asixelela ukuba ngubani igama elisekuqaleni nelisekugqibeleni kwelo phepha.


Igama elibhalwe ngqindilili elisekuqaleni kuthiwa **ngumchazwa**. Umchazwa ubhalwa ngqindilili ngoonobumba abamnyama

Ecaleni komchazwa iba lubhalo lwefonetiki olubonisa indlela esibizwa ngalo isandi esithile kwelo gama umz. **([kx'])**. Olu bhalo lwefonetiki alubikho kuwo onke amagama, lubakho kuphela kumagama anobunzima. Ecaleni komchazwa sikwafumana isifinyezo esixela isigaba sentetho: isibiso b, isenzi nz, isibaluli bl njl. Ukuba sisibizo kubakho amanani axela **ihlelo lesibizo (7/8)** akwachaza nokuba isibizo eso sifumaneka kwisinye okanye kwisininzi.

u·krebe

a
b
c
d
e
f
g
h
i
j
k
l
m
n
o
p
q
r
s
t
u
v
w
x
y
z

u·**krebe** **(kx) b 1a/2a**
1. Uhlobo lwentlanzi enkulu yaselwandle esisidla-bantu:
2. Umntu ongathi akanabungozi kanti uqulathe ububi, inkohlakalo.



uku·**krekretha** (kx) nz (dlul krekrethile, -krekrethe; nzs ukukrekrethana; nzk ukukrekretheka; nzl ukukrekrethela; nzs ukukrekrethisa; nzw ukukrekrethwa):

1. Ukuluma-luma okanye ukusikasika kuvakale isandi esithi kre kre kre, njengaxa impuku isitya intambo de iqhawuke, isikere sisika ilaphu okanye xa kulinywa entsinde-ni ikhuba lisithi kre kre; ukuntsents-etha: impuku ikrekretha intambo.


2. Ukuluma, ukukrazula umntu ngamazinyo xa nilwayo:

3. Ukumana utyela, ukhunyula, uginyela, ukhuthuza umntu okanye abantu ngamaqhinga; ukumana uzithela, uzikhelela kwinto eng-eyoyakho, njengomntu omana esika kumlimandlela esandisa le yakhe intsimi; ukunyunya.

i·**krele** (kx) ib 5/6:
1. Isikhali esenziwe ngentsimbi esifakwa esingxobeni, isabile:

2. Umkhonto onesiphatho esifitshane.

-krele-krele **(kx') bl, -krele-krele bj:** isibaluli esichaza:
1. ukuba ntsanyu-ntsanyu, sefe-sefe, kranyu-kranyu, ukubonakala ngaphaya, ukukhanya ilanga: abantu bamazwe ashushu kakhulu banxiba impahla ekrele-krele:
2. ukuthi sa, gqa-gqa: izithombo zikrele-krele kule ntsimi:
3. ukuba kho komtyhi/ kwethuba ukungaxinaniseki kakhulu ziingxaki, ngumsebenzi, njl:
4. ukuba bukhali ngenggqondo: ukrele-krele kakhulu/ ingqondo yakhe ikrele-krele.



93

uku·krexeza

ubu·**krele-krele** (kx) b 14/-:
1. Imo yokugqana kwezinto okanye kwabantu yokuthi saa, gqa-gqa; ubugqagqa, imo yokuqelelana: yokuqaqelana:

1. Ubuyacu-yacu, ubukranyu-kranyu, ubuyasu-yasu:

2. Imo yokuba nengqondo ekhawulezayo ukuqonda; ubukhali bengqondo:

3. Inkanyiso, imo yokuba nokuqonda: inkcazo yakho izise ubukrele-krele

isi·**krelemnqa** (kx) b 7/8: umntu okhuthuza abantu iimali zabo, iimpahla, iimoto, njl, isigebenga, isigwinta, umphangi, isihange.



uku·**kreqa** (kx') nz (dlul – kreqìlè, -krèqê; nzl ukukreqela; nzs ukukreqisa; nzw ukukreqwa):

1. Ukukrekretha, ukunqala, ukutya into ngamazinyo, umz impuku inqenqetha, inqeza into ngamazinyo: **impuku iyalukreqa olu cango:**

2. Ukuthi shunqu, ukushunqula, ukuthi gece, ukugeca, umz intambo, umthi: wayikreqa intambo ngesinkempe:

3. Ukubhetya, ukulahla, ukuphuma ecaleni, ukuphuma kwicawa obukade ukhonza kuyo: **ela bhetye-bhetye, uSangqu, likreqile embuthweni:**

4. Ukuphuncula, ukuqhawula umke, umz isilwanyana okanye umntu: ***ihashe lam likreqile.***

i·**krexe** [kx']b 5/6: umntu oyindoda onomfazi wakhe othandana namntu wumbi wasetyhini ungenguye lo ungumkakhe; umntu oyindoda okrexezayo; umkrexezi.

uku·**krexeza** [kx] nz (dlui -krexezile, -krexeze; nzl ukukrexezela' nzs ukukrexezisa):

1. mandulo: okomfazi owendileyo: ukulala nendoda engeyoyakhe, enomfazi okanye engenamfazi:
2. ngokwesiNtu sanamhlanje: okwendoda enomfazi wayo wesiko: ukulala nomfazi wenye indoda okanye nomnye umntu wasetyhini ongengomfazi wayo; okomfazi womntu: ukulala nenye indoda enomfazi okanye engenamfazi; ukuthi umntu otshatileyo alale nomntu ongenguye lo atshate naye; okomntu ongatshatanga; ukulala nomntu otshate nomnye umntu

a b c d e f g h i j k l m n o p q r s t u v w x y z

94

Inkcazelo isinika intsingiselo yagama. Xa igama lineentsingiselo ezininzi, iinkcazelo ziphawulwa ngamanani. (Jonga intsingiselo yegama ubukrele-krele)

Ezinye iinkcazelo ziba nomzekelo wesivakalisi obonisa indlela elisetyenziswa ngayo elo gama. Impuku iyalukreqa olu cango: (jonga ukukreqa)

Ubusuku obungakholelekiyo



Masithethe

- Wakhe waphupha kakubi?
- Waphupha ntoni?
- Wakhe waphupha ngencwadi obuyifunda?



Masifunde

Phambi kokuba ufunde

● Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na. ● Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

Ngeli xesha ufundayo

● Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo ● Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ukhwaze.







Ngobusuku obuthile uLindiwe wayengqengqe ebhedini efunda ngeengwenya kwimagazini ayithanda kunene, “i-National Animal Magazine”. Phambi kokuba alale uyibeke kwithala leencwadi, nje ecaleni komnyango wegumbi lokuhlambela. Ekuhambeni kobo busuku wathi xa evela kwigumbi lokuhlambela, weva isandi sihlangabezana naye siphuma ngakwithala leencwadi. Wayesebuthongweni ngoko ke zange ayizinzise kuloo nto ingqondo yakhe. Kodwa ke imfumba yamaphepha-ndaba neemagazini ezazikwithala leencwadi yasuka yashukuma. Yatyibilika ngephanyazo loo mfumba yathi saa kuyo yonke indawo emgangathweni, saya ngokukhula isandi esasivakala njengokufutha. ULindiwe zange awakholelwe amehlo akhe: Tyhini! Nantso ingwenya ibhavuma, ibeth’ ithatha iphuma phantsi kwethala leencwadi. Wasuka wangumkhenkce kukubanda. Wayibukela ingwenya irhubuluza ilaqaza endlwini ingangxamanga. Yayingathi isandul’ ukuphuma emanzini. Wonke umzimba wayo wawumanzi njengoko yayishiya ichibi lamanzi emgangathweni. Ingwenya yenza loo ngxolo yayo yokufutha ijiwuzisa umsila wayo emva naphambili. Yathi xa ivula umlomo wayo, seyiveze loo mkrozo wamazinyo amade, woma uLindiwe kukothuka. “I-National Animal Magazine” icambalele emgangathweni ecaleni kwengwenya. Ikhona into eyayingaqondakali kakuhle. ULindiwe wayiqwalasela waza wabona ukuba umfanekiso oseqweqweni wawahlukile. Endaweni yengwenya enkulu edongeni lomlambo, ngoku kwakukho udonga lomlambo kuphela! Uphakamise imagazini. Ngelo xesha ingwenya yajiwuzisa umsila wayo kakhulu kangangokuba kwada kwaphuka ivazi eyiyona ithandwa ngumama wakhe zatsho zathi saa kuyo yonke indawo iingceba. ULindiwe wabaleka wangena egumbini lakhe lokulala wambakraza ucango. Wahlala ebhedini noko kwathi xibilili. “Mhlawumbi ilambile, xa inokufumana into etyiwayo ingahamba,” wacinga. Wajonga “i-National Animal Magazine” wacinga, “Xa ingwenya inako ukurhubuluza iphume emfanekisweni mhlawumbi nezinye izilwanyana zingakwazi ukwenza njalo.” Watyhila waza wafumana umfanekiso wamakholwane. “Angasisidlo esimnandi kwingwenya,” wacinga ngolo hlobo. Waxhuma xa esiva uswalakahla omkhulu watsho wabona nesiqwentshana somsila





wengwenya sikrobe phantsi kocango olucebukileyo. Watyhalela umfanekiso wekholwane emngxunyeni wocango ukuze abonise ingwenya ukutya kwayo.
Ngephanyazo kwaba sekukho amashumi amakholwane akhala ngamazwi ahlabayo ebhekuza ngamandla ngamaphiko ebaleka ejikeleza ngezo ngcondo zinde ngaphaya kocango lwakhe. Nalo ikholwane liphelela emlonyeni wengwenya kwalandela elinye, kwaba lelinye nelinye. Seyidiniwe, yalala, yavala amehlo ayo ayaphinda ishukume.
ULindiwe wavula ucango ezolile wabeka ulind' ixesha phambi kwempumlo yengwenya.
"Nceda," wasebeza, "nceda goduka."
Wachwechwa wabuyela egumbini lokulala waza wakroba ngomngxuma wocango.
Ingwenya namakholwane zaziphelela emoyeni zibuyela kuloo magazini.
Kusasa abazali bakhe bafuna ukuqonda ukuba yintoni emanzise umgangatho, nokuba lwaphulwe yintoni ucango lwakhe, yona ivazi ethandwa ngumama kakhulu kutheni seyiziingceba ezincinci emgangathweni kuyo yonke indawo nje. Wayengazi nokuba makaqale ngaphi uLindiwe ukuchaza.

kaFranz Hohler

kwiPIRLS (ilungisiwe)



Masenze

Ezi zivakalisi zimalunga nokwenzeka ebalini likaLindiwe. Azilandelelani kakuhle. Ziphawule ngamanani ukuze zilandelelane kakuhle. Sikwenzele ezimbalwa ukuze ubone.

	Emva kwethuba uye egumbini lokuhlambela.
	Wabona ingwenya ifutha ijiwuzisa intloko nomsila.
2	Waya kulala.
	Wazitshixela kwigumbi lakhe lokulala.
	Wafumana umfanekiso wamakholwane.
	Ingwenya yatya amakholwane.
9	Ingwenya yahamba yaya kulala.
	Amakholwane atsibela ngaphaya komfanekiso.
1	ULindiwe wayefunde "i-National Animal Magazine" waza wayibeka kwithala leencwadi.



Okunye ngeengwenya







Masibhale

Phinda ufunde ibali elithi, “Ubusuku obungakholelekiyo”, wandule ukuphendula le mibuzo.

Waba yintoni umqondiso wokuqala owabonisa ukuba kukho into engaqhelekanga eyenzekayo?

a	Imfumba yamaphepha yaqala ukushukuma.
b	ULindiwe wafumanisa ukuba umfanekiso oseqweqweni lwemagazini awusenanto.
c	Ucango lwegumbi lwakhe lwalaphukile.
d	ULindiwe weva isandi somfutho.

Lophulwa yintoni ucango lwegumbi lokulala?

a	Ngumsila wengwenya.
b	Yivazi kamama wakhe eyalubethayo.
c	Lwaxholwa ngumlomo otsolo wekholwane.
d	ULindiwe walubetha lwaphuka ucango.

Yayivela phi ingwenya?

a	Kwigumbi lokuhlambela
b	Kuqweqwe lwemagazini
c	Phantsi kwebhedi
d	Kumlambo okufuphi

Ngawaphi amazwi asixelela ukuba uLindiwe wayothukile?

a	Ngumkhenkce kukubanda
b	Azange awakholelwe amehlo akhe
c	Waziva enesiqabu
d	Isandi sokufutha

Yintoni eyenza ukuba uLindiwe acinge ukuba ingwenya yayiza kumhlasela?

a	Yaveza amazinyo ayo.
b	Yayifutha kakhulu.
c	Yaqalisa ukubhavuma nokubeth’ ithatha.
d	Yajiwuzisa umsila wayo ngemva nangaphambili.





Kwakutheni ukuze uLindiwe abize amakholwane akwimagazini?

Xela iindlela ezimbini ulind’ixesha awanceda ngazo uLindiwe.



Umhla:



amaqama amatsha

Ucinga ukuba ibali lengwenya laliyinxalenye yephupha likaLindiwe?
Nika ubungqina bube bunye obubonisa ukuba yayiliphupha.

Nika ubungqina obubonisa ukuba yayingelophupha.

Izenzi

Izenzi ezigqibeleleyo zezo ziye zivumelane nentloko yesivakalisi. Ezi zenzi zikholisa ukuba zizenzi zegatya eliyintloko okanye isivakalisi kwaye zingatshintshwa zihambelane nesibizo. Zisetyenziswa kwixesha langoku nekweladlulayo. Jonga le mizekelo.

Yena ***uya*** kowabo. Isenzi kwesi sivakalisi ngu-ya, isimelabiso esiyintloko ngu-yena, ze isivumelanisi sentloko ibe ngu u- ka **u**ya.

Yena ***waya*** kowabo. Isenzi kwesi sivakalisi ngu-ya, isimelabiso esiyintloko ngu-yena, ze isivumelanisi sentloko ibe ngu w (kuguquke u-u wangu-w ngenxa yefuthe lika- a osisakhi sexesha eladlulayo)- **w**aya



Masibhale

Funda izivakalisi uze ukrwele umgca phantsi kwezenzi.
Wakugqiba biyela umntu okanye into eyenza eso senzo.
La magama aza kuba zizibizo okanye izimelabizo.

Mna ndiya evenkileni ngoku.	Wena wasela iti kamakhulu.
USindi uhamba nodade wabo.	Yona itya amathambo enkuku.
Bona bahambe ngeveni yakuloSipho.	Ikati yatsibela impuku ingalindelanga.
UZizi udlala ibhola ekhatywayo.	Utitshala ufundisa abantwana.
UThembi ufunda incwadi yeentsomi.	Thina sibukela intenetya ngeCawa.



Ngemini elandelayo



Masithethe

Umdlalo wokulinganisa

- Linganisa uLindiwe exelela abazali bakhe okwenzekileyo.
- Ucinga ukuba abazali bakhe baza kulikholelwa ibali lakhe?
- Bonisa ukuba uLindiwe ubaqinisekisa njani abazali bakhe ukuze bakholelwe ukuba kube manzi njani na phantsi, nokuba iwe njani ivazi kamamakhe yaziingceba nokuba ucango lwegumbi lokulala lube nomngxuma njani.
- Qamba isiphelo somdlalo wakho weqonga.



Masibhale

Funda ibali kwakhona. Qwalasela isimo sikaLindiwe. Cinga ngazo zonke izinto awazenzayo zokuzisindisa kwingwenya. Sebenzisa izichazi ukuze uchaze isimo sakhe.



Sebenzisa iziphawuli okanye izibaluli uchaze isimo sikaLindiwe.

Umhla:



Masibhale

Lungiselela ukubhala inkcazelo yephupha elimnandi okanye elibi owakhe wanalo. Sebenzisa isazobe sokucinga kwisicwangciso sakho.

Isihloko sakho sithi: "**Phezolo ndiphuphe…**" Bhala izimvo zakho eziphambili kwesi sazobe. Xela ukuba wenze ntoni phambi kokuba uyokulala, kwenzeke ntoni ephupheni lakho kwaye liphele njani. Chaza ukuba ubuziva njani ephupheni. Ubusoyika? Wakugqiba oku bhala imihlathi emithathu okanye emine ngephupha lakho. Qala ngokubhala ilinge lokuqala lenkcazo yakho ephepheni uze unike umhlobo wakho ayijonge. Uya kuyikhuphela kakuhle kwiphepha lomsebenzi elilandelayo ngomso.

1 Endikwenze phambi kokuba ndilale.

2 Indlela eliqale ngayo iphupha.

3 Indlela endizive ngayo ephupheni.

4 Indlela eliphele ngayo iphupha.

5 Ukuvuka kwam.





- Sebenzisa isazobe sokucinga ukukunceda ekucwangciseni ukubhala kwakho
- Bhala kuqala ngokuntlakantlaka
- Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana sintlakantlaka
- Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.

Ndibhala ibali lam



Masibhale Bhala isincoko sakho kwakhona kakuhle kwisikhewu osinikiweyo.

Phezolo ndiphuphe ...

Umhla:



Uphengululo lwencwadi



Masibhale Bhala uphengululo lwencwadi ethi “Ubusku obungakholelekiyo.”



Isihloko sencwadi	
Umbhali	
Isakhiwo sebali Kwenzeka ntoni ebalini?	
Imontlalo Lenzeka phi ibali?	
Abalinganiswa Ngoobani abantu abakweli bali?	
Ingaba le ncwadi ingebali eliyinyani okanye elingeyonyani?	
Umxholo Lingantoni eli bali? Lifundisa ntoni eli bali?	
Endikuthandileyo Yeyiphi indawo oyithandileyo ebalini?	
Ingcebiso Yintoni isizathu esinokubangela ukuba ukhuthaze umhlobo wakho afunde eli bali?	





Umhla: _____

Yinyani okanye asiyonyani

Masibhale Jonga uluhlu lwamanqaku akule magazini. Bhala uchaze ukuba la manqaku ayinyani okanye akayonyani okanye luluvo nje.

Izigulatho

Iimpawu

2 Inqaku lomhleli

4 Siphumile isikolo!

8 Zigcine usempilweni

10 Izibhengezo – umyalezo ofihliweyo

12 Umqhubi wetekisi – isiqendu sesi-4

14 Ukukhathalela okusingqongileyo

16 lileta – thetha okucingayo

18 Abancinci – Ibali laseMzantsi Afrika

22 Ukusela utywala makungavunyelwa

24 Eyona ndawo intle yokundwendwelwa











2
4
8
10
12
14
18
22
24

Zeziphi izenzi ezithatha iinjongosenzi nezingazithathiyo?

Kukho izenzi ezithi zilandelwe yinjongosenzi ngokudalwa kwazo.	**Ezinye izenzi azikwazi ukuthatha injongosenzi.**
Biyela isenzi uze ukrwele umgca phantsi kwenjongosenzi kwisivakalisi ngasinye.	Biyela isenzi kwisivakalisi ngasinye.
Ndibhake iikeyiki izolo.	Intaka yacula.
Besikhwele iibhayisekile zethu.	Ndahleka.
UThemba wayisusa itafile.	Usana luyalila.
UZozo upeyinte umfanekiso omhle.	Incwadi iyawa.
Inkwenkwe ikhaba ibhola.	Ilanga litshonile.



UNelson Mandela omncinci



Masithethe

- Wakhe weva ngoNelson Mandela?
- Ngoobani abanye abantu abadumileyo obaziyo

Yintoni i-othobhayografi (*autobiography*)?
I-othobhayografi libali elibhalwa ngumntu obalisa ngesiqu sakhe. Igama lesiNgesi u-'auto' lithetha 'ubuqu', aze u-bio athethe ubomi aze u-graphy athethe 'ukubhala'. Umbhali usoloko engumlinganiswa ophambili kolu hlobo lwencwadi iothobhayografi. I-othobhayografi ibalisa ngembali yombhali. Kweli phepha lomsebenzi uza kufunda inxalenye yale mbali ethathwe kwincwadi edume kakhulu ebhalwe nguNelson Mandela ethi *Long Walk to Freedom (Indlela ende eya enkululekweni)*. Siye salilungisa ke eli bali ukuze kube lula kuwe ukulifunda.



Masifunde



NdinguNelson Mandela igama lam. Ndihlala eMzantsi Afrika, ilizwe elihle kakhulu elisencamini yelizwekazi iAfrika. Mna nawe sihlala eMzantsi Afrika. Ndazalelwa kwilali encinci yaseMvezo eMpuma Koloni ngomhla we-18 kuJulayi 1918. Sendilixhego ke ngoku ndimdala. Utata wam wayeyinkosi. Wandithiya igama elithi Rolihlahla elithetha 'umenzi wenkathazo' ngesiXhosa. Azi ukuba ebeya kuthini na utata ukuba ebenokwazi ukuba ubomi bam buphelele phi. Ndandisemncinci kakhulu ukuya kuhlala kwethu eQunu, ndimalunga nonyaka okanye emibini ubudala. Imihla yam yaseQunu yayimnandi kakhulu. Ekukhuleni kwam ndandisalusa iigusha neebhokhwe zasekhaya. Ndandidlala nabahlobo bam edlelweni. Sasiqubha emilanjeni sisitya obona busi bumnandi esasibufumana kwizindlu zeenyosi. Ndandisoloko ndikulumkele ukulunywa ziinyosi. Sasiye sihlale phezu kwamatye amcaba sitshitshilize ematyeni amakhulu kude kuqaqambe iimpundu singakwazi ukuhlala. Ngenye imini ndazama ukukhwela idonki kunjalonje ndiyikhwela kakuhle de loo donki yandiphosa esihlahleni esinameva! Ndathi ndakuba neminyaka esixhenxe utata wandithumela esikolweni sasemishini.




Ndaba ngowokuqala ekhaya ukuya esikolweni. Utata wayengafundanga. Kwakufuneka sinxibe iimpahla ezintle, kodwa ekhaya sasihlupheka kungekho mali yakuthenga impahla yesikolo. Utata wathatha kwiibhulukhwe zakhe wazisika emadolweni.

Ndandingenayo nebhanti yokubhinqa waze utata wathatha umtya wandibhinqisa ngawo. Ndandizidla kakhulu, ndizingca kakhulu ngokunxiba loo bhulukhwe.

Phambi kokuba ufunde
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

Ngeli xesha ufundayo
- Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo
- Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ukhwaze.




Esikolweni sam ndathiywa igama elithi Nelson ngutitshala wam. Khawufan'ucinge ukuthiywa igama elitsha uneminyaka esixhenxe? Ndandonwabile esikolweni nasekhaya. Umama wayedla ngokundibalisela amabali amaninzi akudala. Ndafunda lukhulu kumabali akhe. Wandifundisa ukuba ndibe nobuntu ebantwini. Utata yena wandifundisa ukukhalipha. Ndandifuna ukukhalipha njengaye. Ndandifuna ukuba njengaye kanye. Ndandidla ngokuqaba uthuthu ezinweleni zam ukuze zifane nezakhe. Ndandimthanda utata.

Ndathi xa ndigqiba iminyaka elithoba, ubomi bam batshintsha kuba utata wam waye wasweleka. Kwafuneka ndipakishe izinto ezimbalwa ndihambe nomama siye kwikhaya lam elitsha. Kwakubuhlungu ukushiya iQunu. Ndabheka ndajonga ngemva ndikhangela elo khaya lam nolo lonwabo ndilushiya ngasemva. Ndajonga ooronta kunye nabantu bezisebenzela ngokwesiqhelo. Ndajonga umlambo apho ndandihlamba ndikwadlala khona namanye amakhwenkwe. Ndandicinga ukuba andisokuze ndiphinde ndidlale nabahlobo bam. Amehlo am azinza kwizindlu ezintathu ekhaya. Ndalishiya ikhaya lam – kodwa ndandingenakho nokulicingela ikamva lam. Ndaya kuhlala kwabawokazi uJongi eMqhekezweni, ilali eyayikufuphi. Wayengumhlobo omkhulu katata. Ndandikhumbula kakhulu eQunu ngexa ndilapho, kodwa noko kunjalo ubawokazi uJongi wayendiphethe kakuhle.

Ndandidlala nonyana wakhe uJustice kwaye sasizonwabisa kakhulu. Sasidla ngokukhwela amahashe, sisebenze egadini, sidlale ethafeni siqubhe nasemlanjeni. Ubawokazi wayendiphethe okomntwana wakhe.

Ndafunda kwisikolo esikufuphi. Ndathi xa ndineminyaka eli-16 ubawokazi uJongi wandithumela kwisikolo esiphakamileyo iClarkebury School. Njengotata, ubawokazi uJongi wayekholelwa kwinto yokuba imfundo ibalulekile kakhulu. Emva kweminyaka emithathu ndaya eHealdtown High School isikolo esaziwa njengeNxukhwebe. Ndazimisela kakhulu apho, ndaze ndathi ndakugqiba izifundo zam ndadlulela kwiYunivesithi yaseFort Hare. Ndandisendineminyaka engama-21 ngoko.



Uphengululo lwencwadi





Masibhale

Bhala uphengululo lwencwadi ngebali lobuntwana buka Nelson Mandela elikwincwadi ethi *Indlela ende eya enkululekweni.*

Isihloko sencwadi	
Umbhali	
Isakhiwo sebali Kwenzeka ntoni ebalini?	
Imontlalo Lenzeka phi nini ibali?	
Abalinganiswa Ngoobani abalinganiswa abakweli bali?	
Ingaba ibali elikule ncwadi liyinyani okanye aliyonyani?	
Umxholo Lingantoni eli bali? Lisifundisa ntoni eli bali?	
Endikuthandileyo Yeyiphi indawo oyithandileyo kweli bali	
Ingcebiso Ungamcebisela ngaziphi izizathu umhlobo wakho ukuba afunde eli bali.	



Umhla:

Uthanda ukufunda ntoni?



Ukuza kuthi ga kule ndawo kule ncwadi yokusebenzela ufunde ngeendidi ezahlukeneyo zezicatshulwa ekufuneka uzifunde njengomfundi webanga lesi-6. Zeziphi iimpawu zohlobo ngalunye lwesicatshulwa kwaye loluphi uhlobo lwesicatshulwa othanda ukulufunda. Xoxa ngeempawu zesicatshulwa neqela lakho. Nakugqiba dwelisa iintlobo zezicatshulwa ngokulandelelana ukusukela ku-1 uye kwi-12 uqale ngeyona uyithanda kakhulu. Sikuqalele sakubhalela ezinye iimpendulo.

Udidi lwesicatshulwa/ lwembalo	**Zeziphi iimpawu zolu didi lwembalo?**	**Indawo**
Amanqaku ephephandaba Iphepha lomsebenzi 1 nelesi-3	Iingongoma eziphambili, umgca wombhali, ixesha eladlulayo	
Iintsomi	Imiyalezo/iimfundiso nabalinganiswa abazizilwanyana abaneempawu zabantu	
Iincwadana		
Izibhengezo	Ulwimi olucengayo	
Izicatshulwa ezicengayo		
Imidlalo yeqonga okanye iingxoxo		
Imibongo	Ulwimi loncwadi, intsingiselo entsokothileyo, izagwelo zembongi	
Isicatshulwa semiyalelo	Sisebenzisa iziyaleli, imifanekiso	
Iidayari	Ixesha elidlulileyo/eladlulayo	
Uphengululo lweencwadi		
Isicatshulwa solwazi	Izithako nendlela yokwenza	
Amabali angobomi (ibhayografi) Amaphepha omsebenzi 4, 6	Ibali lobomi elibaliswa ngumbhali	



Ixesha langoku imo yokuqhubeka

Sisebenzisa ixesha langoku imo yokuqhubeka xa sibonisa ukuba isenzo senzeka ngoku

Ubukela umabonakude ngoku.



Masibhale



Gqibezela ezi zivakalisi usebenzise imo yokusaqhubekayo yesenzi esibiyelweyo.

UZozo _____ (bhala) uviwo ngoku.

Bona _____ (dlala) ibhola ekhatywayo ngawo lo mzuzu.

Intombazana _____ (funda) incwadi yeresiphi.

Ixesha eladlulayo imo eqhubekayo

Sisebenzisa imo eqhubekayo yexesha eladlulayo xa sibonisa isenzo esasisenzeka kwixesha eladlulayo.

Abantwana babelele ngeli xa kusitsha endlwini.



Masibhale



Gqibezela ezi zivakalisi zilandelayo usebenzise imo yokuqhubeka yexesha eladlulayo yesenzi esibiyelweyo.

Ilanga _____ (phuma) ukuvuka kwam.

Imvula _____ (ukuna) ukufika kwam esitophini sebhasi.

Umama _____ (tya) isidlo sakhe sakusasa ukufika kwam.

Ixesha elizayo

Sisebenzisa ixesha elizayo xa sibonisa into eza kuqhubeka isenzeka kwixesha elizayo

Ndiseza kusebenza yonke le veki izayo.



Masibhale



Bhala isenzi esibiyelweyo sibe kuhlobo lokuqhubeka kwixesha elizayo.

Thina _____ (hamba) nesikolo kule veki izayo.

Kule veki izayo uSiziwe _____ (bhala) iimviwo zokugqibela.

UBongi _____ (thetha) nabafundi bebanga lesi-2 ngomso.

Umhla: _____

Dlala umdlalo wezenzi ezikuhlobo lokuqhubeka

- Phosa imali phezulu.
- Ukuba ufumana intloko uya phambili iibloko ezimbini.
- Ukuba ufumana umsila uya phambili ibloko enye.
- Yakha izivakalisi uze ubhale isenzi sibe kwixesha elichanekileyo usebenzise amagama akwibhokisi nganye.
- Qala izivakalisi zakho ngala magama

Yena … UBongi …
Thina … Inja … Umhlobo wam … Bona…



GQIBA

1. ya esikolweni namhlanje
2. tya ithambo lentlanzi ngoku
3. funda incwadi ngeli xa … izolo
4. kubhala iim-viwo yonke le veki izayo
5. lala ngokuhlwa
6. buya umva iibloko ezi-4
7. tyelela umakhulu wam kule veki izayo
8. thetha efowunini ngoku
9. ya elwandle izolo
10. bhala umsebenzi wesikolo ngoku
11. khwela ibhayisekile kule Cawa izayo
12. buya umva iibloko ezi-4
13. ya kumyezo wezilwanyana ngomso
14. tyelela abahlobo babo eThekwini kwiiholide ezilandelayo zesikolo
15. phosa igophe
16. coca igumbi lakhe lokulala izolo
17. bukele intenetya ngawo lo mzuzu
18. buya umva iibloko ezi-4
19. sebenza esitiyeni izolo
20.



QALA



Zihlole

Ndiyakwazi		
ukufunda iresiphi		
ukuchaza iimpawu zesicatshulwa semiyalelo		
ukulandelelanisa imiyalelo		
ukuphendula imibuzo yokuqonda esekelwe kwiresiphi		
ukubhala iresiphi		
ukugqibezela itshathi		
ukubhala imiyalelo ehamba nemephu /imifanekiso		
ukusebenzisa izimamva nezimaphambili		
ukuzoba imephu		
ukuchaza intloko, isenzi nenjongosenzi kwizivakalisi		
ukubhala ileta		
ukusebenzisa isichazi-magama		
ukuqonda iimpawu zesichazi-magama		
ukufunda ibali ndize ndiphendule imibuzo yokuqonda		
ukuchonga nokusebenzisa izenzi ezigqibeleleyo		
ukuchonga nokusebenzisa izenzi ezithatha injongosenzi nezingayithathiyo		
ukusebenzisa ixesha langoku, eladlulayo nelizayo kwimo yokuqhubeka		
ukubhala ndichaze isimo somlinganiswa		
ukusebenzisa iziphawuli nezibaluli ukuchaza umlinganiswa		
ukwenza isicwangciso nokubhala isincoko		
ukubhala uphengululo lwencwadi		
ukuchaza iindidi ezahlukeneyo neempawu zezicatshulwa		
ukufunda ibali eliyi-othobhayografi		

Umhla:

Izi qulatho

Umxholo 4 : Ukufunda amabali angeyonyani



Ukufunda ibali
Ikota yesi-2: liveki 5 - 6

49 Ukufunda ibali 102
Ufunda ibali egxininisa kwisimo somlinganiswa oyintloko.
Uphendula imibuzo esekelwe kwibali.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

50 Ukucinga ngabalinganiswa 104
Ukhetha izichazi ukuchaza umlinganiswa oyintloko.
Ugxininisa kwiimpawu zokuba ngumntu.
Ubhala inkcazo yomlinganiswa.
Ugqibezela uluhlu lweempawu zomntu wokwenyani.
Ubhala inkcazo yomntu wokwenyani.

51 Ukubhala ibali elinabalinganiswa abakholelekayo 106
Ucwangcisa ibali: Ibali linesiqalo, isiqu nesiphelo.
Ubhala ibali esebenzisa abalinganiswa abaphambili.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

52 UJacob uyanikezela 108
Umsebenzi waphambi kokufunda.
Ukufunda ibali lala maxesha.
Uphendula imibuzo yovavanyo lokuqonda esekelwe kwisicatshulwa.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

53 Yintoni enye esiyixelelwa libali? 110
Ukujonga izaci nezafobe eziqulethwe kweli bali.
Ukubhala kwidayari ushwankathela ibali.
Ukubhala iingongoma ezichaza isimo somlinganiswa oyintloko.
Ukusebenzisa izenzi ezizizincedisi.

54 Isicwangciso sebali 112
Ukusebenzisa isazobe sokucinga ukuqweba ibali ugxininisa. kubalinganiswa, imontlalo, isakhiwo sebali nesiphelo.
Ukulungisa ibali lakho nelomhlobo wakho.
Ukubhala ibali ngononophelo kwisithuba osinikiweyo.
Ukubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

55 Lenzeka kudala kwixesha elidlulileyo 114
Ukusebenzisa ixesha langoku nelidlulileyo. Ukuchaza izakhi zamaxesha ezenzi kwizivakalisi.
Ukwakha izivakalisi ezikwixesha langoku nelidlulileyo.

56 Udliwano-ndlebe nomdlali wesolea oyintshatsheli 116
Ukulufunda kwakhona udliwano-ndlebe usebenzisa imifanekiso.
Uvavanyo lokuqonda olusekelwe kwisicatshulwa.
Ukuqhuba udliwano-ndlebe nomntu onempumelelo ebomini.

Ukufundela ukufumana ulwazi
Ikota yesi-2 liveki 7 - 8

57 Yibhola ekhatywayo kuyo yonke indawo 118
Imisebenzi yaphambi kokufunda esekelwe kwimifanekiso engesicatshulwa.
Ukufunda iitheyibhile zeenkcukacha-manani zesoka.
Ukufunda itheyibhile yemibutho yemidlalo.
Ukuphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa semifanekiso neetheyibhile.

58 Imbali yebhola ekhatywayo 120
Ukufunda iphepha leziko lewebhu ngembali yesoka.
Ukuphendula imibuzo esekelwe kwisicatshulwa ngomlomo.

59 Bhala isicatshulwa esinika ulwazi 122
Ingxoxo ngezemidlalo okanye into othanda ukuyenza.
Ukucwangcisela ukubhala isicatshulwa esinika ulwazi usebenzisa amanyathelo ama-6.
Ukubhala isicatshulwa esinika ulwazi ngokolandelelwano olunentsingiselo.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

60 Ulwimi oluchazayo 124
Okunye ngezichazi.
Ukukhetha izichazi.
Ukusebenzisa izichazi ukwakha izivakalisi
Ukuhlela izichazi zibe ziindidi (iziphawuli, izibaluli njl.njl.)

61 Konke kuxhomekeke kwimozulu 126
Umsebenzi waphambi kokufunda nengxoxo ngemozulu.
Ukufunda iitshathi zemozulu ezintsonkothileyo nokuphendula imibuzo esekelwe kuyo.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

62 Umjikelo wamanzi 128
Ukufunda umzobo onenkcazelo.
Ukucacisela umhlobo umzobo
Ukubhala izigaba ezahlukileyo eziboniswa kumzobo.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.

63 Bhala isicatshulwa solwazi 130
Ukucwangcisa nokwenza izigqibo ngesihloko.
Ukugxininisa kwintshayelelo, uphando, iimbono zeengcali, imizobo nezihloko emazisetyenziswe.
Ukubhala isicatshulwa solwazi ngononophelo.

64 Yintoni esebhokisini? 132
Ukufunda isikhokelo sikamabonakude nokuphendula imibuzo esekelwe kuso.
Ukuzihlola ngokweziphumo zamaphepha emisebenzi angaphambili ali-16.
Ubhala amagama amatsha neentsingiselo zawo kwisichazi-magama sakhe.



Ukufunda ibali

Phambi kokuba ufunde
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

Ngeli xesha ufundayo
- Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo
- Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ukhwaze.



Namhlanje siza kufunda ibali eliyintsomi lesigcawu sase-Afrika esibizwa ngokuba ngu-Anansi. Xa ufunda ibali gxininisa kwisimo sakhe. Ngumkhohlisi omdala kule ntsomi.

Sayifumana njani isigcawu imilenze yaso ebhitye ngolu hlobo

Kwathi ke kaloku ngantsomi, kudala-dala, kwakukho isigcawu esasibizwa ngokuba ngu-Anansi. Nangona u-Anansi wayengumpheki oyincutshe wayesonqena noko, ngoko ke wayethanda ukutya okuphekwe ngabanye abantu belali bephekela iintsapho zabo.




Ngenye imini, wangena endlwini kaMvundla. UMvundla wayengumhlobo wakhe omkhulu. "Upheke okuluhlaza embizeni yakho," wakhwaza u-Anansi yimincili". U-Anansi wayeyithanda imifuno. "Ayikavuthwa kakuhle," watsho uMvundla. "Kodwa iza kuvuthwa msinyane. Linda ukuze sitye kunye." "Bekungaba kuhle oko, Mvundla, kodwa kukho ezinye izinto ekufuneka ndizenzile," watsho engxamile. Wayecinga ukuba xa enokulinda endlwini kaMvundla, uMvundla angamnika imisebenzi amakayenze. Wayengafuni kuzibona ehlamba izitya.

"Uyazi ndikuxelele," watsho u-Anansi. "Ndiza kusonta uphinye-phinye. Ndiza kubophelela icala emlenzeni wam elinye libe sembizeni yakho. Xa ivuthiwe imifuno, tsala uphinye-phinye, mna ndiya kuza ndibaleka!" UMvundla wacinga ukuba yimbono elungileyo le. Kwaza kwabanjalo.




"Ndiva ivumba leembotyi," u-Anansi wajoja ngovuyo wathi chu wahamba "Kuphekwe imbotyi ezimnandi, embizeni." "Yiza uze kutya ibotyi zethu ezimnandi nathi," zakhwaza iinkawu. "Sele ziza kuvuthwa." "Ndingavuya, Tata Nkawu," watsho u-Anansi. Waphinda wacebisa ukuba uza kusonta uphinye-phinye, aze abophelele icala emlenzeni wakhe elinye alibophelele embizeni enkulu yembotyi. UTata uNkawu wacinga ukuba lilungile elo cebo. Bonke abantwana bakhe bacinga njalo nabo. Kwaza kwabanjalo. "Ndiva ivumba lebhatata," u-Anansi wajoja ngovuyo ethe chu ehamba




"Ibhatata nobusi. Ubumnandi obunjalo. Alimnandi yeha! "Anansi," wakhwaza umhlobo wakhe uHagu. Imbiza yam izele ziibhatata nobusi ! Yiza uzokutya nam." "Ndingavuya," watsho u-Anansi. Waphinda wacebisa ukuba uza kusonta uphinye-phinye aze abophelele icala lwalo emlenzeni wakhe, elinye icala libotshelelwe embizeni yebhatata. Umhlobo wakhe uHagu wabona ilicebo elihle elo. Kwaza kwabanjalo. Uthe efika u-Anansi emlanjeni, wabe selenecala lophinye-phinye olubotshelelwe kumlenze ngamnye kwesibhozo

Umhla:

amaqama amatsha



"Licebo elingummangaliso eli." wazixelela ngebhongo u-Anansi. "Ingaba yekabani imbiza eya kuvuthwa kuqala? Ndiya kuba nako ukutya izidlo ezisibhozo namhla. Hayi ithamsanqa lam!" Kanye ngelo xesha, u-Anansi weva etsalwa emlenzeni. "Yho," watsho u-Anansi." Leyo yinwebu yophinye-phinye obotshelelwe kwimifuno kaMvundla". Weva okunye ukutsalwa kwakhona nokunye nokunye. U-Anansi watsalelwa kwiindlela ezintathu ngexesha elinye. "Owu Nkosi yam," watsho u-Anansi, esiva ukutsalwa kwenwebu yesine yophinye-phinye.



Kuthe kusenjalo, weva ukutsalwa kwenwebu yesihlanu yophinye-phinye neyesithandathu ngokunjalo. Kwalandela eyesixhenxe.Yhoo! Nakowesibhozo! U-Anansi wayetsalwa-tsalwa ngapha nangapha njengoko bonke babetsala iinwebu zophinye-phinye macala ngaxeshanye. Imilenze yakhe yaya ibhitya ngokubhitya. U-Anansi waqengqelekela waya kutshona emlanjeni msinyane. Ekugqibeleni, xa lonke uphinye-phinye, seluhambe namanzi, u-Anansi wazitsala kabuhlungu, waphuma emanzini "Nantso ke into yakho," wakhefuzela watsho u-Anansi." "Mhlawumbi ibingelocebo lihle eli kwaphela."Kude kube namhla, u-Anansi isigcawu unemilenze esibhozo ebhitye ngokugqithisileyo. Eyona nto yabambi ngakumbi kukuba akazange afumane kutya ngaloo mini.



Masithethe



Kwakutheni ukuze u-Anansi enze isigqibo sokungalindi endlwini kaMvundla ide ivuthwe imifuno eluhlaza?

Kwathini ukuze agqibele ngokuba nemilenze esibhozo ebhityileyo?

U-Anansi wazisindisa njani ekubeni angatsalwa ad' aqhawuke abe ziziqwenga?

Yintoni imfundiso yeli bali? Sazi njani ukuba eli bali aliyonyaniso?


Jonga kule mifanekiso uze ubalisele umhlobo wakho ibali ngokolandelelwano lweziganeko oluchanekileyo.

Ukucinga ngabalinganiswa



Masibhale

Qwalasela okuthethwa ngu-Anansi kwakunye nento ayenzayo ebalini. Emva koko fakela izichazi ezichaza isimo yakhe.



Sebenzisa izichazi ubhale inkcazo yalo mlinganiswa.



Masibhale

Ngoku chaza umlinganiswa ongumntu wokwenyani.

- Khetha umntu omawubhale ngaye. Umntu angaba liqhawe, umntu osaphilayo okanye owaswelekayo.

Igama lomlinganiswa elipheleleyo.	
Isini	
Ubudala	
Inkangeleko yomzimba wakhe.	
Umsebenzi	
Izakhono	
Kutheni ukhethe yena	

- Yenza uluhlu lweempawu zalo mlinganiswa (isimo). Yenza isazobe sokucinga nomhlobo wakho. Sebenzisa izichazi kangangoko unako.
- Kuphawu ngalunye lomlinganiswa, bhala malunga nezinto azenzileyo okanye azithethileyo ezingumzekelo wophawu lomlinganiswa.



Umhla:



Masisebenze Emva koko fakela izichazi ezichaza isimo sakho. Zoba okanye uncamathelise umfanekiso wakho kwesi sithuba singezantsi.



Sebenzisa izichazi ubhale. Xoxa ngomlinganiswa nomhlobo wakho. Nakugqiba bhala ilinge lokuqala uchaze isimo somlinganiswa. Cela umhlobo wakho alihlele. Nawe ungahlela elakhe. Lungisa iimpazamo zakho uze ubhale inkcazo yakho ngononophelo apha ngezantsi. iingongoma ezichaza isimo somlinganiswa.

Ukubhala ibali ngabalinganiswa abakholelekayo



Masisebenze

Cwangcisa ibali lakho.
Cinga ngesakhiwo sebali nomlinganiswa. Emva koko bonisa ukuba isakhiwo siqhubela phambili njani na nabalinganiswa ngokunjalo kwizigaba zebali. Fakela izichazi ezithile zikuncede ekuchazeni ngakumbi umlinganiswa wakho.



- Sebenzisa isazobe sokucinga ukukunceda ekucwangciseni ukubhala kwakho
- Bhala kuqala ngokuntlakantlaka
- Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana sintlakantlaka
- Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.

Isiqalo

Umlinganiswa

Isakhiwo/iplothi yebali

Isiqu

Umlinganiswa

Isakhiwo/iplothi yebali

Isiphelo

Umlinganiswa

Isakhiwo/iplothi yebali



Umhla: _____



Masibhale

Ibali lam elingo _____

Isiqalo

Isiqu

Isiphelo

UJacob uyanikezela



Masithethe

Jonga kule mifanekiso nakwisihloko sebali uze ubone ukuba unako na ukuqashisela ukuba ibali lingantoni na.
Ucinga ukuba liza kuba ngeziphi iindidi zabalinganiswa? Funda ngokukhawuleza ibali kwaye jonga ukuba unako na ukuqashela ukuba liya kuba ngantoni na.



Masifunde

UJacob wayelilungu leQela leBhola ekhatywayo iNewville. Yena nabahlobo bakhe babesiya kuziqhelisa ukudlala ibhola ekhatywayo yonke imihla emva kokuphuma kwesikolo. UJacob ebedla ngokubaleka neqela yaye aziqhelise ukudlala ibhola ngokungathi uphelele apho. Ebesenza imithambo de izihlunu zakhe ziqaqambe. Ubeziqeqesha ekulawuleni ibhola nasekukhabeleni ibhola ezipalini evale amehlo. Kodwa ngandlela ithile umqeqeshi akazange amkhethe ukuba adlalele iqela. Nangona wayezilungiselele kangangoko, uJacob uphelele ebhentshini njengelalela yaye kwakunqabile ukuba adlale.

UJacob waphupha edlala. Waphupha efaka inqaku lokuwuphumelela umdlalo.

Emva koko ngenye imini phambi komdlalo wokugqibela uJacob wanikezela. Kunceda ntoni? Akukho mfuneko. Watsho kumama wakhe. Ndiziqhelisa nzima kakhulu yaye andikhe ndiphose thuba lokuya kuziqhelisa. Kodwa umqeqeshi akakhe andifake eqeleni. Mna ndiza kunikezela ngoku," watsho. "Ndiphelelwe ngamacebo."

"Ndicinga ukuba **ndiyanikezela**" watsho, " **Ndiphelelwe ngamacebo.**"

Ungakhe ulinge wenze loo nto," watsho umama wakhe. "Uya kulifumana ithuba lakho ngenye imini."

"Umqeqeshi akakhe andikhethe," watsho, kalusizi.


Emva koko, ngoMgqibelo phambi komdlalo omkhulu, umqeqeshi wabiza amagama eqela. UJacob wakroba walibona igama lakhe kuluhlu. "Jacob, uziqeqeshe ngokuzimisela. Uya kudlala kwindawo yomdlali odlala phambili ukusa ibhola ezipalini. Khumbula, lo ngumdlalo wamagqibela kankqoyi," wamlumkisa.

UJacob **wabamba ongezantsi**.

Ifikile imini enkulu yaye izihlwele zazikhwaza yimivuyo ingu**nkxwee** ziivuvuzela kwilali yonke.

Ngomzuzu omnye phambi kokuba kukhale impempe yokugqibela, amanqaku ayengu-0-0 iqela iNewville kwakunyanzelekile lifake inqaku!

Umhla:



"Thatha ibhola Jacob," uJabu wakhwaza esitsho, emgqithisela ibhola.

UJacob kwakunyanzelekile afake inqaku. Ngesantya esikhulu wagqotsa wagqitha kubamdlali abakhuselayo ababini. Wabheka ngasekhohlo, nangasekunene, eshiya abachasi bakhe bebhidekile. Wayezibona kakuhle ngqo iipali. "Jacob! Jacob!"

Zamqhwabela izihlwele. Wayengathi usephupheni. Ngokukhawuleza, kungacingelwanga wakhatywa eqatheni wetywa phantsi. "Udlala kakubi! Udlala kakubi!" wakhwaza umqeqeshi.

"**Priiiiiiiiiii! Priiiiiiii!**" Usompempe wakhalisa impempe yakhe "Yi-free kick-yeNewville (oko kukuthi ibhola ekhatyelwa ezipalini ingathintelwa)," wakhwaza. "Jacob, mayithathwe nguwe." UJacob wabeka ibhola ebaleni. Waphefumlela phezulu, wathatha amanyathelo amabini amakhulu njengoko oko ebekwenze amaxesha angamawaka-waka ngethuba lokuzilolonga. Wagqala kwikona engasekunene ephezulu yepali waza wakhaba ngawo onke amandla akhe. Ibhola yabhabha ngaphezu kukanozinti, yagoba yangena emnatheni. Isihlwele satsho ngentlokoma enkulu. I-Newville yaluphumelela ukhuphiswano lweentshatsheli. "Benditshilo," watsho umama wakhe emwola.

"Ukuziqeqesha rhoqo kokona kulungileyo."



Masibhale

Ngoobani abalinganiswa kweli bali?

Umlinganiswa/Abalinganiswa abaziintloko	Abanye abalinganiswa

Kwakutheni ukuze uJacob anikezele? Caphula isivakalisi esinye esikuxelela ukuba wayelahlekelwe lithemba.

Caphula isivakalisi ebalini ubonise ukuba uJacob wanyamezela.


Yintoni enye esiyixelelwa libali?



Masibhale

Zithetha ukuthini ezi zaci?

Izaci



UJacob wabamba ongezantsi.

UJacob wayesephelelwe ngamacebo.

"Ukuziqeqesha rhoqo kokona kulungileyo."

Izafobe

Zeziphi ezi izafobe?

iivuvuzela zathi nkxwee	priiiiiiiii, priiiiiiiiiiiii "	ibhola yabhabha

Khangela elinye igama ebalini endaweni yala magama. Wabhale kwisichazi-magama sakho.

wamlumkisa		wakroba	



Masibhale

Yiba nomfanekiso wokuba unguJacob. Bhala kwidayari ushwankathele oko kwenzekayo nokuba waziva njani na. Sebenzisa amagama, kuqala, emva koko, ndaza nda, no-ekugqibeleni nda.

Dayari endlyithandayo


Umhla:



Masibhale

Ngoku bhala iingongoma ezichaza isimo somlinganiswa onguJacob. Xoxa nabahlobo bakho ukuze nifumane amagama achazayo. Emva koko fakela izichazi ezichaza isimo sakhe.

Sebenzisa izichazi ubhale iingongoma ezichaza isimo somlinganiswa. Bhala ilinge lokuqala ephepheni. Wakugqiba cela umhlobo wakho alihlele. Nawe ungahlela elakhe ilinge. Emva koko bhala inkcazo yesimo somlinganiswa ngononophelo kwisithuba osinikiweyo.



Krwela umgca phantsi kwesenzi uze ubiyele isincedisi/intsiza-senzi. Emva koko bhala izivakalisi ezikwimo elandulayo.

Khangela ***izenzi ezizincedisi*** *ezinceda isenzi.*

Ndiya esikolweni.
UJacob ufike emva kwexesha kwindawo yokuziqhelisa ibhola ekhatywayo.
Besibaleka kwibala lebhola ekhatywayo.
UJacob wakhethwa kwiqela.

Isicwangciso sebali



Masibhale Thetha nomhlobo wakho ngebali ofuna ukulibhala. Emva koko fakela izimvo zakho kweli phepha.



- Sebenzisa isazobe sokucinga ukukunceda ekucwangciseni ukubhala kwakho
- Bhala kuqala ngokuntlakantlaka
- Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana sintlakantlaka
- Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.

Ngoobani abalinganiswa?

Liqhubeka phi ibali?



Isihloko sebali

Kwenzeka ntoni ebalini?

Liphela njani ibali?

Masibhale Xoxa ngesicwangciso sakho nomhlobo wakho. Emva koko bhala ilinge lokuqala kwiphetshana. Cela umhlobo wakho ahlele ilinge lakho. Nawe unokulungisa elakhe ilinge. Bhala ibali lakho ngobunono kwelinye iphepha.

Umhla:

Ndibhala ibali lam



Isiphelo



Lenzeka kudala kwixesha elidlulileyo

Ixesha langoku nelidlulileyo lesenzi

Lenzeka ngexesha elingachazwanga ngaphambi kwangoku



Sisebenzisa ixesha langoku nelidlulileyo lesenzi ukubonisa isenzo esenzeke ngexesha elingachazwanga kwixesha eladlulayo. Ixesha elichaneke ngqo alibalulekanga. Xa sisebenzisa ixesha langoku nelidlulileyo lesenzi sisebenzisa iintetho "ezinganiki nkcazo ithe ngqo" zexesha, ezifana no, qho, azange, amaxesha amaninzi, phambi, ukuza kuthi ga ngoku, okwenzekileyo, yaye



Masibhale Krwela umgca phantsi kwezakhi zamaxesha ezenzi. Biyela isenzi.

1.	Uyibukele loo bhayaskophu amaxesha amaninzi.
2.	Ndicinga ukuba ndadibana naye kwakanye ngaphambili.
3.	Bekukho izikhukula ezininzi kwaZulu-Natal.
4.	Abantu bahambe baya enyangeni.
5.	Ukhe wayifunda le ncwadi kodwa?
6.	Ndiyibonile la bhayaskophu.
7.	Ndithethe naye amaxesha amaninzi ngokuziphatha kakubi ngolu hlobo.
8.	Sikhe saya eKapa amaxesha amaninzi.
9.	Ndinoloyiko lokuba ndiyilahlile incwadi yakho.
10.	Ukhe wasindwendwela amaxesha amaninzi.



Ngoku gqibezela ezi zivakalisi kwixesha langoku nelidlulileyo lesenzi.

Wagoduka kuba

Wabaleka waya esikolweni kuba une

Ndiyilahlile

Sesikhe saya e-

Umhla: _____

Ixesha langoku nelidlulileyo lesenzi



Masibhale

Fakela isivumelanisi sentloko nexesha elidlulileyo -ile/e ukulungisa isenzi

Yena usindwendwele thina (ndwendwela) amaxesha amaninzi.

Mna _____ (bona) iindondo zam.

Yena _____ (bona) la bhayasikophu amaxesha amathathu.

Yena _____ (buyisa) incwadi yam ekugqibeleni.

Bona _____ (enza) kwaloo mpazamo ifanayo amaxesha amaninzi.

Bona _____ (hlamba) izitya.

Thina _____ (funda) amabali amaninzi kakhulu encwadini.

Thina _____ (gqiba) wonke umsebenzi wesikolo wasekhaya.

Thina _____ (siva) ibali kwangaphambili.

Wena _____ (ya) ePolokwane.

Ngoku gqibezela ezi zivakalisi.



Uyibuyisile _____ yam.

Bona babone

Thina besise

Mna sendifunde

Udliwano-ndlebe nomdlali webhola ekhatywayo oyintshatsheli



Ngabaphi abadlali abaziintshatsheli kwezemidlalo eMzantsi Afrika ocinga ukuba bagqibelele ngokwenene? Ucinga ukuba kutheni begqibelele? Yintoni ebenza babenempumelelo? Wazi ntoni ngezimo zabo?



Phambi kokuba ufunde
- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

Ngeli xesha ufundayo
- Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo
- Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ukhwaze.

Masifumane inkcazo ngomdlali wesoka oyintshatsheli ophumeleleyo.

Noko Alice Matlou

Xa abantu bethetha ngebhola ekhatywayo, abadlali abaziintshatsheli ababakhankanyayo basoloko bengamadoda. Kodwa omnye wabadlali abagqwesileyo eMzantsi Afrika ngumntu wasetyhini: uNoko Alice Matlou.UMatlou wawongwa ngobuntshatsheli njengoyena mdlali uNtsundu ugqwesileyo wonyaka ngo-2009 lumanyano lwebhola ekhatywayo i-Confederation of African Football. Ngumntu wokuqala eMzantsi Afrika owakha waphumelela eli bhaso.

Funda olu dliwano-ndlebe noMatlou ukuze wazi banzi ngaye.

Wazalelwa phi, yaye uhlala phi ngoku?
Ndazalelwa e-Molegie, eGaphaudi eLimpopo. Kulapho ndihlala khona ke.

Waqala nini ukuba nomdla kwezemidlalo?
Ndaqala ukudlala ibhola ekhatywayo kwisikolo samabanga aphantsi. Ndandisele ndiyithanda kakhulu imidlalo yaye ndandiyimbaleki ephambili ndiyintshatsheli nakwibhola ekhatywayo. Ndandidla ngokubaleka, ndiqhwitha kunjalonje, ingakumbi i-100 m ne-200 m.

Ngethuba ndisesesikolweni ndandigqotsa yaye ndandigqwesa ndinamarekhodi okuphumelela ugqatso.

Uzigcina njani womelele usempilweni?
Ndibaleka kabini ngemini. Ndivuka kwangonyezi ndithi chu ukubaleka kangangemizuzu engama-30. Ngentsimbi yesi-3 emva kwemini ndiyaziqeqesha kwakhona ithuba elingangeeyure ezintathu. Ndiziqhelisa ngelo xesha ke ukudlala ibhola.

Ungalucebisa uthini ulutsha oluthanda imidlalo?
Ziqeqeshe ngokuzimisela, ngokwenza njalo kuya kuba lula ukudlala.



Umhla:





Masibhale

Emva kokuba ulifundile eli nqaku lingoMatlou nodliwano-ndlebe kunye naye, phendula le mibuzo ilandelayo.
Ziintoni uMatlou aziphumeleleyo?

Sazi njani ukuba uMatlou uzinikele kwibhola ekhatywayo? Caphula izizathu enqakwini.

Ikhondo lakhe lokudlala ibhola ekhatywayo laqala njani?



Masisebenze

Iqabane lakho malibe ngumdlali wesoka oyintshatsheli. Yiba nodliwano-ndlebe neqabane lakho ufumanise ngakumbi ngempumelelo yakhe.
Kuza kufuneka ufumane ezi nkcukacha:

- Waqala nini futhi njani ukuba nomdla kulo mdlalo?
- Impumelelo yakhe kwezemidlalo.
- Umyalezo anawo kulutsha.



Masibhale

Ngoku khetha umntu othile esikolweni sakho okanye kubahlali ocinga ukuba unetalente kwezemidlalo. Cela loo mntu akuvumele nibe nodliwano-ndlebe. Kudliwano-ndlebe, zama ukufumana iimpendulo kwimibuzo engasezantsi. Emva koko bhala iingongoma ezichaza isimo salo mntu.

- Kwakunjani ngexesha lokukhula kwakho? Waqala nini ukuba nomdla kwezemidlalo?
- Zeziphi izinto oye waphumelela kuzo?
- Uthini umyalezo wakho onawo kwabanye abantu abatsha apha eMzantsi Afrika?



Yibhola ekhatywayo, kuyo yonke indawo



- Yeyiphi imidlalo othanda ukuyidlala okanye ukuyibukela?
- Ngubani umntu ongumdlali ongoyena umthandayo? Ngoba kutheni?
- Ucinga ukuba umntu angenza ntoni ukuze abe yintshatsheli yezemidlalo?
- Ngoobani abaziintshatsheli kwisoka, kwezembaleki, ekuqubheni, nakweminye imidlalo?









Ngo-2010 uMzantsi Afrika wasindleka imidlalo yetumente yesoka yeNdebe yeHlabathi yeFIFA. Amawaka-waka ababukeli bandwendwela amabala ezemidlalo alishumi ukuya kubukela le midlalo. Amaqela esoka avela kulo lonke ihlabathi eza kukhuphisana ngale Ndebe.

Zeziphi izinto ozaziyo ngale tumente yebhola ekhatywayo yango-2010?
Funda ingcaciso kwezi theyibhile zingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Itheyibhile 1: Amabala ezemidlalo eSoka yeNdebe yeHlabathi ngo-2010

Idolophu	Ibala lezemidlalo	Inani lezitulo zababukeli
eKapa	eGreen Point	40 000
eBloemfontein	Free State	70 000
eThekwini	e Mabhida	60 000
eRhawutini	e-Ellis Park	95 000
eRhawutini	eSoccer City	40 000
eNelspruit	eMbombela	40 000
ePolokwane	ePeter Mokaba	40 000
eRustenburg	eRoyal Bafokeng	45 000
ePitoli	eLoftus Versveld	45 000
eBhayi	eNelson Mandela Bay	50 000



Umhla:


Itheyibhile 2: Iziphumo zetumente yeBhola ekhatywayo eyiNdebe yeHlabathi yeFIFA ka-2010				
Imidlalo eyandulela owamagqibela kankqoyi				
Umhla	Ibala lezemidlalo	Ilizwe 1	Ilizwe 2	Amanqaku
02 EyeKhala 2010	Nelson Mandela Bay/ eBhayi	Netherlands	Brazil	2:1
02 EyeKhala 2010	eRhawutini	Uruguay	Ghana	1:1
03 EyeKhala 2010	eKapa	Argentina	Germany	0:4
03 EyeKhala 2010	eRhawutini	Paraguay	Spain	0:1
Imidlalo elandela nqo owamagqibela kankqoyi				
06 EyeKhala 2010	eKapa	Uruguay	Netherlands	2:3
07 EyeKhala 2010	eThekwini	Germany	Spain	0:1
Imidlalo yamagqibela kankqoyi				
11 EyeKhala 2010	eRhawutini eSoccer City	Netherlands	Spain	0:1



Masibhale

Sebenzisa iinkcukacha ezikwitheyibhile yoku-1 neyesi-2 uze uphendule imibuzo elandelayo. Bhala iimpendulo zakho kwesi sithuba sishiyiweyo.

Leliphi elona bala lezemidlalo likhulu kakhulu?	
Bangaphi abantu abanokungena kulo?	
Wadlalwa nini umdlalo wokugqibela?	
Wadlalelwa kweyiphi idolophu?	
Wadlalelwa kweliphi ibala lezemidlalo?	
Ngawaphi amazwe adlala kwimidlalo eyandulela owamagqibela kankqoyi?	
Yadlala nini iGhana?	
Yayidlala neliphi ilizwe?	
Ayesithini amanqaku xa kwakudlala iGhana?	
Yadlalela phi iGhana?	
Leliphi iqela elaphumelelayo ekugqibeleni?	
Ayesithini amanqaku?	



Designing my own advert

Masifunde



AmaTshayina

Kwikhulu leminyaka eyadlulayo eTshayina, malunga no-400 BC, amajoni ayedlala umdlalo obizwa ngokuba yi- "Tsu'Chu", owawungumdlalo owandulela umdlalo webhola ekhatywayo. Abadlali babekhaba ibhola eyayihlohlwe iintsiba ingene kwinethi encinci emalunga nama-40 cm ububanzi, ebanjwe ziingcongolo.

AmaJapani

Kamva, malunga nowama-600 AD, iJapan yaba neyayo inguqulelo yebhola ekhatywayo, ebizwa ngokuba yi-"Kemari". Abadlali babesenza isangqa baze bakhabe ibhola iye komnye nomnye kodwa kufuneka ingaweli emhlabeni. Oku kuqhelekile, akunjalo?





AmaGrike

AmaGrike nawo ayenolwawo uhlobo lwebhola ekhatywayo, olwalusaziwa ngokuba yi- "Episkyros", olwalubandakanya ukukhaba nokuyithwala ibhola.Yayidlalwa ngamaqela amabini ayenokuba nabadlali abangama-27 iqela ngalinye! Lo mdlalo wawufana nomdlalo obizwa ngokuba ngumbhoxo namhlanje.

Phambi kokuba ufunde

- Jonga imifanekiso kunye nezihloko uze uqikelele ukuba inqaku limalunga nantoni na.
- Funda ukhawulezisa ukuze ubone oza kufunda ngako.

Ngeli xesha ufundayo

- Thelekisa ingqikelelo nokufundileyo
- Ukuba kukho umqolo ongawuvisisiyo, wufunde kwakhona ngokucotha. Funda ukhwaze.

AmaRoma





Ibhola ekhatywayo yamaRoma yayibizwa ngokuba yi- "Harpastum". Nayo yayinamaqela amabini anabadlali abangama-27 kwicala ngalinye. Abantu babekonwabela ukuyidlala nokuyibukela. Izihlwele ezikhulu zabantu zazisiya kubukela imidlalo yeHarpastum, eyayisoloko ibanjelwa kwizakhiwo ezifana namabala ezemidlalo esiwaziyo namhlanje. Yayikwayindawo yokushishina kwabathengisi basesitratweni abathengisa iipitsa nesipagethi kwizihlwele ezikhulu zababukeli abathanda ulonwabo!



Masithethe

- Umdlalo webhola ekhatywayo waqala kwawaphi amazwe?
- Sazi njani kumaziko ewebhu ukuba abantu babeyithanda?
- Kwakutheni ukuze lo mdlalo uyekiswe?

ENgilane




ENgilane abantu abaqhelekileyo abavela ezilalini babehlangana ukuze bakhabe ibhola ezitalatweni nasemabaleni. Umdlalo wawunobungonyama. Abantu babetyhalana basunduzane yaye babesonzakala kakhulu. Umdlalo wawungenamigaqo yaye kwakuyingozi kakhulu ukuwudlala. Babesithi lo mdlalo yi-"Shrovetide football" xa bewubiza. Kwakukhuphisana iidolophu neelali, kuthathe inxaxheba abantu abaninzi kukhuphiswano olwaluqhuba imini yonke. Ibhola yayinokukhatywa iye ezitalatweni, emanzini, kwiindawo ezithengisayo nakumaphahla ezindlu – naphi na. Babengekho oosompempe, kungekho zibhola ziphumileyo, kungekho zifakwa ngokugityiselwa ngaphakathi ebaleni, kungekho zikhatyelwa ukuqala umdlalo, ezikhatywa ezikoneni, ezikhatywa ngunozinti, ebekwa ize ikhatywe ngunozinti, neendawo abadlali abadlala kuzo. Ayimangalisi into yokuba abantu abaninzi baphela benemilenze, iingalo neentloko ezingxwelerhekileyo.

Isoka, umdlalo ongekho mthethweni



Ngo-1314, uKumkani uEdward II wayalela uSodolophu waseLondon ukuba akwenze kungavunyelwa ngumthetho ukudlala ibhola ekhatywayo edolophini. Oku kwakungenxa yengxolo eyayibasedolophini nokwenzakala kwabadlali. Emva koko, uKumkanikazi uElizabeth I wayebavalela entolongweni abadlali bebhola ekhatywayo kangangeveki enye. Kodwa kwakungekho nto inokuwumisa umdlalo. Abantu bazifaka emngciphekweni wokuvalelwa entolongweni ngenxa yomdlalo abawuthandayo.

Imigaqo yokuqala



Imigaqo yesoka yokuqala yaqaliswa ngo-1815. Isikolo samaNgesi , i-Eton College, yaseka uluhlu lwemigaqo ngeenzame zokunciphisa ukungabikho kwesimilo emdlalweni. Oku yaba kukuqala kwebhola ekhatywayo njengoko siyazi namhlanje.

Ukuthandwa kwawo kwihlabathi lonke

Ukuqaliswa kwemigaqo esemthethweni kwanceda ekwandiseni ukuduma kwebhola ekhatywayo. Umdlalo wanwenwa ngokukhawuleza kwiBhilitane yonke waza ngokukhawuleza wafika eYurophu nakwihlabathi jikelele. UKhuphiswano lweNdebe yeHlabathi yokuqala ngqa lwabakho ngo-1930. Olu khuphiswano luqhubeka qho kwiminyaka emine ukususela ngoko yaye luluphawu lokuduma kwalo mdlalo kwihlabathi lonke. Phofu, ibhola ekhatywayo namhlanje ngowona mdlalo udumileyo kwihlabathi lonke.



- Yeyiphi imigaqo esinayo kwibhola ekhatywayo yanamhlanje ukuqinisekisa ukhuseleko lwabadlali ebaleni?
- Thetha nomhlobo wakho ngezigaba ezahlukileyo kwimbali yomdalo webhola ekhatywayo.
  Xoxa ngokuba ibhola ekhatywayo ithetha ntoni na esikolweni sakho, kusapho lwakho, kubantu basekuhlaleni nakwinkcubeko yakho.

Designing my own advert



Masibhale

Bhala ngomdlalo (okanye nantoni na othanda ukuyenza) owuthanda kakhulu.


- Yenza isicwangciso sento oza kuyibhala.Yenza isazobe sokucinga ngesi sihloko nabahlobo bakho nize nibhale kwesi sazobe sokucinga.
- Emva koko bhala ilinge lakho lokuqala kwiphepha nje uze ucele umhlobo wakho alifunde alihlele.
- Bhala isincoko sakho kakuhle kwisithuba esikwelinye iphepha.



1 Ngowuphi umdlalo okanye into othanda ukuyenza?

2 Ngoobani abaziinkokheli kulo mdlalo?


3 Ithini imbali yomdlalo wakho/wento yakho othanda ukuyenza?



4 Ithini imigaqo yalo mdlalo?

5 Udume kangakanani?

6 Udlalelwa phi?



Umhla: _____

Ngowuphi umdlalo/yintoni othanda ukuyenza _____

Ngowuphi umdlalo okanye into othanda ukuyenza?	
Ngoobani abaziinkokheli kulo mdlalo?	
Ithini imbali yomdlalo wakho/wento yakho othanda ukuyenza?	
Ithini imigaqo yalo mdlalo?	
Udume kangakanani?	
Udlalelwa phi?	



Designing my own advert

Okunye ngezichazi

Isichazi ligama elichaza isibizo okanye isimelabizo. Izichazi zikuxelela ukuba umntu okanye into injani na. Umzekelo, "inja" sisibizo, kodwa yinja eluhlobo luni? Inja "enkulu, enombala omdaka enoboya" isixelela ngakumbi ngenja enoboya.
Izichazi zinokusixelela ngakumbi ngenani "Kukho abafundi abalishumi elinesixhenxe eklasini."

Ishumi elinesixhenxe sisichazi esisisiphawuli.
Zikwaphendula umbuzo othi: Esiphi/ Eziphi?" Umzekelo:

- **Zihlala njani ezi ntlanzi?**
- **Yenzani laa mvubu?**
- **Zazivela phi ezi nyathi zasendle?**



Masibhale Hlaba amagama angezizo izichazi.

khulu	ngephanyazo	iphepha	enqunquthekayo
nciphileyo	cotha	ekhazimlayo	emnandi
bomvu	baleka	ethambileyo	icephe
ngokukhawuleza	tsha	eshushu	luhlaza



Wakugqiba sebenzisa izichazi ezi-5 wakhe izivakalisi.

Umhla: _____



Masibhale

Krwela umgca kwisichazi (kwizichazi) kwisivakalisi ngasinye.



Kuza kubakho izitulo ezizuba nezibomvu kwibala lezemidlalo elitsha.
Bekukho imiqamelo ethambileyo neengubo ezishushu kwibhedi endala.
Umzobi odumileyo wapeyinta loo mifanekiso mihle encwadini yakho.
Ndiza kuya kwindlu kaDudu ukuze ndibone ibhayisekile yakhe entsha ebomvu.
UJabu ohlakaniphileyo wabhaka ikeyiki yetshokolethi emnandi kakhulu.
Yintaka encinci, enombala omdaka engxolayo.
Amahlengesi mancinane kakhulu kuneminenga.
Ikati encinci, ethuleyo, engwevu ikrwela itafile yeplanga ekhazimlayo



Hlela izichazi osele uzikrwelele umgca kula makhadi.


Inani	Umbala	Incasa okanye ivumba
Udidi	Ubukhulu	Isandi

Designing my own advert



- Yeyiphi imozulu oyithanda kakhulu?
- Kutheni kubalulekile kuthi ukuba sazi ukuba imozulu iza kuba njani na ngomso okanye kule veki izayo?
- Ukhe ulumamele uqikelelo lwemozulu? Ngoba kutheni?
- Injani imozulu yanamhlanje?
- Chaza ukuba injani na imozulu ngamaxesha onyaka awahlukileyo apho uhlala khona.
- Ubungafudukela kwindawo eshushu kakhulu okanye ebanda kakhulu? Ngoba kutheni?

Jonga kule mephu yemozulu uze ugqibezele le theyibhile ingezantsi.



Bhala iimeko zemozulu namaqondo obushushu kwezi dolophu zilandelayo.

Idolophu	Amaqondo asezantsi	Amaqondo aphezulu	Chaza iimeko zemozulu
Polokwane			
eRhawutini			
Bloemfontein			
eThekwini			
Upington			
eMthatha			
George			

Bhala iimpendulo zale mibuzo. Zeziphi iindawo ezizezona zishushu eMzantsi Afrika? Nika amagama namaqondo obushushu.

Kuna kweyiphi idolophu?

Yeyiphi idolophu enomsinga womoya obandayo?

Xela idolophu okanye isixeko sibe sinye esisibekeleyo. _____

Kuphi apho kukho amaqondo angawona aphantsi kwaye athini? _____

Sithini isantya somoya necala obheka ngakulo? _____

Uzilindele phi iindudumo? _____


Sesiphi isixeko esithe gqaba-gqaba ngamafu? _____



Masibhale

Jonga kulo mfanekiso ungezantsi. Olu didi lomfanekiso lubizwa ngokuba yigrafu yemigca. Qwalasela ukuba umgca ngamnye unombala owahlukileyo. Le migca isixelela ntoni? Uya kufumana impendulo kwicala langasekhohlo legrafu.

EKapa, iGrafu yeKlayimethi yaseMzantsi Afrika (Umphakamo: 42m)





Masithethe

Kule theyibhile bhala phantsi imibala yemigca ebonisa oku kulandelayo:

Amaqondo aphakathi		Amaqondo olwandle	
Inani eliphakathi leeyure zelanga ngosuku ngalunye		Ukufuma	
Inani leentsuku ezineqabaka		Isantya somoya	

Sebenza kunye nomhlobo wakho. Jonga le tshathi kwakhona uze uphendule le mibuzo ilandelayo.

Ayesithini amaqondo asezantsi ekupheleni kweyomSintsi?

Lalisithini inani eliphakathi leeyure zelanga ekupheleni kweyomDumba?

Kukweyiphi inyanga apho ukufuma bekukwelona qondo liphezulu?

Kukweyiphi inyanga apho amaqondo olwandle ebengawona abandayo?

Kukweyiphi inyanga apho amaqondo obushushu ebengawona aphezulu?

Zeziphi iinyanga ezibe neyona mvula ininzi?


Designing my own advert



Yonke into ephilayo emhlabeni ixhomekeke emanzini. Ngaphandle komoya esiwuphefumlayo, amanzi yeyona nto ibalulekileyo kuzo zonke izinto eziphilayo. Ngaphandle kwawo, izinto eziphilayo azinakuhlala ziphilile. Ukuba asinamanzi aneleyo kwimizimba yethu, izinto ezingafunwayo ngumzimba azinakukhutshelwa ngaphandle. Oku kungachaphazela amalungu omzimba amaninzi yaye kungabangela izifo.

Kufuneka siqonde umjikelo wamanzi ukuze siqonde apho amanzi aphuma khona. Umjikelo wamanzi kukuhamba kwamanzi okungapheliyo phakathi kolwandle, umhlaba nomoya.

Umfanekiso ongezantsi ucacisa yaye ubonisa oko kwenzekayo kumjikelo wamanzi.



1 **Ukujika kwamanzi abe ngumphunga**
Ilanga lenza shushu amanzi emilanjeni okanye elwandle lize liwajike amanzi abe ngumphunga.

2 **Ukujika komphunga**
Xa umphunga wamanzi usemoyeni uye ubande ujiye uze ujike ube ngamafu.

3 **Imvula**
Xa amanzi amaninzi ethe ajiya, umoya awunako ukuwagcina onke. Amafu aba nzima aze amanzi awe ebuyela emhlabeni ekwimo yesichotho, yekhephu, yeliqhwa, yemvula,

4 Xa amanzi ephelela emhlabeni aya kuhamba abe ngamanzi omhlaba asetyenziswa zizityalo nazizilwanyana. Anako nokuba yimilambo, amachibi namalwandle uze umjikelo uqale kwakhona.

Umhla:



Jonga kulo mzobo womjikelo wamanzi kwakhona. Caciselanani ukuba usebenza njani na umjikelo wamanzi. Kwingcaciso yakho sebenzisa la magama alandelayo: ukujika kwamanzi abe ngumphunga, ukujiya komphunga, ukuna.



- Sebenzisa isazobe sokucinga ukukunceda ekucwangciseni ukubhala kwakho
- Bhala kuqala ngokuntlakantlaka
- Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana sintlakantlaka
- Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.

Umzobo ubonisa umjikelo (izinto ezenzeka ngendlela ecwangcisekileyo).

Ngoku bhala isivakalisi uchaze oko kwenzekayo kwisigaba ngasinye somjikelo.

- Isigaba 1:

- Isigaba 2:

- Isigaba 3:

Designing my own advert

Kwezi veki zimbini zidlulileyo ukhe wafunda iindidi ezahlukileyo zezicatshulwa zolwazi. Cwangcisela ukubhala isicatshulwa esinika ulwazi. Kuya kufuneka ukhethe isihloko uze emva koko wenze uphando usebenzisa iincwadi ezinokunika ulwazi okanye i-intanethi.
Gqibezela esi sazobe sokucinga sikuncede ekucwangciseni kwakho.



- Sebenzisa isazobe sokucinga ukukunceda ekucwangciseni ukubhala kwakho
- Bhala kuqala ngokuntlakantlaka
- Cela umhlobo wakho alungise okanye ahlele esi siqendwana sintlakantlaka
- Qwalasela kwakhona oko ukubhalileyo uze wenze izilungiso ezifanelekileyo
- Bhala ngokucocekileyo encwadini yakho.

Isihloko sam



1 Intshayelelo yolwazi lwam

2 Yintoni endiyifundileyo kuphando lwam

3 Zithini iingcali ngesi sihloko

4 Yeyiphi imizobo okanye imifanekiso endinokuyisebenzisa

5 Zeziphi izihlokwana zemihlathi endiya kuzisebenzisa



Umhla:



Masibhale

Bhala ilinge lesihloko sakho. Cela umhlobo wakho ahlele umsebenzi wakho. Kufuneka ajonge upelo, iziphumlisi, ukunxibelelana kwentsingiselo nolandelelwano lwezimvo. Qinisekisa ukuba unazo izihlokwana nokuba imizobo yakho okanye itshathi yakho icacisa loo nto uyithethayo.

1

2

3

4

Designing my own advert



Ukhe usisebenzise isikhokelo sikamabonakude? Qwalasela esi sikhokelo sikaMabonakude.
Xelela umhlobo wakho ukuba zeziphi na iinkqubo ongathanda ukuzibukela. Xela ukuba zikweyiphi na itshaneli kwaye zingabani ixesha.



Itshaneli kaSABC 1		Itshaneli kaSABC 2		Itshaneli kaSABC 3		Itshaneli kaMagic World	
17:00	Captain Planet (eyabantwana)	17:00	Dragon Ball (eyabantwana)	17:30	Oprah Winfrey	06:00	Channel O
17:28	Khawumamele umzuzwana nje	17:30	Iindaba	18:30	Isidingo	12:00	iintengiso
17:30	Iingongoma zeendaba	18:00	Takalani Sesame (eyabantwana)	19:00	News@7 (Iindaba ngesiNgesi)	13:00	Koowee (eyabantwana)
18:00	The Bold and the Beautiful	18:30	7de Laan	19:30	Itshaneli yezikolo	18:00	Channel O
10:30	Amagqabantshintshi ngezemidlalo	19:00	Iindaba ngesiBhulu	20:29	Iindaba kwimizuzwana engama-60	19:00	Studio Music
19:00	Iindaba eziphambili	10:30	Pasella	20:30	Prison Break	20:00	A Brother with Perfect Timing
20:00	Imozulu ngokufutshane	20:30	Sport upUmhla	21:15	Weather for the week	20:30	Will it rain or shine?



Ngoku funda isikhokelo sikaMabonakude ngocoselelo uze uphendule le mibuzo.



Umbukela nini uTakalani Sesame?	
Zeziphi iinkqubo ezizezemidlalo?	
Zeziphi iinkqubo ezikunika iindaba ngomzuzu?	
Kufuneka unike isishwankathelo seendaba eklasini.Yeyiphi inkqubo eya kukunika ingcaciso oyifunayo ukuze wenze oku?	
Zeziphi iinkqubo eziya kukunika ingcaciso ngemozulu?	


Umhla:

Zihlole!


Ndiyakwazi		
ukufunda ibali		
ukuqikelela ibali ngokujonga imifanekiso nezihloko		
ukuphendula imibuzo yokuqonda ngomlomo		
ukuchaza abalinganiswa abaphambili ebalini		
ukuchaza abalinganiswa ndisebenzisa izichazi		
ukubhala inkcazo yomntu ophilayo ebomini		
ukucwangcisa ibali elinabalinganiswa abakholelekayo ndize ndilibhale		
ukunika iintsingiselo zezimaphambili nezimamva		
ukuchaza amaqhalo nezafobe ebalini		
ukushwankathela ibali kwidayari		
ukwenza isazobe sokucinga xa ndisenza isicwangciso sebali ndijolise kubalinganiswa, imontlalo nakwisakhiwo sebali		
ukuhlela ibali lam nelomhlobo wam		
ukubhala kakuhle ibali elihleliweyo		
ukusebenzisa ixesha elidlulileyo		
ukuchaza izenzi ezikwisivakalisi		
ukwakha izivakalisi ezikwixesha elidlulileyo		
ukuchaza nokusebenzisa iintsiza-senzi		
ukuchaza izichazi (iziphawuli nezibaluli)		
ukusebenzisa izichazi kwizivakalisi		
ukufunda isicatshulwa ndifuna ulwazi		
ukubhala isicatshulwa esinika ulwazi		
ukuqikelela ibali ngokusebenzisa izikhokelo ezibhaliweyo nezibonwayo		
ukufunda itheyibhile yemidlalo yesoka		
ukuphendula imibuzo esekelwe kwigrafu nakwiitheyibhile		
ukwenza isicwangciso sesicatshulwa esinika ulwazi		
ukubhala isicatshulwa esinika ulwazi ngokulandelelana kwezimvo		
ukusebenzisa ulwimi oluchazayo		
ukutolika imizobo nokubhala ngayo		
ukufunda isikhokelo sikamabonakude nokuphendula imibuzo esekelwe kuso		



Designing my own advert











BLACK

BLUE

2

5

GREEN

BROWN

6

MAYBE

NO WAY

THAT'S IT

NO

1

3

CAN BE

CORRECT

FALSE

YES

4

ORANGE

RED

8

7


YELLOW

PURPLE


Instructions:



1. Cut off the instructions.




2. Fold the paper in half and in half again.



3. Unfold it and place it printed side down.

4. Fold up all 4 corners so that the points meet in the middle.



5. It should now look like this.



6. Flip it over.
7. Fold up all 4 corners so that the points meet in the middle.



8. It should now look like this.



9. Fold it in half.



10. Work your fingers into the corners so that the creases form the four points.

How to use the Fun Finger Fortune:

1. Have a friend ask a "Yes or No" question. (like "am I pretty?" or "Does Sam like me?")
2. Ask them to pick a color. Spell out the color "R" - "E" - "D" while opening and closing the Fun Finger Fortune Teller in opposite directions with each letter.
3. Then ask them to pick a number from where the Fortune Teller was left open after the last letter.
4. Now open and close the Fortune Teller in opposite direction that number of times.
5. Now have them pick one of the numbers showing. Pull up the flap with that number on it... and your answer will be revealed.

